# Ministerial Foreword



Matsie Angelina Motshekga, MP
Minister of Basic Education

The Department of Basic Education remains steadfastly committed to innovative strategies aimed at enhancing learner attainment. Consistent with the government's commitment in promoting the indigenous languages that form the tapestry of our democratic landscape, this Mind the Gap Self study guide is a concrete demonstration of this commitment.

The release of this self-study guide incorporates all the official African Home Languages focusing on the novel genre at this stage. Not only does the study guide incorporate the African languages, but it also incorporates South African Sign Language Home Language, Afrikaans Home Language and English First Additional Language.

The Mind the Gap Literature Self Study Guide is responding to the broader sectoral reading challenges that the country is experiencing. It seeks to strengthen the following strands of the National Reading Sector Plan: Teacher Development and Support; Direct Learner Support; and Provisioning and Utilisation of the Learning and Teaching Support Materials. Its interactive nature will make it easier for both teachers and learners to read, to learn or study. It is hoped that through this Study Guide, the reading and learning outcomes will be achieved.

Key terminologies are explained or illustrated in a simplified manner and examples of the types of questions as a learner you may expect to be asked in an examination, are included in this study guide. In order to build your understanding, specific questions and possible responses forms part of the study guide package.

The study guide is designed to appeal to any learner offering Grade 12, whether as a part-time or a full-time candidate. Educators in the field will also find it an invaluable resource in their practice.

Every learner is a national asset, all you need now is to put in the hours required to prepare for the examinations and excel!
We wish each and every one of you good luck and success.

**MRS AM MOTSHEKGA, MP**
**MINISTER**
**DATE: 14 NOVEMBER 2019**

## ITHEYIBHILE YESIQULATHO


| Inombolo yesahluko | UMXHOLO | IPHEPHA |
|---|---|---|
| | **Itheyibhile yesiqulatho** | 1-2 |
| Isahluko 1 | **Intshayelelo eya kubafundi** | 3-6 |
| Isahluko 2 | **Amagqabantshintshi ngephepha lesiBini:**<br>• Ubume bephepha lesibini<br>• Imiyalelo eya kubafundi malunga nephepha lesiBini<br>• Ingcaciso ngemibuzo emifutshane yoncwadi.<br>• Ingcaciso ngemibuzo emide yoncwadi.<br>• Indlela yokuphendula eli phepha<br>• Okulindelwe ngabavavanyi kumfundi xa ephendula imibuzo kweli phepha.<br>• Uluhlu lwamagama asetyenziswa kwimibuzo.<br>• Amagqabantshintshi ngombhali<br>• Intsingiselo yesihloko seDrama<br>• Isishwankathelo seDrama | 7-12 |
| Isahluuko 3 | **Uhlalutyo lweDrama**<br>• Yintoni iDrama<br>• Iindidi zeDrama<br>• Amaggabantshintshi ngombhali<br>• Intsingiselo yesihloko noqweqwe lwaleDrama<br>• Isishwankathelo sebali.<br>• Isakhiwo nesakhiwana sebali<br>• Imiba ebalulekileyo nemayiqwalaselwe xa kufundwa iDrama (amanqanaba esakhiwo seDrama<br>• Impixano<br>• Abalinganiswa<br>• Indima kaNobalisa<br>• Umxholo<br>• Umxholwana<br>• Umongo<br>• Imfundiso<br>• Umyalezo<br>• Ulwimi nesimbo<br>• Isimo sentlalo kunye nemvelaphi<br>• Isiphelo<br>• Isigqebelo<br>• Ukulandelelana kwezi ganeko eziqhubeka kule Drama | 13-54 |
| Isahluko 4 | **Isishwankathelo seDrama ngokwendima**:<br>Indima 1-6 | 55-74 |
| Isahluko 5 | **Amanye amanqakwana okuncedisa umfundi ngale Drama**<br>• Imixholwana efumaneka kule Drama:<br>• Ubuhlobo benene<br>• Uthando olunyanisekileyo<br>• Ukululama okugquthisileyo<br>• Ukumel'inyaniso<br>• Ukwamkel'imeko okuyo | 74-83 |
| Isahluko 6 | **Uvavanyo**<br>Imzekelo yemibuzo esisincoko soncwadi neempendulo<br>Imizekelo yemibuzo emifutshane neempendulo. | 84-113 |
| | Incwadi ezisetyenzisiweyo | 114 |
| | **Izihlomelelo**<br>• Isihlomelelo A: Irubriki yokumakisha isincoko sencwadi-iNoveli/uNcwadi lwemveli/iDrama | 115-116 |
| | **Imibuzo ejoliswe kubafundi ngesi sisikhokelo** | 117-118 |

## ISAHLUKO 1: INTSHAYELELO EYA KUMFUNDI

### 1.1 Bhota mfundi webanga le-12



Esi sisikhokelo sokufunda soncwadi esibizwa ngokuba yiMind the Gap esenzelwe ukuncedisana nawe mfundi xa ulungiselela iimviwo zakho zebanga le-12 ukuphela konyaka. Amaphepha eemviwo zolwimi lwaseKhaya mathathu: Iphepha lokuqala: Ukusetyenziswa kolwimi ngokusemxholweni, Iphepha lesi-2: Uncwadi, Iphepha lesithathu: Ukubhala.
Iphepha lesi-2, Uncwadi luquka ukufundwa kwezi ncwadi zilandelayo: Imibongo, iNoveli/Uncwadi lweMveli kunye neDrama.
Esi sikhokelo sokufunda soncwadi kulwimi lwesiXhosa lwaseKhaya sizakugxila kwiDrama kuphela.
Esi sikhokelo sigxile kwiDrama emiselweyo yesiXhosa yebanga le-12 ethi “Buzani kuBawo” ebhalwe nguW.K Tamsanqa.


#### 1.1.1 Indlela yokusebenzisa esi sikhokelo.

Kwesi sikhokelo kufumaneka oku kulandelayo:

- Iingcebiso ezisi-7 eziphambili zokufunda.
- Omawukwenze ngomhla wokubhala iimviwo.
- Amagqabantshintshi ngephepha lesibini.
- Imiyalelo eya kuwe mfundi efumaneka kwiphepha loviwo.
- Ingcaciso ngemibuzo emide nemifutshane nendlela yokuyiphendula.
- Okulindelwe ngabavavanyi kumfundi xa ephendula imibuzo yeli phepha.
- Uluhlu lwamagama asetyenziswa xa kubuzwa imibuzo.
- Ingcaciso ngedrama
- Amagqabantshintshi ngombhali.
- Intsingiselo yesihloko sedrama.
- Isishwankathelo sebali.
- Isakhiwo sedrama, (intshayelelo, ukukhula kwempixwano, uvuthondaba, uyondelelwano lwezinto/ukujiya kwezinto/ ukusombuluka kwezinto nesiphelo, uphuphelo (ihint ngento esezakwenzaka), okukhumbuza ngesiganeko ebesikhe sadlula.

- Ukuzotywa kwabalinganiswa.
- Indima yombalisi/ unobalisa- umlinganiswa / uluvo lwakhe.
- Umxholo, umxholwana, umongo, umyalezo nemfundiso
- Imvelaphi nesimo sentlalo –ngokunxulumene nomlinganswa nomxholo.
- Imo nethowuni / imvakalozwi.
- Isigqebelo / isiphelo esisisothuso.
- Ingxoxo/ intshukumo nezalathiso zaseqongeni.
- Unxulumano phakathi kwengxoxo yababini / incoko yoyedwa kunye nesiganeko.
- Isigqebelo.
- Ukulandelelana kweziganeko
- Isishwankathelo sedrama ngokweendima nemiboniso.
- Imizekelo yemibuzo emide nemifutshane.
- Amanqakwana okuncedisa umfundi.
- Iincwadi ezisetyenziswey

| | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
|  | Nika ingqalelo ekhethekileyo. |  | Imizekelo yemisetyenzana |  | Ukulandelelana kwemiyalelo. |
|  | Iingcebiso ezikuncedisa ukuba ukhumbule isigama esithile ukuze ukwazi ukusombulula ingxaki. |  | Imisetyenzana enemibuzo emayiphendulwe. | uVavanyo  | Jonga kwimibuzo yokuzilungiselela. |



1.2 **Iingcebiso ezisi-8 eziphambili zokufunda:**

1.2.1 Cwangcisa ukufunda kwakho ngendlela elula ngokuthi uwohlule umsebenzi wakho ngokweziqendu, umzekelo ukuzotywa kwabalinganiswa, impixwano, isimo sentlalo njalo njalo. Oku kuya kukunceda ukuba uqeqeshe ingqondo yakho igxile.

1.2.2 Thabatha imizuzwana uphumle emva kokufunda isiqendu phambi kokugqithela kwesinye.

1.2.3 Qinisekisa ukuba zonke izixhobo zakho zokufunda ziphelele phambi kokuba uqalise, umzekelo: ipensile, usiba lokubhala, amaphepha okubhalela njalo njalo.

1.2.4 Zithembe ngesiqu sakho, loo nto iya kukunceda ukuba ingqondo yakho igcine zonke iinkcukacha zokufundileyo.

1.2.5 Ingqondo ifunda lula xa kusetyenziswe imibala kunye nemifanekiso. Zama ukuyisebenzisa kangangoko unakho.

1.2.6 Ukuphindaphinda oko ukufundileyo kuya kuba sisitshixo sokukhumbula iinkcukacha zokufundileyo. Qhubekeka nokuphindaphinda umsebenzi owufundileyo kude kube lula ukuwukhumbula.

1.2.7 Fundisa omnye umntu / ugxa wakho le nto uyifundileyo, ukuze ukwazi ukuyikhumbula lula. Iya kukunceda into yokufunda amanqakwana akho ukuzihlaziya ngokukhwaza/ ngokuvakalayo. Ukufunda amanqakwana akho okuhlaziya ngokuvakalayo.

1.2.8 Ukulala ngokwaneleyo ebusuku, utye ukutya okusempilweni nokusela amanzi zizinto eziyimfuneko kwingqondo yakho. Ukufundela iimviwo kufana nokuzilolonga kwaye kufuneka ube ukulungele ngokwasemzimbeni, emoyeni nasengqondweni.

1.3 **Omawukwenze ngomhla wokubhala iimviwo**

1.3.1 Qinisekisa ukuba uza nazo zonke izixhobo zokubhala ezifana nepenisile, usiba lokubhala, njalo njalo. Qaphela: ukuba isazisi sakho usiphethe kunye neleta yakho echazayo ukuba uvumelekile ukuba uchophele iimviwo. Fika ngexesha elifanelekileyo kwigumbi lokubhalela, umzekelo iyure phambi kokuba ziqale iimviwo.

1.3.2 Yiya kwigumbi langasese phambi kokuba uhlalele iimviwo ukuze ungachithi ixesha ngokuphuma sele ziqalile iimviwo.

1.3.3 Yazi phambi kokuba ubhale ukuba yeyiphi incwadi oyiphendulayo kuwo onke amaCandelo kweli phepha lesi -2 loncwadi. Sebenzisa imizuzu elishumi ufunde imiyalelo ngokuchanekileyo.

1.3.4 Wufunde umbuzo ngamnye ngokuwuqonda, wandule ukuwahlulahlule ukuze uqiniseke ukuba uyayiqonda into ebuziweyo. Jonga amagama angundoqo embuzweni ukuze akuncede ukuphendula umbuzo. Ukuba umbuzo

awuwuphendulanga ngokuchanekileyo awusayi kufumana manqaku. Uza kufumana uluhlu lwesigama esisetyenziswa xa kubuzwa imibuzo kwiphepha le-11 kwesi sikhokelo sokufunda.

1.3.5 Sebenzisa ixesha lakho ngokuchanekileyo njengoko ucetyisiwe kwiphepha loviwo. Qala ngowona mbuzo ocinga ukuba uyawazi kodwa uwunombole njengoko unjalo kwiphepha loviwo. Qwalasela amanqaku ombuzo ngamnye ukuze ukwazi ukuphendula ngokomthamo olindelekileyo, umzekelo: umthamo wombuzo onenqaku elinye awulingani nomthamo wombuzo onamanqaku amabini/ mathathu.

1.3.6 Ingqondo yakho mayihlale izinzile ngalo lonke ixesha nokuba ngaba kukho umbuzo okunika ubunzima xa uqala ukuwujonga kuba kusenokubakho ukunxulumana komnye umbuzo obusele udibene nawo. Xa uxakiwe ngumbuzo, gqitha ukuze ubuyele kuwo ukuba ixesha liyakuvumela. Zama ukuphendula yonke imibuzo kangangoko unakho.

1.3.7 Bhala ngokucocekileyo, ngokucacileyo, ngocoselelo nangokulandelelana ukuze kube lula kubakokrekishi ukufunda iimpendulo zakho.

**ISAHLUKO 2**

**2.1 AMAGQABANTSHINTSHI NGEPHEPHA LESIBINI:**

Ubude bexesha lokubhala eli phepha ziiYure ezi**MBINI EZINEMIZUZU ENGAMASHUMI AMATHATHU (2½)**. Umviwa kulindeleke ukuba aphendule **IMIBUZO EMIHLANU** kwimibuzo ebuziweyo kwiphepha.

Qwalasela esi sishwankathelo sinamaCandelo amathathu, ekulindeleke ukuba uwaphendule kwiphepha lesiBINI kuviwo loncwadi gabalala.

| **ICANDELO A: ISIHOBE**<br>**Imibongo emiselweyo: Phendula NAYIPHI NA imibuzo emiBINI.** | | |
|---|---|---|
| **INANI LOMBUZO** | **UMBUZO** | **AMANQAKU** |
| 1. | Umbuzo omde | 10 |
| | **OKANYE** | |
| 2. | Umbuzo omfutshane | 10 |
| | **OKANYE** | |
| 3. | Umbuzo omfutshane | 10 |
| | **OKANYE** | |

| | | |
|---|---|---|
| 4. | Umbuzo omfutshane | 10 |
| **KUNYE**<br>**Umbongo ongamiselwanga: Unyanzelekile ukuba uwuphendule lo mbuzo.** | | |
| 5. | Umbuzo omfutshane | 10 |
| **ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI**<br>**Phendula umbuzo omNYE kweli candelo. *** | | |
| 6. Inkawu idliw' ilila | Umbuzo omde | 25 |
| 7. Inkawu idliw' ilila | Umbuzo omfutshane | 25 |
| **OKANYE** | | |
| 8. Nyana wam Nyana wam! | Umbuzo omde | 25 |
| 9. Nyana wam Nyana wam! | Umbuzo omfutshane | 25 |
| | **OKANYE** | |
| 10. Ukhozi olumaphiko | Umbuzo omde | 25 |
| 11. Ukhozi olumaphiko | Umbuzo omfutshane | 25 |
| | **OKANYE** | |
| 12. Ubuncwane Boncwadi Lwemveli | Umbuzo omde | 25 |
| 13. Ubuncwane Boncwadi Lwemveli | Umbuzo omfutshane | 25 |
| **ICANDELO C: IDRAMA**<br>**Phendula umbuzo omNYE kweli candelo. *** | | |
| 14. Buzani Kubawo | Umbuzo omde | 25 |
| 15. Buzani Kubawo | Umbuzo omfutshane | 25 |
| **OKANYE** | | |
| 16. Indlal' Inamanyala | Umbuzo omde | 25 |
| 17. Indlal' Inamanyala | Umbuzo omfutshane | 25 |

**QAPHELA: KUMACANDELO B no – C, qinisekisa ukuba uphendula umbuzo OMNYE OSISINCOKO nombuzo OMNYE OMFUTSHANE. Nceda ungaphenduli imibuzo EMIBINI EZIZINCOKO okanye imibuzo EMIBINI EMIFUTSHANE.**

## IMIYALELO EYA KUMFUNDI

**QAPHELA OKU KULANDELAYO MFUNDI:**

2.1.1 Eli phepha linamaCandelo AMATHATHU, angala:

- **ICANDELO A**: Isihobe (30)
- **ICANDELO B**: Inoveli/Uncwadi lwemveli (25)
- **ICANDELO C**: Idrama (25)

2.1.2 Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

2.1.3 Landela imiyalelo esekuqaleni kwiCandelo ngalinye ngocoselelo.

2.1.4 Qala iCandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

2.1.5 Kulindeleke ukuba uphendule IMIBUZO EMIHLANU iyonke: Imibuzo EMITHATHU kwiCANDELO A, OMNYE kwiCANDELO B NOMNYE kwiCANDELO C ngale ndlela ilandelayo:

**ICANDELO A: ISIHOBE**

IMIBONGO EMISELWEYO – Phendula nayiphi na imibuzo EMIBINI.

UMBONGO ONGAMISELWANGA – KUNYANZELEKILE UKUBA UWUPHENDULE.

**ICANDELO B**: INOVELI / UNCWADI LWEMVELI: Phendula umbuzo OMNYE.

**ICANDELO C**: IDRAMA Phendula umbuzo OMNYE.

- Phendula KUPHELA imibuzo ekwinoveli nakwidrama oyifundileyo.
- Phendula UMBUZO OMDE ube mNYE NOMFUTSHANE ube mNye.
- Ukuba uphendule UMBUZO OMDE kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO C.

**Qaphela**: Ukuba uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMDE kwiCANDELO C.

Yaba ixesha ngolu hlobo lulandelayo:

- **ICANDELO A:** Malunga nama-40 emizuzu
- **ICANDELO B**: Malunga nama-55 emizuzu
- **ICANDELO C**: Malunga nama-55 emizuzu.



Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ulandela imibuzo ekwiphepha loviwo. Qala icandelo ngalinye kwiphepha elitsha.

Cwangcisa ixesha lakho ngobuchule ukuze ukwazi ukuphendula imibuzo elindelekileyo.



**2.2 INGCACISO NGEMIBUZO EMIFUTSHANE YONCWADI**

- Injongo yokubuza imibuzo emifutshane kukufuna ukuqonda ukuba wena mfundi uyazi kangakanani na incwadi yakho yedrama oyifundileyo.
- Xa uphendula imibuzo emifutshane kwidrama, unikwa isicatshulwa esinomthamo ongamagama angama-200-350 ubude okanye unikwe izicatshulwa ezibini, ezinomthamo ongamagama ali-175 kwisicatshulwa ngasinye ubude.
- Kunyanzelekile ukuba uphendule imibuzo kwisicatshulwa eso usinikiweyo.
- Eminye imibuzo yeDrama iza kufuna ulwazi lwakho lokuqonda, igxile kwezi zinto zilandelayo; umxholo, abalinganiswa, imiqondiso, umongo njalo njalo ukanti eminye izakufuna uluvo lwakho.

**2.3 INGCACISO NGEMIBUZO EMIDE YONCWADI.**

- Le yimibuzo efuna impendulo ekwimo yesincoko soncwadi.
- Ubude bempendulo yombuzo omde kufuneka ibe ngamagama angama-340-390.

## 2.4 INDLELA YOKUPHENDULA IMIBUZO

| Naku omawukwenze | Naku omawungakwenzi |
|---|---|
| 1. Khetha umbuzo ube mNYE kwiNoveli nombuzo omNYE kwiDrama. | 1.Musa ukukhetha imibuzo emiBINI kwincwadi enye okanye kwicandelo elinye. |
| 2. Ukuba ukhethe umbuzo omde kwiNoveli (ICANDELO B) qiniseka ukuba ukhetha umbuzo omfutshane kwiDrama (ICANDELO C). | 2.Musa ukukhetha imibuzo emide yomibini okanye emifutshane yomibini kwiCANDELO B okanye C. |
| 3. Fundisisa umbuzo ufumane umxholo wokubuzwayo. | 3.Musa ukuphendula ungaqinisekanga ukuba kubuzwa ntoni. |
| 4. Cwangcisa impendulo yesincoko ngokuchanekileyo ulandele oku: Intshayelelo, isiqu nesiphelo. | Ukungacwangcisi kakuhle kuyakwenza ukuba impendulo yakho ingathungelani inamathelane. |

**Izinto omawuzigcine entloko xa uphendula isincoko soncwadi:**

**QAPHELA:**

- Isincoko soncwadi seDrama sinamanqaku angama-25, xa uphendula isincoko soncwadi sedrama kulindeleke oku:

| IMIQATHANGO | AMANQAKU | OKULINDELEKILEYO |
|---|---|---|
| **Umxholo** | 15 | • Ukutolikwa okunzulu kwesihloko<br>• Iingxoxo ezinomtsalane ezixhaswe ngokuvokothekileyo kusetyenziswa uncwadi.<br>• Ukuqonda okubalaseleyo kwejenre netekisi |
| **Isakhiwo nolwimi** | 10 | • Isakhiwo siyathungelana ntshayelelo nesiphelo esigqwesileyo<br>• Ingxoxo yakheke ngokufanelekileyo yaze yakhuliswa ngokucacileyo<br>• Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala sivuthiwe, sinomtsalane, sichanekile |
| **Amanqaku ewonke** | 25 | |

Impendulo yakho xa ubhala isincoko mayibe kwixesha langoku:



**Umzekelo:**

- Umbhali umveza u… esenza i… ngenjongo yoku…/Umlinganiswa ongu… wenziwe wangumlinganiswa ocalanye (Cacisa ukuba kuthetha ukuthini ukuthi umlinganiswa ucalanye) ngolu hlobo nolu hlobo. Wenza oku noku. Umbhali umveza esenza oku noku njalo njalo.
- Ungaze usebenzise umntu wokuqala, sebenzisa umntu wesithathu. Musa ukuthi " umlinganiswa othile "ndimbona". Yithi ubonakala okanye uboniswa njengomntu othanda….
- Xoxa, cacisa uzixhase ngokuzekelisa.
- Sebenzisa iimpawu zocaphulo qho xa ucaphula.
- Kufuneka utolike, uphicothe, uhlomle de maxa wambi unike uluvo olulolwakho ngesihloko okanye umxholo kule DRAMA UYIKHETHILEYO.
- Ingxoxo yixhase okanye ubonakalise ukuyazi nokuyiqonda incwadi nolwimi oku ungakwenza ngokuzixhasa ngeempawu zencwadi.
- Ukucaphula kuluncedo kuncwadi olufundwayo olusesikweni, xa ungakhumbuli ucaphulo oluchanekileyo kakuhle sebenzisa awakho amagama.
- Xa ubhala, bhala ngokungathi kukho umntu ofuna ukukuphikisa kulo mba uwubekayo okanye umntu ongayiqondiyo okanye ongayaziyo kwaphela le nto ubhala ngayo ukuze ke uqinisekise ukuba umcacisele ngokuzeleyo ukuze aqonde.
- Musa ukunqunqa kwaye unganqapheli xa uxoxa ngelithi kukho into eyaziwa ngumntu oza kumakisha le nto uyibhalileyo. *Lilonke musa ukusuka uthi* ***"UNomampondomise akavumelani nokutshata noMcunukelwa, kodwa selelotyolwe" Cacisa, Mininzi imibuzo ngesi sivakalisi. NguNomaMpondomise otheni? NguMcunukelwa otheni? Sekutheni engasafuni ukutshata noMcunukelwa kodwa selelotyolwe? Bekusuke kwathini? Phuhla! Esi sivakalisi siyaxhasa nokuba siluluvo? Ukuba siyaxhasa, luphi uluvo? Luthini? Siya kusazi njani ukuba siphumelele? Sibonisa ntoni esi senzo ngokolu luvo lwakho?***

## 2.5 OKULINDELWE NGABAVAVANYI KUMFUNDI XA EPHENDULA IMIBUZO KWELI PHEPHA.

Abavavanyi balindele iimpendulo zemibuzo emifutshane ezibhekiselele kule miba ilandelayo:

- Ukuqonda **intsingiselo eyintsusa** yeDrama.
- Ukubonisa ulwazi lwakho lweDrama. **Umzekelo:** ungabuzwa ushwankathelo lweempawu / iziganeko eziphambili okanye chaza ukufana okanye ukwahluka kwabalinganiswa ababini kwiDrama.
- Isakhono sakho sokunikezela ngolwazi olungavezwanga ngokucacileyo kwisicatshulwa, usebenzisa oko sele ukwazi ngeDrama: Oku kubizwa ngokuba **kukuthatha izigqibo.** Oku kuchaza iindlela ekusetyenziswa ngazo izigaba zentetho zingakuchaphazela ukuqonda komfundi iDrama, ucacisa umxholo okanye iyantlukwano yezenzo zabalinganiswa abohlukileyo.
- Ukuthatha izigqibo ngemiba ethile yeDrama, ube noluvo lwakho ngokolwazi onalo ngeDrama. Le nkqubo **yeyokuphonononga**.
  **Umzekelo,** umviwa angabuzwa ukuba uyangqinelena noluvo okanye axoxe ngesenzo somlinganiswa athe wasenza kwiDrama.
- Ukukwazi ukuphendula ngabalinganiswa kwiDrama ngendlela abazotywe ngayo ngokwemvakalelo zabo. Oku kubizwa ukuba **kukuncoma ugxeka.**
  **Umzekelo,** umviwa kungafunwa ukuba anike uluvo lwakhe ngendlela aziva ngayo umlinganiswa othile, okanye ebenokwenza njani ukuba ibinguye okulo meko ithile akuyo lomlinganiswa.

## 2.6 Uluhlu lwamagama asetyenziswa kwimibuzo

| Umbuzo | Uhlobo lwempendulo elindelekileyo |
|---|---|
| Hlalutya | Bonisa ukucingisisa ngezithako ezithile ezikhoyo kumbongo okanye kwincwadi (iNoveli/ uNcwadi lweMveli/ iDrama). |
| Tyhila | Velisa ukuba loo nto ibuzwayo ikho ngenene kunye nezithako zayo. |
| Ngqina | Apha uxhasa olo luvo lubekiweyo uzixhasa ngeziganeko ezisencwadini / ngobungqina obubonakalayo. **Umzekelo:** ukuba kuthiwa ngqina ukuba esi sicatshulwa sikwinqanaba lovuthondaba sebenzisa ulwazi lwakho lweempawu zovuthondaba uzichonge kwisicatshulwa eso ubonisa ukuzixhasa ukuba ezo mpawu zithetha ukuba esi sicatshulwa sikuvuthondaba. |

| | |
|---|---|
| Xoxa | Beka omabini amacala elubala kunjalonje uwazi omabini nangona ufuna ukuthatha isigqibo ngelo ulikhethayo **UZIXHASE KANOBOM NGEZEHLO** ezisencwadini. |
| Nika intsingiselo yegama/ yebinzana | Musa ukunika isifanokuthi xa kufunwa intsingiselo yegama okanye ibinzana koko nika isivakalisi esiveza intsingiselo ngokwendlela igama / ibinzana elisetyenziswe ngayo kwisicatshulwa eso. |
| Cacisa | Nika ingcaciso ezeleyo malunga noko kubuzwayo ujonge umthamo wamanqaku. |
| Chaza | Nika inkcaza malunga naloo nto ifunwayo/ unganika ubume bayo, ujonge umthamo wamanqaku. |
| Caphula | Kufunwa uluthabathe lunjengoko lunjalo ulwazi olufunwa ngumbuzo olukwitekisi ulubeke lunjalo, wakugqiba ulufake kwiimpawu zocaphulo (" ") |
| Ngqina | Beka uluvo lwakho lokungqina, uzixhase ngokusencwadini, uze ucaphule imizekelo exhasa olu luvo lwakho. |
| Chonga umqolo | Kulindeleke ukuba uluthabathe lunjalo olo lwazi lufunwayo. Umzekelo:<br>Chonga igama (igama elinye)<br>Chonga ibinzana (amagama angamabini nangaphezulu kodwa angabi nasivisa).<br>Chonga isivakalisi (isivakalisi esipheleleyo) |
| Xhasa impendulo yakho | Kusoloko kufunwa ubungqina bale nto uthe wena yiyo ngobungqina obusencwadini kwakunye nemizekelo encedisayo. Kusoloko kufunwa ubungqina bale nto uthi asiyiyo okanye yiyo / ukuvumelana/ ukungavumelani. |
| Bonisa | Sebenzisa ulwimi oluzekelisayo uze uchonge. |

**ISAHLUKO 3: Uhlalutyo lweDrama: Buzani Kubawo: W.K. T amsanqa**

**Yintoni iDrama?**

IDrama luhlobo loncwadi olubhalwe ngenjongo yokubonisa okanye ukulinganiswa eqongeni kungenjalo kwithiyetha. Iingcali zesiXhosa zithi idrama le yahluke kolunye uncwadi kuba ibali layo likwazi ukwenzeka phambi kwababukeli lilinganiswa ngabantu ukusuka ekuqaleni lide liye ekupheleni. Abalinganiswa bayo nabo bayazithethela ngokwabo, intshukumo idalwa ngabo. Abalinganiswa basebenzisa intetho-ngqo. Incoko phakathi kwabalinganiswa ababini nangaphezulu ithi idale ingxoxo. Ukuze intshukumo yedrama inike umdla, kufuneka ifezeke, isiganeko ngasinye sikhokelele kwesinye.



**ENYE INKCAZELO NGEDRAMA**

- Yincwadi apho abalinganiswa bezithethela ngokwabo, oko kubonakala kwindlela ebhalwe.

**3.1 IINDIDI ZEDRAMA**

**IDrama iziindidi ngeendidi ezizezi:**

**3.1.1. Intlekele (*tragedy*)**

- Zonke iziganeko ezehlayo zimanyumnyezi kwaye zihambisa umzimba.
- Kukho ukudandatheka komphefumlo kubalinganiswa ngakumbi ophambili.
- Imeko ilusizi ukuqala ekuqaleni kwebali lide liyokuphela.
- Kukho umoya wonxunguphalo.
- Abalinganiswa bakwimo emandla yoxinzelelo, baphela bephambana, bebulalana okanye bezibulala.
- Abalinganiswa ngakumbi oyintloko uba phantsi konxinzeleko olukhulu.
- Umfundi okanye umbukeli uxhalabile kuba ufuna ukwazi ukuba kuza kwenzekani emva koku(suspense) lide liphele ibali.
- Iziganeko zizisa inkxalabo noloyiko.
- Umlinganiswa uba nesikhwasilima esiza kubangela ukuwa kwakhe(downfall)
- Isiphelo sibi kakhulu ngakumbi kumlinganiswa othandwayo nosizelwayo, umlinganiswa ophambili.
- Lo ngumdlalo onesiphelo esilusizi, ekuthi kubekho umntu ofayo:

**3.1.2 Isiyoliso /ehlekisayo**

- Lo mdlalo uyonwabisa.
- Iziganeko eziqhubekayo ziyahlekisa.
- Kunyenjwa nje umntu othile ukuze atyhafe ayekelele.
- Incoko ikhaphukhaphu yaye ingangawo nawuphi na umbandela wentlalo.
- Abalinganiswa bayaqhulana beqakathisana ngenjongo yokonwabisa.
- Izagwelo zininzi impoxo ibaxekile nobaxo/ ubabazo lukangako.
- Isiphelo sihle siyancumisa/ simnandi/ umoya ukhululekile.

**3.1.2 1. Iintlobo zesiyoliso**

- **Eyezimo zabalinganiswa (*comedy of character*)**
  - Ijolise kwizimo zabalinganiswa.
  - Umlinganiswa uba nophawu oluthile olumenza izinto azibone / azenze ngendlela ethile.
  - Iba lolo phawu lubalaseleyo kuye olumenza izenzo zakhe zihambe ngohlobo oluthile.
  - Umzekelo: abe nomsindo okokoko, okanye asoloko esoyika ukwenzakaliswa, okanye asoloko ehleba, okanye abe nomona ongummangaliso njalo njalo.
  - Yonke ke into yakhe iya kulawulwa lolu phawu lunye naphantsi kwayo yonke imeko.
- **Isiyoliso seziphoso *(comedy of errors*)**
  - Kolu hlobo isakhiwo esi somdlalo sihlohlwe iintlobo ngeentlobo zeziphoso neempazamo kwizinto ezenzekayo. Umzekelo: Umntu othile aphazanyiswe nomnye, isenzo esithile siphazanyiswe loo nto yenze ukuba izinto zibhidane kube yiloo nto.
  - Apha kubakho iimpazamo ezininzi kwizinto ezithethekayo nezenziwayo ezimthombo wazo usekubhidanisweni kwento ethile nenye.
- **Isiyoliso semikhwa yoluntu (*comedy of manners*)**
  - Apha kuyoliswa ngokuthi kuhlekiswe ngendlela abantu abazibaxa ngayo izinto okanye iinkqubo ezibizwa ngokuba zezohlobo oluthile lwabantu, umzekelo izityebi ezityebe kuba zingoogqirha, iqela labantu abakhe baya kwiidolophu ezinkulu nemikhwa yabo njl njl. (Cinga ke apha ngolwimi abalusebenzisayo kunye nezinto abathatha ukuba banenhyweba yokuzazi bodwa, yaye ezezabo bodwa. Yonke le nto inokubaxa okungaphaya kweqondo.
- **Isiyoliso esinobuqhakra-qhakra (*sentimental comedy*)**
    - Kusetyenziswa nantoni na enokuhlekisa ababukeli /bafundi.

### 3.1.3. IFASI (*farce*)

- Ukuhleka kuziswa ziziganeko nabalinganiswa ababaxiweyo kakhulu yaye iziganeko ziyahlekisa esinye emva kwesinye.
- Kwenziwa izinto ezininzi ezingaqhelekanga, kukho izothuso kunye nezinto ezininzi ezenzeka ngebhaqo.
- Ukuba into leyo yinto enokwenzeka na okanye hayi, loo nto ayisiwa so kakhulu. (Satyo S.C Uphengululo page 121-122)

### 3.1.4. Isiyolisi ntlekele

- Le yidrama engumxube wedrama ehlekisayo naleyo iyintlekele.
- Umoya uxubile kuthi kusekwimo ehlekisayo aphinde umbhali afake isiganeko esinxunguphalisayo.
- Isiphelo siba lusizi.

### 3.1.5 Ikloset drama

- Yidrama eyenzelwe ukufundwa hayi ilinganiswe.
- Isetyenziswa kakhulu kwezo zikanomathotholo.
- Ithatha imizuzu elishumi elinesihlanu kuphela.
- Kusetyenziswa isandi ubukhulu becala ukuzisa ubomi kulo mdlalo.
- Ifuna ubuchule obumangalisayo bokuzisa umfanekiso-ntelekelelo kuba kusebenza imizwa yokuva ngeendlebe kuphela (sense of hearing).
- Kubakho izinto eziyimiqobo ebangela ukuba ingalinganiswa eqongeni.

### 3.1.6 Umdlalo kanomathotholo (*radio play*)

- Ngumdlalo obonwa ngeliso lomphefumlo hayi elenyama.
- Kusetyenziswa isandi nentshukumo ezivakalayo kuba abadlali okanye abalinganiswa ababonwa ngeliso lenyama.
- Kusetyenziswa isandi ubukhulu becala ukuzisa ubomi kulo mdlalo.
- Ifuna ubuchule obumangalisayo bokuzisa umfanekiso-ntelekelelo kuba kusebenza imizwa yokuva ngeendlebe kuphela (*sense of hearing*).
- Akukho miqobo njengedrama yeqonga, apha abalinganiswa bangasiwa naphi na nanini na kusetyenziswa amazwi abo nesandi (esishicilelweyo)

### 3.1.7 Melodrama

- Yidrama apho iziganeko zibaxiwe khona ngakumbi ezimanyunyezi (kubulawana okoko).
- Iziganeko ezibambisa umphefumlo (*breathtaking*) zingajolisanga ekwakheni izimo zabalinganiswa. Umz: iifilimu zamakhawuboyi, neethriller movies, ezamatshayina.

- Ngenxa yokubaxwa kwezinto kuba lula ukuba loo nto iphinde iphanze.
- Abalinganiswa bayabaxwa kakhulu umzekelo balunge kakhulu okanye bakhohlakale ngokugqithileyo (bangabingobantu ngokwanelisayo).
- Ekupheleni kwawo lo mdlalo kunokuba yindyikityha yezidumbu ezigqithileyo zabafileyo, nenzwinini enkulu okanye isiphelo sinokuba sesincumisayo.

**3.1.8 Umdlalo ondimanye**

- Iyazichaza indima yomdlalo inye umz 'Amathunzi Obomi'ngu JJR Jolobe indima inye imiboniso iyi-8.
- Indawo eyenzeka kuyo ibali inye umz 'endlwini kaMadlomo'
- Yeyona midlalo ilinganiswa kakuhle eqongeni akubikho miqobo.

**3.1.9 Idrama yeqonga (*stage play)* kunye nedrama ye-opera**

- Zombini zilungiselelwe ukudlalwa iqonga.
- Zahlukile, idrama ye –opera yona ikhatshwa ngumculo, kanti eyeqonga ingenziwa ngaphandle komculo.

**3.1.10 Umdlalo oveza/ onika ingxaki. (*problem play*)**

- Lo mdlalo ugomagomana, usompasompana nenngxaki ethile, inokuba yeyasekuhlaleni okanye ekuziphatheni.
- Yonke le nto yenzelwa ukuba uluntu lucinge ngaloo mbandela.
- Kulo mdlalo kusoloko kumi umbuzo othile ngomba othili: ithini ke impendulo? Umbhali usenokuyinika ngokwakhe okanye ayithi ntlo nje ashiye apho.

## 3.2 AMAGQABANTSHINTSHI NGOMBHALI-Page 17 Buzani Kubawo

UWitness Kholekile Tamsanqa uzalelwe kwilali yaseZazulwana, kwisithili saseGcuwa ngomhla wama-28 kweyoMdumba kunyaka we-1928, engumntwana oyedwa kunina.

Amabanga aphantsi uwenze eVeldman Primary school, apho aphumelele khona ibanga lesithandathu ngawo lo maxesha. Uphume apho eVeldman waya eBlythswood Education Institution apho afunde de waphumelela izifundo zobutitshala. Isakhono sokubhala saye saphuhla kanobom apho eBlythswood kuba izincoko zakhe zazifundiswa wonke umntwana wesikolo nabangaphambili kwibanga awayekulo, ezinye iincwadi waqala ukuzibhala elapho eBlythswood. Emva kweenzame eziliqela efuna isikolo sokuxelenga njengomfundisi ntsapho, uye wancama, wagqiba ekubeni ayokugqibezela ibanga leshumi elinesibini eTygerfloof ngowe 1953, apho wayenenjongo zokufundisa kwaye asithethe isiBhulu. Ekugqibeni kwakhe ibanga elineshumi elinesibini, uye wajongisa imibombo eGoli, ngeenjongo zokufuna umsebenzi. Usebenzile kwiindawo ngeendawo, ezimayini njengomabhalana, kwiifemi zeentsimbi, de waba ngusibonda eDaveyton. Waya wazimanya ngeqhina lomtshato nentombi yakwaNgida, umaShweme, uGcinashe kwelo laseGoli. Kulapho afikelwe khona ziingcinga zokuba makagoduke ayokwakha ikhaya lakhe.

Ekufikeni kwakhe ekhaya ufumene umsebenzi eQonce, njengomcholacholi weendaba kwiphepha ndaba lesiXhosa Imvo Zabantsundu. Akahlalanga xesha lide njengomcholacholi weendaba kwiMvo Zabantsundu, waya kuqala ishishini kwisithili saseNgunduza, kuCentane. Ekuphumeni kwakhe eshishinini eNgunduza ukhe walilungu lePalamente, kuburhulumente baseTranskei.

Emtshatweni wakhe waya walizwa ngabantwana abahlanu, iintombi ezimbini namadodana amathathu.


Ube nesiphiwo nesakhono sokubhala esingummangaliso, ubhale ezi ncwadi zilandelayo: Inzala kaMlungisi, Buzani Kubawo, Imitha Yelanga, Ukuba Ndandazile, Ithemba liyaphilisa, Nyana wam! Nyana Wam! kunye noTamsanqa Igorha lokwenene.

Kumava akhe okukhula uKholekile unesiganeko angasayi kuze asilibale,

sokubotshelelwa kukamakazi wakhe ngentambo, esiswa ngenkani, kumfana angamaziyo nangamthandiyo. Imeko yayimbi kakhulu umakazi wakhe waphantse ukusweleka ngenxa yeso senzo. Kwakhona esengumfundi eBlythswood wabona indoda eyayilugcwabevu ngumsindo, eyathi yabulala umfazi nabantwana abathathu, isithi ayingobayo e-Dutywa.La mava amanyumnyenzi uTamsanqa uwaveza kule ncwadi yakhe yedrama ethi Buzani kuBawo p 97. (Mbena - Bilatyi, K.N (2014). A psychoanalytic depiction of characters in the selected isiXhosa dramas in context. NMMU. Port Elizabeth.)

Uye walishiya eli limagada ahlabayo ngomhla we-17 kweyeDwarha ngowe-1998. Lala ngoxolo Mxesibe, Matshaya, Mbathane, Mkhum

## 3.3 INGCACISO NGESIHLOKO NEQWEQWE LALE DRAMA




Umbhali usebenzisa ibinzana elithi `Buzani Kubawo` elibonakalisa ukuba kukho isikhalo sokungoneliseki kumlinganiswa othile kule dlama.

## 3.3.1. ISIHLOKO SIBHALWE NJANI?

Isihloko sale drama sithi "Buzani kubawo" nto leyo ebonisa ukuba kukho umntu ongakwaziyo ukuphendula okubuzwa kuye ofuna kubuzwe kuyise. Isihloko sibhalwe ngamagama apinki. Umbala opinki umele uthando olunyanisekileyo nolungazenzisiyo kodwa luneembophelelo ezikhokelela ekubeni ekugqibeleni kubekho iziganeko ezitshixizisa amazinyo ngoba kukho ityathanga eliqhakamshelwe kwisihloko.

## 3.3.2 UMFANEKISO ONGAPHANDLE KUQWEQWE LWENCWADI.

Kuhlalutyo loncwadi siqwalasela ezi zinto zilandelayo kuqweqwe: isihloko, umbala wamagama esihloko, umfanekiso ongaphandle. Kukho iingqimba ezimnyama zamafu ezikhatshwa yimibane ebonakalisa ukuba akukuhlanga. Izakhiwo zentolongo zibonakalisa ukuba kukho umlinganiswa oza kubanjwa. Kukwakho nomfanekiso womntu okhalayo, ophamise izandla, ojonge phezulu ngokungathi ucela uncedo. Isinxibo somlinganiswa sithetha lukhulu ngomlinganiswa nendima aza kuyidlala ngumlinganiswa. Isinxibo siveza isimo sentlalo ukanti sikwamtyhila ubunjani bakhe umlinganiswa. Kukho umfana oguqe phantsi okhonxiweyo ngamatyathanga abonakalisa ukuba libanjwa, kwaye uyakhala ujonge phezulu. Isinxibo sibonakalisa ukuba akakagwetywa noxa ebanjiwe nje

### 3.3.3 UDIDI LWEDRAMA

Kubalulekile ukulazi udidi lweDrama oyifundayo. Ukwazi udidi lweDrama kukwazi iimpawu. Le Drama yiDrama eyintlekele kuba ineziganeko ezimanyumnyezi ezingokufa nokubulawa kwabantu kwaye nesiphelo esibi. UGugulethu unyana kaZwilakhe ubhidana noyise kuba emnyanzela ngentombi angayifuniyo. Kanti kwelinye icala uNomaMpondomise ukhupha iinkomo zikaMcunukelwa ngenxa yokuba ethanda uGugulethu kwaye ethembise ngomtshato. Kuqhawuka unobathana ngenxa yokungaboni ngasonye kwabantu abatsha nabadala okukhokelele kwinyhikitya yokufa.

### 3.3.4 ISIQALO SENCWADI

Umbhali ubonakalisa ubuchule kwisiqalo sencwadi yakhe ngokuthi asebenzise uNozipho udade boGugulethu, encokola nonina uMaGaba, ovela emtshatweni. Unina ufika ezivalele kwitsili lomsi kuba esithi uyoyika. Le ncoko yabo ifikelela kwinto ethi uGugulethu ukwinqanaba lokuba azeke. Eyona nto imangalisayo netsala umdla yinto yokuba unina sele enentombi ayithandayo egama linguThobeka intombi kaMcothama nayibona ukuba iwufanele umzi kodwa akazivezi yena MaGaba ukuba uyinqwenelela uGugulethu.

Oku kunika umdla kakhulu kubafundi wokuba bangene encwadini benemibuzo abarhalela ukuba ikhawuleze incwadi iyiphendule. Olo lwazi lwakufumaneka ngokufunda umfimfithe incwadi.

### 3.4 ISISHWANKATHELO SEBALI

Le Drama esihloko sithi," Buzani Kubawo", ingebali elingomlinganiswa onguGugulethu waseZazulwana othe wabulala umfazi wakhe uThobeka, intombi yakwaMcothama kunye nabantwana abathathu. UZwilakhe onguyise kaGugulethu uthumela uThobeka kuGugulethu eMthatha nabantwana abathathu, phofu bantwana abo ingengongabakaGugulethu, kuba esithi udiniwe kukondla usapho lwenye indoda. UGugulethu ukwenza oku kuba enyanzelwa nguyise uZwilakhe Zilindile ngale ntombi ukuba ayenze umfazi, phofu yena ezithandela uNomaMpondomise Langeni, waseNgcolosi kuTsolo.

UNomaMpondomise yena ukhupha iinkomo zesoka ebesele limlobole, uMcunukelwa sele zisebuhlanti, kuba uthenjiswe nguGugulethu ngomtshato. Uthi ehleli ngoMgqibelo afunde kwiphephandaba ukuba uMzamo itshomi kaGugulethu ihlatywe yabulawa xa ibisemtshatweni kaGugulethu. Akuva ezo ndaba, ucele uxolo kuyise. UNomaMpondomise umangalela

uGugulethu kwamantyi ngokophula isithembiso. Emva kwetyala uNomaMpondomise uyazibulala ngokuzeyelisela emlanjeni eMthatha.

UGugulethu ubulala uThobeka nabantwana bakhe ze agwetywe intambo. UMaGaba unina kaGugulethu uzityisa ityhefu abhubhe. UZwilakhe ongutata kaGugulethu ushiyeka elilolo emva kokufa komfazi nonyana wakhe. Wathi ezisola uZwilakhe, kwabe sele kusemva kwexesha, kungekho nto anokuyijika kwizenzo zakhe.

## 3.5 IMIBA EBALULEKILEYO NEMAYIQWALASELWE XA KUFUNDWA IDRAMA



## 3.6 ISAKHIWO NESAKHIWANA SEDRAMA

### 3.6.1 ISAKHIWO SEDRAMA

Isakhiwo seDrama lucwangciso lweziganeko ezibalulekileyo ezenzeka ebalini zijolise koonobangela neziphumo. Ezi ziganeko kufuneka zivuselele umdla womfundi okanye womphulaphuli, zithungelane ngendlela ephuhlisa ubungcibi okanye ubuchule bombhali. Kufuneka kubekho abantu okanye abalinganiswa abaxambulisana (impixano) ngombandela othi udale ukungevisisani. Le mpixano ingaba yeyangaphakathi apho umntu aphehluzeliswa ingqondo nomphefumlo ziingcinga zakhe okanye ibeyeyangaphandle apho umntu alwa neemeko ezithile zobomi, ingaba phakathi komntu, umntu namasiko okanye izithethe angahambisaniyo nazo. Izinto ezenziwa ngabalinganiswa, indlela abacinga nabavakalelwa ngayo okanye abathetha ngayo zinefuthe elikhulu kwisakhiwo sebali. Yiyo le nto uAbrahams (1981) esithi ngamanye amaxesha abalinganiswa banefuthe kwisakhiwo ingabalawula abalinganiswa ebalini.

#### 3.6.1.1 Ingabula-zigcawu

- Ingabula-zigcawu sisiqalo sebali
- Sithiwa ntlo ngantlanye kubalinganiswa abaphambili.
- Benza izinto ezithile.
- Kwanekwa umcimbi ekuza kuba ngawo.
- Imbewu yempixano ihlwayelwa apha.
- Kuvela isimo sentlalo, liqhubeka phi, nini ibali.
- Ulwazi olusisiseko kungenjalo imvelaphi malunga neziganeko ezenzeke phambi kokuqala kwebali, imbalana ngabalinganiswa
- Oku kunokwenziwa ngengxoxo, usingiselo, iingcinga zabalinganiswa, kungenjalo kubaliswe ibalana eliqulethe olu lwazi:

#### 3.6.1.2 Ukuyondelelana / ukujiya kwebali

- Ulibona njani? Liqala ngesehlo esothusayo okanye esiza nengxaki
- Le ngxaki iqala apho kuphela khona ingabula-zigcawu
- Esi sehlo esihlaba ifolo kuluhlu /sisiseko soluhlu lweziganeko ezikhokelela kuvuthondaba
- Isengangabi sisiganeko koko ibelulwazi oludala unxunguphalo
- Eli nqanaba likholisa ukuba lelona lide ebalini
- Izithole zempixano zintshula kweli nqanaba
- Kulapho undoqo webali ulele khona uquka iziganeko ezibangela ukukhula kwempixano.

- Kubakho ixhala, izothuso nokuqikelelwa kokuza kwenzeka ebalini.
- Iyalwatyuza impixano yenza umsebenzi wayo, iyadlwayiza, abalinganiswa bakwiingxaki eziphotheneyo ngakumbi abaphambili, umlinganiswa uthi esongula olu ucwambu kube kuvela olunye.
- Abalinganiswa baziintlaba zahlukane/ kukho ukuhlelana kwabalinganiswa elowo uziveza elona cala angakulo ebalini.
- Ziyakhula iziganeko nomoya wempixano uya ukhula ngokukhula- ubheka phambili, elowo umntu ubambe umzimba ukuba kuza kwenzeka ni, izimo zabalinganiswa ziyadula/ ziyavela.
- Kudula izimo zabalinganiswa kuvele ukuxanbulisana
- Iziganeko zibonisa icala eliza kukekelella ngakulo ibali.

**Uvuthondaba**

- Luyincochoyi apho athi umlinganiswa ophumeleleyo okanye owoyisiweyo avele abonwe ngumntu wonke.
- Kweli nqanaba izinto zifike kwincochoyi.
- Kubi kumacala omabini akukho kubuya mva, zizaqhwithi zodwa, elowo umlinganiswa uzijule ijacu, umonde wokunyamezela uphelile, elowo umlinganiswa ophambili uthi mayisuke yehle ehlayo.
- Abaphixanayo abasenako ukuba bangaphixana ngaphezu koku.
- Apha umlinganiswa ophambili uhlangana nemeko emenza anyanzeleke ukuba enze inguqu.

**3.6.1.3 Ukusonjululwa kwezinto**

- Kweli nqanaba sifumana ukusonjululwa kwempixano.
- Amaqhina ayasonjululwa
- Impixano ijonge esiphelweni.
- Kuziwa nesisombululo nokuba isisombululo eso sineziphumo ezikrakra komnye wabalinganiswa abaphambili.
- **Ukusonjululwa kwezinto-izishiqi** ziyakhululwa- Ziyawululeka izinto, wonke umntu uvelile, kungqutywana ngeentloko kuthwa makuthweni.
- **Injikaphethu**:Yilaa ndawo izenzo ziguqukela ngakumlinganiswa oyintloko/ophambili/ okanye zimlahle umlinganiswa oyintloko.

#### 3.6.1.4 Isiphelo

- **Apha kweli nqanaba sityhilelwa ngesiphumo sempixano esisenokuvela ngokuthi;**
  - acace poqo owoyisakeleyo,
  - impixano iyacaca ukuba ikweliphi icala.
  - kulungiswe obekungquzulwana ngako.
  - umlinganiswa oyintloko azibone into ayiyo
  - ingayintlekele / isiyolisi
  - injongo yokubhalwa kwayo idrama iphuhle mpela.

Isakhiwo siphuhle kakuhle kule drama ukuqalela kwingabulazigcawu ukuya kwisombululo nesiphelo.

### 3.6.2 ISAKHIWANA SEBALI

- Libalana eliqhubeka ecaleni kweli bali likhulu kodwa injongo yalo ikukulikhulisa.
- Sifana nebali elifutshane, sifumaneka phakathi kwisakhiwo kodwa siba nentshayelelo, isiqu nesiphelo.
- Yindlela esetyenziswa ngumbhali ukolula ibali lakhe ukuze lingafiki msinya kuvuthondaba, udla ngokusebenzisa umlinganiswa osondeleyo kumlinganiswa oyintloko.
- Ibali liyakwazi ukuqhubeleka naxa singekho isakhiwana.

**Umzekelo**

Kule ncwadi ithi “**BUZANI KUBAWO”** kukho isakhiwana sebali apho uGugulethu ahambela uMzamo ongumhlobo wakhe emqhubela ukuba baye emtshatweni kuNgoqo. UGugulethu ubonisa uMzamo intombi enguNomaMpondomise ekudala wayithanda kwaye uyatsho ukuba usayithanda nangoku. UMzamo uququzelela/uzakuzela uthando phakathi kukaGugulethu noNomaMpondomise. Uthi akuphambana uGugulethu ekubeni enyanzelwa ngomtshato angawufuniyo kubizwe uMzamo ukuba athethe noGugulethu. Emva koko uMzamo uyabulawa kumtshato kaGugulethu. Ukufa kukaMzamo kuko okubangela ukuba uNomaMpondomise eve ukuba uGugulethu utshatile.

### 3.6.2.1 Iziqulatho zesakhiwo nesakhiwana (unxantathu kaFreytag)




### 3.6.2.2 KWINGABULA - ZIGCAWU

- Kuvezwa ngantlanye umcimbi eliza kuchankcatha kuwo ibali.
- Sithiwa ntlo kubalinganiswa abaphambili.
- Indima yabo ithiwa thsuphe kwasekuqaleni.
- Isimo sentlalo sithiwa ntlo.
- Indawo nexesha ziyaveliswa.

Kweli nqanaba sivezelwa ngantlanye **indawo** eliqhubeka kuyo ibali kunye **nexesha** eliqhubeka ngalo ibali. **Abalinganiswa ababalulekileyo**, indima abaza kuyidlala kunye nefuthe labo ebalini livezwa kwalapha. Kwezinye iincwadi kubakhona **nendawana enendudulela phambili** neyiyo ebangumzuzu ka'Huntshu'. **Imbewu yempixano** iyahlwayelwa kwalapha kweli nqanaba.

**Umzekelo**

- Sivula nje kule ncwadi sivula sixelelwa u... ...ubeka kuyo ibali.
    - Umzi kaZwilakhe noMaGaba umi **kwilali yaseZazulwana** kwisithili saseGcuwa. UMaGaba usuka emtshatweni **kwaNgoqo okwilali** engaphesheya kwale yaseZazulwana, kananjalo sikwavezelwa intombi enguNozipho ihleli endlwini **enomsi** nto leyo ibonisa ukuba kusezilalini, kaloku kusezilalini apho kuphekwa **phantsi endlwini ngeenkuni**.
- Abalinganiswa abadlala indima ephambili ebalini bayavela.

- Incwadi ivula ngoMaGaba ongunina ka Gugulethu, encokola ngomtshato avela kuwo de loo ncoko yakhe noNozipho yakhokelela kwindima yokuzeka kukaGugulethu. UZwilakhe ukho ekuqalelni kwebali, apho axelelwa nguMaGaba ukuba uGugulethu usexabisweni lokuzeka. Kuloo ncoko kuvela ukuba uMaGaba ufuna intombi kaMcothama. Kukwavela uGugulethu eleqa emtshatweni apho ahlangene khona noNomampondomise oyintokazi ekudala eyincwasile, azithethelele.

- Iimbewu zempixano ziyahlwayelwa:
  - UZwilakhe noMaGaba baxelela uGugulethu ukuba kufuneka athathe umfazi. Oku bakutsho benesigqibo sokuba nguThobeka intombi kaMchothama abambona efanele uGugulethu. Uyayamkela uGugulethu imbono yokuba athathe umfazi. Kwangale mini inye, kufika ileta esuka kuNomampondomise, evuma ukuthandana noGugulethu. Gugulethu lowo uyiphendula ngokucela umtshato, esukela kwingxabano yokuzeka kwakhe ebenayo nabazali bakhe. Oku kutyhila zisuka ukuba kuza kusunduzwana, izimvo zabalinganiswa ziza kungqzulana.

## 3.6.2.3 UKUYONDELELANA KWEZINTO/UKUJIYA KWEBALI

- Eli nqanaba liqala ngesehlo esothusayo okanye esiza nengxaki.
- Iyalwatyuza impixano yenza umsebenzi wayo, iyadlwayiza, abalinganiswa bakwiingxaki eziphotheneyo ngakumbi abaphambili, umlinganiswa uthi esongula olu ucwambu kube kuvela olunye.
- Abalinganiswa baziintlaba zahlukane/ kukho ukuhlelana kwabalinganiswa elowo uziveza elona cala angakulo ebalini.
- Ziyakhula iziganeko nomoya wempixano uya ukhula ngokukhula- ubheka phambili, elowo umntu ubambe umzimba ukuba kuza kwenzeka ni, izimo zabalinganiswa ziyadula/ ziyavela.

La mpixano nazo zonke eza zehlo sizibhenqelwe kwela nqanaba lokuqala ziyajiya, ziyabondeka zikhula. Ukuxambulisana, ukuphikisana, impixano nokungevani ngemiba okanye iimbono ezithile kukhula ngamandla kwaye kuyanda. Kubakho iintlaba zahlukane, abanye baba kwelinye icala abanye baxhase elinye. Izehlo zilandelelana ngokukhawuleza.

**Umzekelo**

- Eli nqanaba liqala ngesehlo esothusayo okanye esiza nengxaki:
  - UGugulethu uxelela abazali bakhe ukuba unayo intombi ayibonileyo, bona bamxelele ukuba bambonele intombi kaMcothama, uThobeka.
- Iyalwatyuza impixano yenza umsebenzi wayo, iyadlwayiza, abalinganiswa bakwiingxaki eziphotheneyo ngakumbi abaphambili, umlinganiswa uthi esongula olu ucwambu kube kuvela olunye.
  - UGugulethu uyasala isigqibo sabazali bakhe sokumzekela intombi kaMcothama uThobeka, atsho ekhumbuza uyise ngamazwi awayewathethile esithi mdala akamele kulindela ukufunzwa. Ngelixa lale ngxoxo, uGugulethu sele ethembise uNomaMpondomise ngomtshato. Oku kudala ingxubakaxaka, ubangaveza ezakhe iimbono uGugulethu, uyise azikhabe.

- Abalinganiswa baziintlaba zahlukane/ kukho ukuhlelana kwabalinganiswa elowo uziveza elona cala angakulo ebalini.
    - Udaba lokuzekelwa kukaGugulethu lusiwa kooyise mncinci, bebizwa nguZwilakhe. Ukungamameli lizwi lamntu kuka Zwilakhe kuyadula. Oku kudala intlabazahlukane phakathi komzi, kuba abanye baxhase uZwilakhe kanti abanye bahambisana nembono kaGugulethu yokuba umelwe ukuyekwa azikhethele intombi afuna ukutshata nayo.
- Ziyakhula iziganeko nomoya wempixano uya ukhula ngokukhula- ubheka phambili, elowo umntu ubambe umzimba ukuba kuza kwenzeka ni, izimo zabalinganiswa ziyadula/ ziyavela.
    - UZwilakhe uxoxa ajijilize, athi yena ulandele isiko. Kunjalo, uZwilakhe akabuyi ngamva, uthumela amawabo ukuba baye kucela intombi kaMchothama.
    - Abazali bakaThobeka bayamendisa, nangona engazani ncam no Gugulethu. Akukuvakalisa oko unina, umxelela ukuba akukho mfuneko yokuba bade bazame. Lilonke, liyamkelwa ikhazi lakwaZilindile.
    - UNomaMpondomise ukhupha iinkomo zikaMcunukelwa kuba ethenjiswe nguGugulethu ngomtshato.

### 3.6.2.4 UVUTHONDABA

- Kweli nqanaba izinto zifike kwincochoyi:
- Kubi kumacala omabini akukho kubuya mva, zizaqhwithi zodwa, elowo umlinganiswa uzijule ijacu, umonde wokunyamezela uphelile, elowo umlinganiswa ophambili uthi mayisuke yehle ehlayo.
- Abaphixanayo abasenako ukuba bangaphixana ngaphezu koku.
- Apha umlinganiswa ophambili uhlangana nemeko emenza anyanzeleke ukuba enze inguqu.

**Umzekel**

- Apha ibali lifikelela kwisigaba esiphezulu, impixano ifikelela echochoyini, kuqhushumba iintlantsi zibonwe ngumntu wonke.
    - UGugulethu uyala ukwenza izifungo zomtshato nokubhala igama lakhe ecaweni.
- Kubi kumacala omabini akukho kubuya mva, zizaqhwithi zodwa, elowo umlinganiswa uzijule ijacu, umonde wokunyamezela uphelile, elowo umlinganiswa ophambili uthi mayisuke yehle ehlayo:
    - UZwilakhe ubhala ngokwakhe endaweni kaGugulethu. Akugqiba uthi umfundisi makaqhube angamnanzi uGugulethu.
- Akusekho kubuya mva nokuba umntu sele eyibona impazamo ayenzileyo. Izinto azisalawuleki apha ziya phambili abadali bempixano babonwa nanguthathatha, bavela elubala betshelwe zizicheku:
    - Umfundisi uxelela uZwilakhe ukuba wenze impazano enkulu ngkutshatis uGugulethu nentombi angayifuniyo, uyema uZwilakhe ngelithi akanakujika, akanakuphathwa ngumntwana emzala.
- Abaphixanayo abasenako ukuba bangaphixana ngaphezu koku:

  Kwesi sigaba ukruthakruthwano phakathi koZwilakhe noGugulethu lufikelela kwangqingetye kuba bamelene ngoobhontsi, kuqhawuke imbeleko phakathi koyise nonyana. Udaba lomtshata ekubangiswana ngawo lwenzekile. Kulindeleke isiphumo sesi siganeko sokuqhutywa komtshato ngebhaxa.

### 3.6.2.5 ISISOMBULULO

- Eli nqanaba lisisiphumo sokugqibela sebali njengoko isakhiwo sebali singunobangela nesiphumo.
- Kweli nqanaba sifumana isisombululo kwiimpixano nezishiqi ebezikade zisehla apha ebalini
- Iqhina ebelikade libotshiwe liyawululeka. Kuziwa nesisombululo esiba neziphumo ezikrakra komnye wabalinganiswa abaphambili.
- Ziye zilunge izinto, zibentle okanye imeko ibe mbi nangakumbi
- Amaqhina ayasonjululwa.
- Impixano iphelile.
- **Ukusonjululwa kwezinto-izishiqi** ziyakhululwa-ziyawululeka izinto, wonke umntu uvelile, kungqutywana ngeentloko kuthiwa makuthweni.
    - **Injikaphethu**:(ukuguquka kwezinto) Yilaa ndawo izenzo ziguqukela ngakumlinganiswa oyintloko/ophambili/ okanye zimlahle umlinganiswa oyintloko.

**Umzekelo**

- Eli nqanaba lisisiphumo sokugqibela sebali njengoko isakhiwo sebali singunobangela nesiphumo:
    - UNomaMpondomise umangalela uGugulethu akuba engamtshatanga akugqiba azibulale ngokuzeyelisela emlanjeni.
    - Umama kaNomaMpondomise ufa isiqaqa wabhubha ngenxa yomothuko.
- Iqhina ebelikade libotshiwe liyawululeka. Kuziwa nesisombululo esiba neziphumo ezikrakra komnye wabalinganiswa abaphambili:
    - Ukufa kukaNomampondomisa kusombulula iqhina kukwaneziphumo ezikrakra kuGugulethu, ode aphele emzilela. UGugulethu ufulathela ikhaya iminyaka elishumi elinesibini, nto leyo ebakrakra kuZwilakhe, ophela enoxanduva olunguThobeka.
- Ziye zilunge izinto, zibentle okanye imeko ibembi nangakumbi:
    - UZwilakhe uthumela uThobeka nabantwana bakhe kuGugulethu kuba esithi akanakondla usapho lwenye indoda.
    - UGugulethu ugqiba ekubeni abulale uThobeka nabantwana bakhe abathathu.
    - Akugqiba uzinikezela emapoliseni.

### 3.6.2.6 ISIPHELO

**Apha kweli nqanaba sityhilelwa ngesiphumo sempixano esisenokuvela ngokuthi:**,

- Acace poqo owoyisakeleyo
- Kulungiswe obekungquzulwana ngako.
- Umlinganiswa oyintloko azibone into ayiyo
- Injongo yokubhalwa kwayo idrama iphuhle mpela.
- Sisenokuba sisiphelo ebesilindelekile okanye esingalindelekanga.
- Kungenjalo, umbhali webali usenokwenza ibali liphume apho besingacingelanga khona.

- Ucace poqo owoyisakeleyo:
    - UZwilakhe (ekunye noMaGaba) woyisakele kuba inzame zabo zokuba uThobeka abengumnfazi kaGugulethu azifezekanga.
- Umlinganiswa oyintloko azibone into ayiyo:
    - UZwilakhe uyazisola ngelithi ungunobangela wesenzo esenziwe nguGugulethu sokubulala uThobeka. Uvuma ukuba ebeba usisiluko kanti usisiyatha. Ucela ukuba kuxhonywe yena.
- Injongo yokubhalwa kwedrama iyaphuhla:
    - Kukulumkisa abantu ngobungozi bokunyanzelisa isiko elingasasebenziyo ngenxa yeenjongo zabo eziphuthileyo (ezingalunganga).
    - UZwilakhe ulahlekelwa kuko konke, ngunyana wakhe uGugulethu, kunye nenkosikazi yakhe uMaGaba. Uzisola sele kwenzekile.
    - Kwenzeka inyhikitya yokufa kwabantu abangenatyala ngenxa yesiwo somntu omnye, seenkani, ezimele ngesiko.

**Umsebenzi**

**Gqibezela le theyibhile ilandelayo ingeempawu zedrama eyintlekele ngokufakela ubungqina obishiyelelelweyo kuKholam B.**

| Kholam A: Iimpawu | Kholam B: Ubungqina |
|---|---|
| | |
| • Kukho ukudandatheka komphefumlo kubalinganiswa ngakumbi ophambili. | UGugulethu uthetha yedwa esithi, “Namhlanje ndigamba phantsi kwethunzi lokufa, namhlanje luphelile ulonwabo kum. |
| • Imeko ilusizi ukuqala ekuqaleni kwebali lide liyokuphela. | UGugulethu ubasentlungiwni kwamhla abazali bakhe bamazisa ukuba bambobele intombi kaMcothama. |
| • Abalinganiswa bakwimo emandla yoxinzelelo, baphela bephambana, bebulalana okanye bezibulala. | UGugulethu kweli bali ubangumntu ongathi uyaphambana ngenxa yoxinzelelo lwasengqondweni. Umana kudanduluka athi, Iimkile ilanga… |
| • Zonke iziganeko ezehlayo zimanyumnyezi kwaye zihambisa umzimba. | |
| • Umlinganiswa uba nesikhwasilima esiza kubangela ukuwa kwakhe(downfall). | |
| • Isiphelo sibi kakhulu ngakumbi kumlinganiswa othandwayo nosizelwayo, umlinganiswa ophambili. | |
| • Iziganeko zizisa inkxalabo noloyiko. | |
| • Lo ngumdlalo onesiphelo esilusizi, ekuthi kubekho umntu ofayo: | |
| • Kukho umoya wonxunguphalo. | |
| • Umfundi okanye umbukeli uxhalabile kuba ufuna ukwazi ukuba kuza kwenzekani emva koku(suspense) lide liphele ibali. | |

## 3.7. IMPIXANO

- Ngundoqo okanye sisihlahla sebali. Yenye yeentsika eziphambili ekwakheni ibali libe nomdla. Ngaphandle kwayo ibali linganomdintsi onganyamezelekiyo.
- Idalwa kukubethabethana kwezimvo/ kweengcamango zabalinganiswa / okanye ukungaboni ngasonye ngomba othile - umlinganiswa ngamnye, kungenjalo iqela elithile labalinganiswa limela uluvo / imbono ethile.
- Inokubonwa ngamehlo (ugxagxamiswano olubonwayo) okanye iviwe ngeendlebe.
- Yiyo ekhokhelela kuvuthondaba.
- Xa iyeyangaphakathi isenokuphathelela engqondweni, emxhelweni, emphefumlweni. Kusenokwenzeka ukuba umlinganiswa unomvandedwa anawo. (Isenokubonakala ngamehlo omxhelo).

### 3.7.1 Iindidi zempixano

**3.7.1.1 Impixano yangaphandle:**

- Iphakathi komlinganiswa (ngakumbi oyintloko) kunye neemeko ezimngqongileyo.
- Iziindidi impixano yangaphandle ezizezi:

I. Impixano yangaphandle ephakathi komntu nomntu: Ibangelwa zezi zinto zilandelayo:
  - Abalinganiswa basenokuba babangisana ngento ethile, bayifuna bobabini.
  - Isenokuba abalinganiswa ababini baneenjongo ezahlukileyo ngenxa yoko omnye abengumqobo komnye abenalowo evale impumelelo yalo umbona njengomqobo.
  - Inokubangelwa kukuba omnye efungele ukwenzakalisa omnye, eqhutywa ngumona, yintiyo norhwaphilizo.
  - Inokuqhutywa kukuba omnye wabo ephethwe likratshi, efuna ukuphumelela nganxa zonke.

II. Impixano yangaphandle ephakathi komntu neemeko/ imimiselo yentlalo:
  - Umlinganiswa oyintloko ungquzulana neemeko zentlalo.
  - Umzekelo, urhulumente onorhwaphilizo, iinkqubo enkolo ethile, iingcinga zabantu ngemiba ethile yetlalo, iimeko zoqoqosho, nezinye.

III. Impixano ephakathi komntu nendalo:
  - Umlinganiswa uzamazamana neemeko zendalo. Umzekelo: Izilwanyana, imozulu, intshabalaliso ekhoyo, ze yena abe ezamana neendlela zokusinda/ ukuzindisaa abanye abantu.

IV. Impixano ephakathi komntu netekhnoloji:

- Umlinganiswa ulwa neemiba yetekhnoloji. Mhlawumbi zisetyenziselwa unyoluko norhwaphilizo okanye njengezixhobo ezizisa intshabalaliso eluntwini.

**3.7.1.2 Impixano yangaphakathi:**

- Apha umlinganiswa ulwa nomphefumlo wakhe, akukho konwaba.
- Kukho ukubethabethana kwezimvo zomlinganiswa.
- Ngenxa yokujaceka komphefumlo umlinganiswa maxa wambi uthanda ukuba likheswa.
- Ngenxa yeengcinga ezimongameleyo wumbi ude athethe yedwa ekhupha imbilini ngoko kukrekretha umphefumlo wakhe.

## 3.7.2 Impixano yangaphakathi ngokwasebalini

**Imizekelo ngokuqhubeka ebalini**

**Kule drama ithi, "Buzani kuBawo" nantsi eminye yimizekelo yempixano yangaphakathi:**

- UGugulethu uxheleke ngaphakathi yindlela uyise anyanzelisa ngayo ide lempixano imenze ngathi ushiywa zingqondo, kuba siva ethetha yedwa ngenxa yoxinzelelo olusengqondweni. Ubonakala okomntu ophambanayo. Mve xa ephindaphinda amazwi athi 'Limkile ilanga limkile ilanga … wena ungowam…buzani kubawo. Uyazula uphatha kungqubeka emnyango abuye aphindele entla ngenxa yomvandedwa **(p.69).** UZweni xa eyokukhangela uGugulethu ufika ezula endlwini ethetha amazwi amanye athi "Buzani Kubawo", engabunanzanga ubukho bukaZweni engathi akamboni. Umbhali uthi uMzamo ongumhlobo wakhe uphela sele emoyika ngoku kuba ebesele engamazi kwaMzamo lowo nokuba ngubani.
- ENgcolosi uNomaMpondomise unempixano yangaphakathi emva kokufumana ileta evela kuGugulethu, akazi nokuba asikhabe na isicelo sikaGugulethu okanye akhuphe iinkomo zikaMcunukelwa. Eleteni uNomaMpondomise uyamxelela uGugulethu ukuba nangona ebebhideke ingqondo kodwa usithathile isigqibo sokuzikhupha iinkomo zikaMcunukelwa amkele ezakwaZilindile kuloGugulethu ukutsho. Simva eleteni esithi "Nditsho ndamelwa yingqondo ubusuku bonke ukufumana kwam ileta yakho, ndicinga eyona nto mandiyenze"
- UThobeka uxheleke umphefumlo yinto ayenziwa ngabazali bakhe yokumtshatisa noGugulethu angamqhelanga uthi akubuzwa imibuzo emininzi nguGugulethu akufika eMthatha intliziyo yakhe ibe lihlwili. Simbona ethetha yedwa ngenxa yabazali bakhe abamfaka entlungwini ekunzima ukuba azikhuphe kuyo. UThobeka wathobela abazali watshata uGugulethu.

### 3.7.3 Impixano yangaphandle ngokwasebalini

**Imizekelo ngokuqhubeka ebalini**

**Kule drama ithi, "Buzani kuBawo" nantsi eminye yimizekelo yempixano yangaphandle:**

- Phakathi kwaZwilakhe namaHlubi ngeli xesha abize aMahlubi ukuza kuthetha ngomcimbi wokuzeka kukaGugulethu.
- Phakathi kukaGugulethu notata wakhe uZwilakhe, ngeli xesha uGugulethu ebuza kutata wakhe uba wayetheni ngokufunzwa.
- Mve uGugulethu xa esithi kuyise "ixoki lona sewuzenze lona ngokuthi andintanga yakufunzwa utsho undimele ngecephe undifunza…Ngala mazwi uGugulethu uphendula uyise kwintetho yakhe ethi 'mdala kwaye akazanga waxoka engazanga waba lilo newexuwexu
- Phakathi kukaZwilakhe noMzamo xa uMzamo embonisa ukuba makamyeke unyana atshate umntu amthandayo.
- UZwilakhe uphendula uMzamo ngelithi ngoku uze kumxelela into amakayenze, makajonge indawo yakhe uMzamo, makangathi akwenzelwa imbeko ayone kungenjalo uya kuphuma ngomva kule ndlu yakhe yena Zwilakhe.
- UMzamo uqwela ngelishwabulayo esithi isala kutyelwa sibona ngolophu, ke ngoko mabayilumkele le nto bayenzayo kungathi kanti iziqhamo zonyanzeliso lwabo luya kubetha bazisole bathi akwaba kube sekungekho mancedo sekukwabekile. uZwilakhe ushiyeka evutha ngumsindo ngenxa yala mazwi kaMzamo awatolika ngokuba abonisa ukugezelwa ngumntwana emzini wakhe
- Phakathi kukaZwilakhe noZweni. Ngemini yokuba edibene amaHlubi ngeenjongo zokuba onyule abantu abaza kuya kwaMcothama.
- Uthi akubuzwa uGugulethu ukuba ukhe wadibana na nentombi aphendule ngelithi makubuzwe kuyise. Uyise ubona kufanelekile ukuba kubuzwe kuye.
- Uthi akumnqanda uZweni ngelithi uyayiloza, aphendule ngelithi uZwilakhe makuhanjwe ngobuyilo bakhe akukho nto nokuba uyayiloza.
- Bayaxambulisana kwesi sithuba kuba uZweni ufuna ukuqonda ukuba xa kunjalo bube buyintoni ubukho babo xa bengena kumnqanda uZwilakhe nokuba bayambona ukuba uyalahleka.
- UZwilakhe akaboni mpazamo kuba ulilisela ngelithi ubambe isiko. UZweni uyamgxeka uZwilakhe ngesi senzo, atsho emchazela ngeziphumo ezibi ezithi zenziwe ngumkhuba wokunyanzela umfana nentombi bengathandani.
- Utsho emnika imizekelo yokuba ngamanye amaxesha kubakho abantwana abangengobomyeni, ngamanye amaxesha kuququwe ezinkundleni zamatyala, kuphume izidumbu.
- Uqwela ngokulumkisa uZwilakhe ngelithi abogawula ebheka. UZwilakhe uvaleke iindlebe akaziva ezi zilumkiso zikaZweni kuba usithela ngelithi ubambe isiko ngelo xesha uphenjelelwe nguMaGaba.
- UMthetho naye woleka kwintetho kaZweni ekwalumkisa uZwilakhe ngelithi umntu ongamameliyo uyazisola ekugqibeleni (isala kutyelwa sibona ngolophu) Elokuqwela

kule ngxabano yamaHlubi uZweni uyazihlamba ezakhe izandla uthi akasayi kuba yinxalenye yeli sikizi lokunyanzelwa kukaGugleethu ngentombi angayithandiyo, atsho ebashiya apho.

**Umsebenzi 1: Fakela amagama ashiyiweyo kule nkcaza ingenzantsi:**

a. Ndifunde ukuba impixano idalwa: ……………………………………………………….

b. Ngesivakalisi esinye ndingathi impixano yangaphakathi yahluka kweyangaphandle ngokuba yona:……………………………………………………….


c. Kule drama ndiyifundayo ndingathi udidi lwempixano yangaphandle yephakathi komntu n………………………………………kuba abalinganiswa abangquzulanayo ngu……………………………………………no…………………………………………

d. Impixano kule drama ibangelwe kuku…………………………………………………………………………………..

e. Ukuba umlinganiswa ongu….nongu…bebengekho kweli bali ngeyingeyingekho impixano kuba:……………………………………………………………………….

f. Impixano iphele ngokuba kusuke kwenzeke (xela isiganeko esenzekileyo)……………………………………………………………………………….

## 3.8 ABALINGANISWA




Abalinganiswa ngabantu abasetyenziswa okanye babunjwe ngumbhali ukuphuhlisa umxholo abhala ngawo. Idrama ngumdlalo ngabalinganiswa. Ubanika izimo ezithile nezithi maxa wambi zitolikwe nangamagama abanika wona. Izimo zabo zenza babe nokuqhubela umdlalo phambili bedandalazisa imfihlakalo yeengcinga zombhali. Nolwaluphi uhlobo lwebali likhumbuleka ngabalinganiswa balo. Loo nto iyodwa nje ibonisa ubuntsika bomlinganiswa ebalini. Umlinganiswa oyintloko (lo ungqongwe ziziganeko okanye ungumsunguli wezinto) nguye umakhi. Nguye kaloku owenza izinto zibonwe ngamehlo, ziviwe ngeendlebe ebalini. Nguye oqweqwedisa ibali nomchasi wakhe. (Umchasi ngulowo usoloko esenza okanye ethetha izinto eziphikisana nezomlinganiswa oyintloko). Le nto yenza ukuba ibali libe nobomi. Abalinganiswa bazotywa ngokuthi sazi izinto abazithethayo, abazenzayo nezinto ezithethwa ngabanye ngabo.

## IINDIDI ZABALINGANISWA NGOKWEENDIMA ABAZIDLALAYO ENCWADINI

### 3.8.1 Umlinganiswa oyintloko (*protagonist*)

- Ngulo mlinganiswa ungqongwe ziziganeko ukusuka ekuqaleni kwebali lide liye kuphela.
- Ungumsunguli weziganeko ezehlayo ebalini.
- Wenziwa akholeleke- umela injongo ethile okanye okulungileyo.
- Iziganeko zehla ngenxa yakhe /zingqonge yena/ zithandeleke kuye nokuba akakho isiganeko singaye.
- Ngulo ubangela ukuba ibali liqhubele phambili.
- Unqwenela into, kubekho imiqobo ebangela ukuba iphumelele luzizi/ ingaphumeleli.
- Ubanenjongo afuna ukuyifezekisa.
- Wenza iinzame zokufumana le nto ayifunayo.
- Uxolele ukujinga iliso kunokuba angayifumani into ayifunayo, kungade kube kho inyhikityha yokufa kwabantu abangenasono ngenxa yakhe.
- Unento ayixabisileyo ebaluleke kakhulu ebomini bakhe.
- Uyohlwaywe ngesenzo sakhe.

**Umsebenzi**

Sebenzisa iimpawu zomlinganiswa oyintloko, ugcwalisa le theyibhile ingezantsi. Bonisa ngokubeka [ √ ] ukuba uphawu luyalunga kumlinganiswa kwezi zikule theyibhile. Xhasa impendulo yakho ngobungqina obucaphule encwadini.

| Uphawu | Gugulethu | Ubungqina obuxhasayo | Zwilakhe | Ubungqina obuxhasayo |
|---|---|---|---|---|
| Ngulo mlinganiswa ungqongwe ziziganeko ukusuka ekuqaleni kwebali lide liye kuphela. | | | | |
| Ungumsunguli weziganeko ezehlayo ebalini. | | | | |
| Wenziwa akholeleke- umela injongo ethile. | | | | |
| Iziganeko zehla ngenxa yakhe /zingqonge yena/ zithandeleke kuye nokuba akakho isiganeko singaye. | | | | |
| Ubangela ukuba ibali liqhubele phambili. | | | | |
| Unqwenela into, kubekho imiqobo ebangela ukuba iphumelele luzizi/ ingaphumeleli. | | | | |
| Uba nenjongo afuna ukuyifezekisa. | | | | |
| Wenza iinzame zokufumana le nto ayifunayo. | | | | |
| Uxolele ukujinga iliso, kungade kube kho inyhikityha yokufa kwabantu abangenasono ngenxa yakhe. | | | | |
| Unento ayixabisileyo ebaluleke kakhulu ebomini bakhe. | | | | |
| Uyohlwaywa ngesenzo sakhe. | | | | |

### 3.8.2 Umlinganiswa ongumchasi (*antagonist*)

- Lo ngulo mlinganiswa uchasana nomlinganiswa oyintloko.
- Unokuchasana naye ngezimvo okanye ngezenzo.
- Ngumlinganiswa ongumqobo kwiinjongo zoyintloko.
- Nguye ophazamisekayo kwinyathelo elithatyathwa ngoyintloko.
- Uhlalele ukusokolisa lo uyintloko / usoloko echasene / ephikisana nomlinganiswa oyintloko.
- Amandla akhe athanda ukulingana nala walo uyintloko, uneempawu ezifanayo nezomlinganiswa oyintloko ukuze avelise okanye akhule / kukhule / kutyhileke oyintloko.
- Ulenza ibali lisoloko lihambela phambili ngokuba abengumqobo endleleni yomlinganiswa oyintloko yokufumana oko akufunayo / akulwelayo.
- Amaxesha amaninzi abalwi ngazigalo aba balinganiswa babini koko balwa ngeenjongo, ngeentetha nangeminqweno.

### 3.8.3 Umlinganiswa onguvalithuba

- Ngumlinganiswa othi gqi eze kwenza oko kuthile aphinde anyamalale.
- Udla ngokuba sicaba kuba unophawu oluthile olunye alusebenzisayo umzekelo ukuba unolwimi uba njalo ke. Khawucinge ngendima edlalwa ngaba balinganiswa.

### 3.8.4 Umlinganiswa ongummeli-ntlobo.

- Lo umlinganiswa umele uhlobo oluthile, umzekelo ipolisa limele umthetho.

## IINDIDI ZABALINGANISWA NGOKWEENDLELA ABABUNJWE NGAYO

### 3.8.5 Umlinganiswa osicaba (*flat character)*

- Ngulo kuvela icala elinye kuphela kwisimo sakhe, nokuba lihle nokuba libi, liya kuba njalo ke kude kuphele ibali. Aba ke abanguwo umzekelo wabantu abaphilayo kuba akakho umntu onecala elinye kungekho mntu uyinto enye ebomini.

**Imizekelo**

  - Apha kule ncwadi sinabalinganiswa abasicaba abafana noZweni noThobeka.
  - UZweni liqale ibali engayithandi into embi, esithi kuZwilakhe makayeke ukuphephela ngesiko ngumkhuba lo afuna ukuwenza kunyana wakhe wokumnyanzela ngomntu omakamtshate, esithi phofu ayingomkhuba ngamanyala.
  - UZweni wazikhupha kuloo nto lide laphela ibali engekabuyeli kubantakwabo.
  - UThobeka naye usicaba kuba umbhali umzobe njengomntu othuleyo othobela imithetho yabantu abadala.
  - Uye watshatiswa ngenkani nendoda angayifuniyo naye eyibona ukuba ayimfuni kodwa wahlala emzini, wade waba nabantwana abangengabomyeni.
  - Uyaphinda uyavuma ukuya kuGugulethu emva kweminyaka elishumi elinesibini indoda yamshiyayo phofu uya nabantwana engengabomyeni.
  - UThobeka ubulewe ngendlela emasikizi ngenxa yokuthobela abantu abadala.

### 3.8.6 Umlinganiswa ongqukuva *(round character)*

- Ngulo kuvela amacala amabini kwisimo sakhe, icala elihle kunye nelibi.
- Sifunda lukhulu ngalo mlinganiswa kuba ungumzekelo womntu ophilayo (umntu-gqibi). Kaloku wonke umntu uba nazo iimpazamo azenzayo ebomini.

**Imizekelo ngokuqhubek**

  - Apha kule ncwadi uGugulethu kunye noZwilakhe bangqukuva.
  - UGugulethu ngumlinganiswa ongqukuva kuba ebekhula emamela abazali bakhe, kodwa uthe esakunyanzelwa ngomfazi angamfuniyo waqala watshintsha kwisimo sakhe.
  - Wala ukutshata uThobeka, wathi sele esecaweni akavuma ukwenza izibhambathiso zomtshato, akasayina esithi wonzakele.
  - Buye baphela ubuntu kuye kwavela inkohlakalo, siyeva indlela awabulala ngayo uThobeka nabantwana bakhe.
  - UZwilakhe naye ngumlinganiswa ongqukuva kuba liqala liqhube ibali eneenkani, kodwa ekugqibeleni simva eguquka kwizenzo zakhe ngokuthi azisole ngokunyanzelisa uGugulethu engafuni kutshata nentombi angayithandiyo. Avume iimpazamo nobuyatha bakhe.

### 3.8.7 Ukuzotywa kwabalinganiswa

- Umbhali kulo mba uza kwenza nje umqhoqhozwana omfutshane, ethabatha usingaye ngokwakhe. Iingcali zoncwadi ziyasixelela ukuba:
  - Umbhali usenokubatyhila ngqo ngokwakhe abalinganiswa bakhe.
  - Umlinganiswa usengazibonakalisa into ayiyo ngezimbo nangentetho yakhe;
  - Isimilo somlinganiswa sisenokuphuhliswa nangabanye abalinganiswa.

### 3.8.8 IINDLELA ZOKUZOTYWA KWABALINGANISWA

### 3.8.8.1 Indlela engqalileyo/ uzobo ngqo

Kuxa isimo/ubunjani bomlinganiswa buxelwa ngokuphandle kusetyenziswa amagama angafihlakalanga: Umzekelo:

- Apha sixelelwa phandle ukuba umlinganiswa uluhlobo luni na:
- Umbhali unokuyenza ngokwakhe le nto, kungenjalo ijelo lakhe lokwenza le nto libe ngomnye kubalinganiswa bakhe:
- Kusenganikwa iinkcukacha zomlinganiswa umzekelo; igama lakhe, inkcazelo ngobude bomzimba/ isinxibo sakhe/ ubudala bakhe:

### 3.8.8.2 Indlela engangqalanga/ uzobo mayana

Kuxa isimo/ubunjani bomlinganiswa buxelwa ngokufihlakeleyo (kusetyenziswa amagama anentsingiselo efihlakaleyo) ze kufuneka ukuba wena mfundi wencwdi ucinge ngakuthethayo/ngentsingiselo yawo: Umzekelo:

- Njengoko igama lizichaza, le yindlela engangqalanga ayisebenzisayo umbalisi abaziveza ngayo abalinganiswa.
- Thina ke bafundi bebali sisebenzisa iingqondo zethu ukuhlumisa oku kudluliswa ngumbhali ngeendlela ezimayana.
- Njengokubaxoxisa/ ukubenza bangene kwiingxoxo ngomba othile.
- Unako ukusikrobisa kwiingcingane zabo okanye iimvakalelo zabo: “Ukususela izolo andinguye lowa Gugulethu umaziyo, ndimntu wumbi.” (UGugulethu uthetha noMzamo).
- Unako ukusikrobisa kwizinto ezithethwa ngabanye ngaye/ okanye indlela izenzo zakhe ezibonwa ngayo ngabanye, kodwa oko ebekubeka ngendlela efihlakeleyo: “Madoda , ngumfo kabawo lo ndiyamazi ndikhula naye, etshilo nje utshilo ndifungi uNototba”. (UNyaniso uxela uZwilakhe).
- Ubenza bazipele/bazibonakalise ngokwabo izimo zabo ngezenzo, ngeentetho: “Mna zinkosi andikhathali nokuba umntu uchasa ade alale ngomqolo phantsi, ndifuna intombi kaMcothama ize kurhuqa amajalimani kule nkundla nokuba sekumnyam’ entla.” (UMaGaba).
- Ngamagama abathiya wona- njalo njalo: Umzekelo: Igama likaZwilakhe/elikaThobeka

**Umsebenzi**

**Tshatisa udidi lozobo oluKholam B nenkcazelo ekuKholam A, uze unike isizathu sempendulo yakho kuKholam C.**

| Kholam A | Kholam B | Kholam C |
|---|---|---|
| a. Apha kwaba bafana baseZazulwana andikholwa ukuba ukho umfana odlula uGugulethu ngokubeka abazali. | (i) Uzobo olungathanga ngqo | |
| b. Wasoloko uzimisele ukukhe undintlake kuqala. (uMaGaba kuZwilakhe) | (ii) Uzobo oluthe ngqo | |

## 3.9 INGXOXO, INTSHUKUMO NEZALATHISO ZEQONGA

### 3.9.1 INGXOXO

Ingxoxo yintetho ethi ibekho phakathi kwabantu ababini nangaphezulu. Abo bantu ke baxoxa ngeenyewe ezibaphazamisayo ebomini babo. Loo nto yenza ukuba sikwazi ukumfunda umlinganiswa ukuba ungumntu onjani. Umntu umfunda ngcono ngamazwi aphuma emlonyeni wakhe, ukanti nabanye xa bethetha ngomnye umlinganiswa. Kuloo ncoko buyadula ubunjani baloo mlinganiswa nokuthethwa ngaye.

- **Ingxoxo yomntu omnye***:* Umlinganiswa uyakwazi ukuma eqongeni azithethele eyedwa ephalaza imbilini yakhe, omnye abonakaliswe ethandaza. Siyibona kakhulu kweli bali kumlinganiswa onguGugulethu kanti nakuThobeka ezithandazela, ethandazela nabantwana bakhe. Umlinganiswa uyazithethela yedwa ecaleni eveza oko akucingayo. (*soliloquy*) Yintetho ende. Athethe yedwa ejolise ebantwini (*monologue*)
- **Ingxoxo yabantu ababini nangaphezulu:** Apha kulapho kuxoxa abantu ngabantu bemana ukunikana amathuba. Isenokuba yincoko okanye luxambuliswano
- **Bucala (An *aside*)**: Umlinganiswa uyakwazi ukuthi ngoku enabanye eqongeni athethe yedwa ukuze angaviwa ngabanye. Kumaxa amaninzi sukube evakalisa imvakalelo yakhe okanye ephumisela iingcinga zakhe ngaphandle.

#### 3.9.1.1 Mayibe njani ingxoxo?

- Mayibe yeyokwenyani njengeentetho zabantu bemihla ngemihla.
- Mayiveze isimo sentlalo esiza kukhokelela ekukhuleni kwebali.
- Mayiveze isimo sabalinganiswa.
- Isantya esisetyenziswayo kwingxoxo masifanele abalinganiswa, sicothe kwabadala sikhawuleze kulutsha.
- Mayizobe imeko ecace gca nefanela uhlobo lwedrama olo umz: elusizi -trajedi, eyonwabileyo-Ikhomedi
- Ingxoxo mayinxulumane nesakhiwo sebali.
- Mayikwazi ukuveza ithoni nemvakalelo yombhali esebenzisa abalinganiswa.
- Ingxoxo mayiveze umxholo webali.

#### <u>3.9.1.2 Ingxoxo yentlekele</u>

- Idala ukhwankqiso inobunzithinzithi, abalinganiswa basebenzisa amagama achukumisayo, adlwengul' umxhelo.

#### <u>3.9.1.3 Ingxoxo yesiyolisi</u>

- Ikhaphukhaphu kuyaqhulwana, kuyahlekisa, konwatyiwe

### 3.9.2 INTSHUKUMO

- Umdlalo ngumdlalo ngentshukumo. Intshukumo asikokuhambisa amalungu omzimba ngokusuka kwenye indawo uye kwenye. Umntu uyakwazi ukuyenza intshukumo ngokucimela, ukunikina intloko, ukuphakamisa isandla njalo-njalo. Intshukumo kukujikajika ulusu xa umntu ebonisa ukucinga, ukothuka, ukucaphuka, ukuvuya. Intetho yabo mayifane nabo, ibe krwada kokrwada, ilulame kolulamileyo njalonjalo.
- **Nazi iindidi zentshukumo:**

**3.9.2.1 Intshukumo ebonakalayo**-xa kusenziwa umdlalo siwubukele umz: ecimela/ enikina intloko

**3.9.2.2 Intshukumo echazwayo**- xa sifunda incwadi kwizalathisi zeqonga umz: ethwala

izandla entloko

**3.9.2.3 Evakalayo**-kunomathotholo umz: siva isandi sokukhala

- **Umsebenzi wentshukumo:**
  - Ityhila isimo somlinganiswa, iveza ubunjani bakhe, ityhila izenzo zomlinganiswa, impixano yangaphandle/ ngaphakathi.

### 3.9.3 IZALATHISI ZEQONGA

Ngamagama abhalwe ngefonti ekekeleyo kwizibiyeli. Yonke imiboniso iqala ngezalathisi zeqonga. Izalathisi zeqonga ezalatha omakwenziwe ngabalinganiswa ngamazwi, ngeentetha ukushukuma komzimba ukuphuhlisa imvakalelo ethile, konke oko kudala intshukumo yebali.

<u>**Umsebenzi wazo**</u>

- Kukuveza imbonakalo nemo yemvakalelo yabalinganiswa, nokuza kwenzeka kweso sahluko.
- Iveza isimo sentlalo. Umz Indawo eliqhubeka kuyo ibali, Zinika ixesha, ixesha leveki/ lemini/ nemini/ umhla wokuqhubeka kwesiganeko
- Kukuchaza iziganeko okanye iintshukumo ezingenakuvela eqongeni.
- Kukunika ababukeli ulwazi ngokuqhubekayo nokuza kuqhubeka kulo mboniso (*update*).
- Zinika umyalelo weqonga,
- Zichaza intshukumo yabalinganiswa xa kukho into evelayo emalunga neemeko abakuzo abalinganiswa,
- Iinkcukacha malunga nabalinganiswa abathabatha inxaxheba kulo mboniso
- Zinika umkhombandlela wento eza kwenzeka,
- Ichaza isiganeko okanye intshukumo.

## 3.10 UMXHOLO

**Umxholo wale ncwadi ungokunyanzeliswa kwesiko lokubonela eliphelelwe lixesha**.

- Lo nguwona mcamango ungumongo/uphambili wenze umbhali wathatha usiba lwakhe waba uyabhala.
- Yingcinga engundoqo edibanisa yonke into ethethwayo.
- Yile nto kuthethwa ngayo/ isihlahla sebali, ifana negwele.
- Kwaphaya ekuqaleni kwebali ngumxholo othi uqingqe ingxaki ekhoyo nokwandlalwa kwayo.
- Le ngcinga ilithungela ilityhutyhe lonke ibali ukusuka kwingabula zigcawu ukuya kwisiphelo.
- Umxholo uphuhliswa ngabalinganiswa ngendlela ababunjwe ngayo/ngokokusetyenziswa kwabo.
- Umxholo ukhatshwa yimpixano ukuze ibali liqhubeke utsala nomdla.
- Xa ufuna umxholo uzibuza le mibuzo ilandelayo:
- Eli bali lityhila ntoni ngobomi jikelele?
- Sibaluleke ngantoni isihloko salo?
- Ingaba umlinganiswa oyintloko/ ophambili uyatshintsha apha ebalini okanye unesifundo asifundileyo?
- Mbono zini ezimkhuthazayo/ ezimtyhafisayo umlinganiswa oyintloko?
- Sibe yintoni isiphumo seengcinga neendlela ahlangabezene ngayo neemeko ezimkhathazayo/ eziyimiqobo?
- Zibe yintoni iziphumo zezenzo zakhe kubomi bakhe?
- Ubefuna ukusixelela ntoni ke umbhali ngencwadi yakhe?
- Umbhali angawuphuhlisa ngeentetho, izenzo, izinxibo neenkolo zabalinganiswa.
- Umxholo ukhatshwa yimpixano ukuze ibali liqhubeke ukutsala umdla.

**Imizekelo ecatshulwe kule drama ukuxhasa umxholo**

- UZwilakhe unyanzela uGugulethu unyana wakhe ukuba atshate intombi angayifuniyo kuba esithi isiko lithi unyana kufuneka abonelwelwe umfazi ngabazali.
- UNomaMpondomise kwelakhe icala ubonelwa uMcunukelwa ngabakhe abazali.
- UThobeka naye ubona sele ezokucelwa ukuba atshate noGugulethu abazali bayavumelana abe yena engazani nesoka. noGugulethu kunako ukuncokola oku

**Iziphumo zokunyanzeliswa kwesiko ngokwezingongoma zilapha ngasentla zibe yindyhikityha yokufa:**

- Utshatiswa kukaGugulethu noThobeka kukhokelele ekufeni kukaNomaMpondomise ngokuzeyelisela emlamjeni.
- Ukufa kukaNomaMpondomise kothuse uManyawuza umama wakhe wafa.
- Ukufa kukaThobeka exatyelwe ngezembe nguGugulethu.
- Isigwebo sokuxhonywa kukaGugulethu.
- Ukufa kukaMaGama ngokuzityisa ityefu akugwetywa uGugulethu.

## 3.11 IMIXHOLWANA

- Yimisontwana ethi incedisane nengcamango ephambili yombhali (umxholo ongundoqo)
- Inomsebenzi obalulekileyo kuyo nayiphi idrama.
- Ixhasa /ikhulisa umxholo.
- Ixhasa umyalezo wombhali
- Ayilithathi lonke ibali njengoko umxholo usenza njalo

**Imizekelo yemixholwana**

## 1. Ubuhlobo benene

Ubuhlobo obuphakathi kukaGugulethu kunye noMzamo. Bubonakala nangexesha UGugulethu egxekwa nguSicelo akasazi isizathu sokuba afune ukugqitha ilizwi labazali.

Uthi uMzamo xa ephendula uSicelo *"Apha kwaba bafana baseZazulwana andikholwa ukuba ukho umfana odlula uGugulethu ngokubeka abazali; kodwa kwinto enjengale ndimgxeka ndingamgxeki, kwaye nabazali bakhe ndiyabahlaba kakhulu. Ingqina laloo nto yokuba lo mfana ubahlonele abazali bakhe uzinyanzele weza ecaweni, into leyo ebingeze yenziwa ngomnye umntu; nditsho nawe ubungeze wayenza."*

Noobawokazi bakaGugulethu babhenela kuMzamo bakuqaphela ukuba noko uGugulethu wohlukana nengqondo yakhe ngenxa yeenkani zikayise. Kulula kuGugulethu ukuziphalaz'imbilini kuMzamo ode wazinika nenxaxheba yokuya kuZwilakhe. Uphinda uMzamo azibonakalise ukuba ngumhlobo wenene ngokuya kubazali bakhe akumbona noko engemhlanga naxa nje ephoxwa ngabazali bakaGugulethu, de athi uZwilakhe uyoniwa yimbeko.

## 2. Uthando

### 2.1 Uthando olunyanisekileyo

Uthando lukaGugulethu kuNomaMpondomise lunyanisekile. Wamthanda iminyaka emithathu besesesikolweni usamthanda nangoku. Nangeli xesha anyanzelwa ngoThobeka akagungqi ekuthandeni UNomaMpondomise. Oku uyakubonakalisa gca ngokungawuphenduli umbuzo kamfundisi othi uyayaithabatha na le ntombazana abe exela uThobeka. Uphinda akafuni kutyikitya azibophelele kuThobeka. Akubhubha UNomampondomise uyamzilela futhi uyithetha phandle ukuba uzilele umfazi wakhe ongcwatyelwe phezu komlambo uMtata. Umthela nqa noThobeka xa efika eMthatha eze kuye, ude athi*" Uze kum ndingubani, ndiyintoni kuwe"*

### 2.2 Uthando olunyanzelweyo

Uthando asinto yakhe yanyanzelwa, yinto esuka entliziyweni yomntu. Lwakunyanzelwa uthando kuye kubekho iziphumo ezibi ezibangwa lunxinzelelo lwengqondo njengoko kwenzekile kuGugulethu. Umntu ophazamiseke engqondweni ubonakalisa imikhwa engaqhelekanga, uthetha yedwa, omnye uye abengumbulali kanti ke omnye uyaphambana.

## 3. Ukululama okugqithisileyo

Ukululama kukaThobeka kugqithisile kukho okumenza abe lixhoba lokubulawa nguGugulethu.Utshatela kuGugulethu angazange athethe nokuthetha naye ngenxa yabazali. Okoko watshata uGugulethu wamshiya apho waya kuhlala eMthatah kodwa uyahlala emzini ade azale nokuzala. Uphinda avume ukuthunyelwa kuGugulethu nguZwilakhe noMaGaba nabantwana abangengobakaGugulethu.

4. **Ukumel'inyaniso**

UZweni uyayimela inyaniso mve xa enqanda uZwilakhe kumcimbi wokunyanzela unyana wakhe ngentombi angayifuniyo. Mve xa esithi "*Uyayibona ke le nto Rhadebe? Uyayibona into yokuba lo mntwana ungxamele ukwahlukana nengqondo yakhe ngenxa kayise ophike ngeenkani esithi ulandela isiko? Kuthiwe ke mna mandifake isandla kwinto elolu hlobo, nakanye! Andicingi. Ntonje ndiza kuthi kuwe Mthetho, nqandani madoda, nqandani. Lisikizi eli nqandani. Iya engozini le nto ukuba aniqondi*"

5. **Ukwamkela imeko okuyo**

Kule mihla siphila kuyo akululanga ukwamkela, ingakumbi amadoda awayamkeli into yokwaliwa. Amaxesha amaninzi ithi indoda yakwaliwa imbulale lowo wasetyhini ungasayifuniyo. Kule ncwadi sibona umzekelo omhle, uMcunukelwa ukwamkela ukulahlwa kwakhe nguNomampondomise nangona kungemnandanga. Ube ngacenga ezityand'igila ngobuhlungu akubo eshwabula ayajika intombi kaLangeni. Zange enze nto imbi koko wamkela kubuhlungu kunjalo.

## 3.12 UMONGO

- Umongo yingqokelela yazo zonke iziganeko athetha ngazo umbhali.
- Ingqokelela emfutshane yamanqaku abalulekileyo ahlalutywayo/axoxwayo ebalini.
- Iqala phaya kwimpixano okanye kwingxaki le ibekiweyo, ihambe iye kuphuma kwisisombululo sezo ngxaki.
- Amaxesha maninzi abantu bayibiza ngokuba libali.
- Izenzo ebalini zixhomekeke kubalinganiswa.
- Iinkcukacha zomongo zidibene.

## 3.13 UMYALEZO

- Kubalulekile ukuba kuthi tha ukuba umbhali uthi masithini ngoku akubhalileyo.
- Mamela ukuba uthunywa ntoni.
- Impendulo mayibe sisivakalisi esipheleleyo.

**3.13.1 Ufikelela njani kumyalezo?**

- Thatha umlinganiswa ophambili- umchasi okanye umlinganiswa oyintloko.
- Mpazamo zini azenzileyo? Zalungiswa ziziphi izenzo?
- Yamkelekile impendulo yalo mbuzo eqala ngolu hlobo; "Umbhali uthi musa uku…. uba ngokwenza oko unga…." Omnye angathi umyalezo uthi, "Kulumkele uku…. kuba ungangena kwingxaki ethile.

**3.13.2 Kungakho imfuneko yokuxhasa le mpendulo uyinikileyo.**

Xa kufunwa uzixhase yayama kwizenzo zalowo ubemele oko ukufundileyo.
Qaphela: kukho ukumelana kwimfundiso nomyalezo kodwa asinto inye.

Esi sisifundo osifunde wakuba ufunde eli bali okanye loo mxholwana/ wakuba ubukele izenzo ezinempumelelo okanye ezingenampumelelo zomlinganiswa othile/ izenzo neziphumo zazo kumlinganiswa othile.
Impendulo ngemfundiso ingabekwa ngolu hlobo:
Ndifunde ukuba 'Akulunganga uku.../ Kulungile uku…'.

**3.14 IMFUNDISO**

- Kukho ukumelana kwimfundiso nomyalezo kodwa ayonto inye.
- Ingabekwa ngolu hlobo:
- (Ndifunde ukuba)

## 3.15 ULWIMI NESIMBO


Enye yezizathu zokufunda uncwadi kukwenza ukuba abafundi baxhinele ukusebenzisa ulwimi olukhethekileyo nolucokisekileyo, izafobe, isimboli nentsingiselo kokuza kufundwa. Oku kuquka uhlalutyo lwesimbo sokubhala.

Isimbo yindlela umbhali awubeka ngayo umcimbi wakhe phambi kwabafundi.
Ababhali banezimbo zabo zokubhala, iindlela zabo zokubhala, ezikhethekileyo kubo.
Isimbo sombhali senziwe yimiba eliqela equka:

- Ukuchongwa kwamagama.
- Ukusetyenziswa kwemifanekiso-ngqondweni.
- Ukusetyenziswa kwemiqondiso.

Umbhali apha kweli bali usebenzise uthotho lwezafobe ukunonga ulwimi lwakhe ukuze umntu abenomfanekiso ngqondweni walo nto kuthethwa ngayo. Ukuthatha akubeke kulo ndawo kwenzeka kuyo ibali. Uzibona nawe uyinxalenye yabalinganiswa abasencwadini. Mve xa esebenzisa uMcunukelwa ukuphuhlisa isakhono sakhe sobugcisa bolwimi, uthi kuNomaMpondomise kungathi kanti ulahla imbo yakhe ngophoyiyana, kanti yena uZweni uthe kuZwilakhe aze alumke athi egawula abe ebheka. Umbhali abalinganiswa bakhe ubenze baxube isingesi xa bethetha ukuqaqambisa ifuthe laseNtshona into ebonisa ukuba banesikolo. Umbhali uphum' izandla ekuzobeni imifanekiso ntelekelelo ngezikhokelo zakhe zeqonga *kuba* uyithatha ingqondo yethu ayibeke kuloo ndawo athetha ngayo okanye sibe ngathi siyayibona loo nto kuthethwa ngayo ngenxa yendlela ayalela ngayo ukuba mabenze okanye babonakale bekhangeleka ngayo abalinganiswa bakhe. UTamsanqa unobuchule obumangalisayo ekubekeni izinto malunga nobomi obabuphilwa ngexesha lamandulo kwa indlela ayibeka ngayo ithi idlwengule umxhelo kumfundi.

## 3.16 ISIMO SENTLALO KUNYE NEMVELAPHI




- Isimo sentlalo sizoba indawo nexesha eliqhubeka ngalo ibali.
- Indawo iyazotywa icace gca. Ngamanye amaxesha icaciswa ngumbhali ngomlomo wakhe ukanti ngamanye amaxesha usebenzisa abalinganiswa.
- Izinto abazenzayo ndawonye nezinxibo zidulisswa ngabalinganiswa.
- Siphefumla umoya othile apha ebalini ngenxa yokuba ibali lisenzeka kwindawo ethile, enabantu abathile abanamasiko athile.

**Qaphela oku malunga nesimo sentlalo**

Isimo sentlalo yindawo apho ibali lenzeka khona, ixesha elenzeka neemeko abaphila phantsi kwazo abalinganiswa. Sidula ngezinto ezenziwa ngabalinganiswa, izinxibo, inkolo yabalinganiswa ulwimi abalusebenzisayo, izinto abazixabisileyo, njalo njalo.

- **Ixesha njengesolotya lesimo sentlalo:** Ixesha lityhilwa zizinto ezenzekayo, eziqhubekayo nezisetyenziswayo ngabalinganiswa kwintlalo yabo. Izinto ezisetyenziswa ngabalinganiswa kulo mdlalo ziyangqina ukuba uqhubeka kweli xesha lokhanyo, sekungene umfutho waseNtshona.

- Ixesha kweli libali leli xesha lokhanyo: Imizekelo yobungqina obudiza oku ngokwasebalini:
  - Imfundo sele ingenile kumzi kaNtu: Kufundiwe ngakumbi lulutsha kuba uNomaMpondomise uthenga iphephandaba, apho eva khona udaba lokutshata kukaGugulethu noThobeka.
  - Abantu abaNtsundu bakwizikhundla eziphezulu: Umfundisi otshatisa uGugulethu noThobeka ungumntu oNtsundu kuba uyakwazi ukuyiqonda intetho kaGugulethu ezingileyo yokuba kubuzwe kuZwilakhe ukuba inentsingiselo eyiqulathileyo.
  - Ulwimi olusetyenziswayo: Kusetyenziswa kolwimi lwesiNgesi ngabalinganiswa abathile kuveza ngokumhlophe ukuba lixesha langoku sele kuphilwa isilungu Yiva

uGugulethu xa athi, *'Love is not love when alters when it finds alteration....'* xa acacisela uNomaMpondomise ngothando lokwenyani.

- o Ubukho betrongo neenkundla zesilungu: UNomaMpondomise umangala kwinkudla yesilungu ehamba ngokomthetho waseNtshona.
- o

- **Indawo njengesolotya lesimo sentlalo:** Yile ndawo ibali liqhubeka kuyo, isenokuba yilali, yidolophu, yifama, yilokishi, njalo njalo. Inokubizwa ngegama okanye ivele ngokuthi kukhankanywe imiba nezinto ezithile ezinjengezakhiwo, okungaphakathi kuzo, nezinto ezenziwa ngabalinganiswa, njalo njalo.

o Ibali liqhubeka ezilalini nasedolophini kunye nasedolophini: Ezilalini liqhubeka ezilalini zakwaBhaca. Eli bali liqala eGcuwa eZazulwana kwaZwilakhe apho siva ukuba uNozipho uhleli yedwa kwindlu enomsi kuyacaca ukuba kuse zilalini nyani apho kubaswa phantsi xa kuphekwa.

- Ubungqina bokuba liqhubeka ezilalini, bobu bokuba abalinganiswa **bafuyile, iinkomo** neehagu. Kuhanjwa ngamahashe.
- Edolophini liqhubeka edolophini eMthatha. Apho asebenza khona uGugulethu. Kulapho azibambisa khona emva kokubulala uThobeka.

- **Iimeko zentlalo abaphila phantsi kwazo abalinganiswa:**

  - o Abalinganiswa ikakhulu ngabantu abanezinto zabo, kufuyiwe:
  - o Kulotyolwa ngeenkomo ezihamba ngamanqina:

- **Inkolo neenkolelo**
  - o Abalinganiswa balandela inkolo yobuKrestu:
  - o Bakholelwa kwizinto zesiNtu, abasadla ngendeb’ endala:

**Umsebenzi**

**Kule theyibhile ingezantsi dwelisa imiba engakhankanywanga ebubungqina bokuba ibali liqhubeka kula maxesha okhanyo nedandalazisa ukuba liqhubeka ezalini/edolophini**

| Ubungqina bokuba liqhubela kule mihla siphila kuyo | Ubungqina bokuba liqhubeka ezilalini nasezidolophini |
|---|---|
| | |
| | |
| | |

**Ixesha njengesolotya lesimo sentalo:**

Le ncwadi uBuzani kubawo yincwadi ebonisa iyantlukwano yabantu ngenxa yexesha. Abantu abadala babambe izithethe namasiko. Abazali bakaGugulethu uZwilakhe noMaGaba basadla ngendebe endala, apho umfana okanye intombi yayibonelwa ngabazali umntu enokutshata naye.  Kanti nakwaLangeni nakwaMcothama, kukwanjalo. UGugulethu, umele abantwana beli xesha lokhanyo, kuba ukholelwa kwinto yokuba, umele azikhethele intombi aza kutshata nayo. Ixesha njengesimo sentlalo siyawufuthela umxholo webali wokunyanzelwa kwesiko elingasasebenziyo, kuba kweli bali ungquzulwano ngezimvo luphakathi kwabantu abasadla ngendebe endala, abamelwe ngabazali bakaGugulethu kunye nabantu abankolo neenkolelo zabo zichatshazelwe ngumfutho wenkcubeko yaseNtshona. UZwilakhe unyanzelisa uGugulethu ngokutshata noThobeka, intombi ebonwe ngunina njengentombazana efanele unyana wakhe. UGugulethu uyajijiliza kuba efuna intombi ayithandayo enguNomampondomise.

Okunye okubonisa ukuba eli bali liqhubeka kule mihla siphila amatyala amakhulu xoxwa enkundleni kaMantyi eMthatha apho uNomampondomise wayebambise uGugulethu ngokumthembisa ngomtshato waze akamtshata.

Ichaphaza lefuthe laseNtshona lingene nakubantu abadala. Oku kudula xa kukho amaHlubi anjengoZweni noMthetho ababona kufanele ukuba uGugulethu atshate intombi ayithandayo, uNomampondomise. Bathi xa uZwilakhe esemi engajiki, de athi, “Nditshilo nje nditshilo. Nantsiya intombi kaMcothama, yizekeleni unyana wenu.” Simve uMthetho esithi unenkani, uZweni amyale ngelithi abogawula ebheka.

UGugulethu ubulala uThobeka kunye nabantwana bakhe wayebathumele kuye eMthatha, naye ityala lakhe lixoxwa ngumantyi aph agwetywa intambo. Umbhali abalinganiswa bakhe ubenze baxube isingesi xa bethetha ukuqaqambisa ifuthe laseNtshona into ebonisa ukuba banesikolo yiva ingoma kaGugulethu noMzamo

**Umsebenzi**

**Thathela kule ngxoxo ingentla, uxoxe ngendlela ixesha njengesolotya lesimo sentlalo eliwukhulise ngayo umxholo webali wokunyanzeliswa kwesiko elingasasebenziyo kumaxesha esiphila kuwo.**

**Indawo njengesolotya lesimo sentlalo:**

Apha kule ncwadi isimo sentlalo **singxabalazile** kuba ibali lenzeka emaphandleni **eGcuwa eZazulwana nakuTsolo** e**Ngcolosi** ezilalini kanti nasedolophini **eMthatha** apho asebenza khona uGugulethu kanti namatyala axoxwa khona.
Eli bali liqala eGcuwa eZazulwana kwaZwilakhe apho siva ukuba uNozipho uhleli yedwa kwindlu enomsi kuyacaca ukuba kuse zilalini nyani apho kubaswa phantsi xa kuphekwa.
Ubungqina bokuba liqhubeka ezilalini, bobu bokuba abalinganiswa **bafuyile, iinkomo** neehagu. Kuhanjwa ngamahashe. Kuyatshatiswa. Kuyahanjelwana kwimisitho ekhoyo ezilalini. Oku kwenza uMaGaba aye emtshatweni abuye ethabathekile, incoko yakhe noNozipho ngomtshato ikhokelele kwincoko ngokutshata kukaGugulethu.Ade azidandalazise elubala izimvo zakhe malunga nentombi kaMcothama ayifunela unyana wakhe. Oko kudale ingxubakaxaka kuba kwenza ukuba balinyazelise isiko lokumbonela uGugulethu engafuni.

Ezilalini izizalwana zakhele. Zisondelelene. Oku kwenza kubelula ukuba uZwilakhe akhawuleze aqokelele amawabo, ngomba wokuzekela uGugulethu. Kukwezi ngxoxo apho ubunzwilakhe bokungamameli mntu bukaZwilakhe bucaca khona. Uthi ekho amawabo, embonisa, eyichasa imbono yakhe yokubonela uGugulethu, de sithi umthetho nowakhe unyana umzekele intombi ayithandayo, aphendule athi, “Hayi Rhadebe andizimisele kujika nokuba umntu selechasa ade alale ngomhlana phantsi. Ndiyayithetha le nto ndiyitethayo.” Ngoko ke, isimo sentlalo sikhwezela umxholo webali sityhila izimo zabalinganiswa.

**Umsebenzi**

**Thathela kule ngxoxo ingentla, uxoxe ngendlela indawo njengesolotya lesimo sentlalo eliwukhulise ngayo umxholo webali wokunyanzeliswa kwesiko elingasasebenziyo kumaxesha esiphila kuwo.**

UGugulethu noMzamo bahamba ngamahashe xa besiya emtshatweni. Kwelinye icala siyeva uNomapondomise ukuba wakhupha iinkomo awayelotyolwe ngazo nguMcunukelwa ngethemba lokuba uGugulethu uza kumtshata.

Abalinganiswa umbhali ubazobe njengabantu ababahlonelayo abantu abadala, siyabona phaya kuMahlubi ancama athoba iminqonqo balandela oko uZwilakhe akutshoyo kuwo

## 3.17 ISIPHELO

**IDrama inganesinye sezi ziphelo zilandelayo: isiphelo esilindelekileyo okanye isiphelo esothusayo/ esingalindelekanga.**

Kule Drama ithi “Buzani Bubawo” omnye umntu angathi isiphelo sayo sesilindelekileyo kuba iinkani zikaZwilakhe zibe ngunobangela wokubhubha kwabantu abaninzi abangenatyala. Kuqale lwabhubha uMzamo emtshatweni kaGugulethu, kwalandela uNomaMpondomise ngokuzeyelisela emlanjeni noManyawuza kukothuswa ngumphanga wentombi yakhe. UThobeka nabantwana bakhe babulewe nguGugulethu ngokubaxabela ngezembe. uMaGaba wazityisa ityhefu kwakugwetywa unyana wakhe

## 3.18 ISIGQEBELO

- Isenzo siphuma kwinkalo ethile ebe ingalindelekanga.
- Sisetyenziswa kakhulu kubaliso ukuphuhlisa impoxo okanye ukuhlekisa ngobutyhakala bomlinganiswa okanye ukuphuhlisa intlekele kwibalana elo. Sibonakala kwabafundayo ngokuthi isenzo somlinganiswa siphume kwinkalo ebingalindelwanga okanye intetho yomlinganiswa othile ingangqamani nesiphumo esisisenzo ngokuchaseneyo nenjongo leyo yentetho yesithethi.

**Umzekelo**

- UMaGaba ebecinga ukuba xa uThobeka enokutshata noGugulethu baya kuhlala ngolonwabo njengoko embona ebufanele ubufazi, eneempawu zobufazi kodwa akuzange kube njalo ndaweni yoko akuba etshatile uThobeka noGugulethu abazange bahlalisane ngolonwabo kuba ukuGugulethu waya kutshipha eMthatha wathi akuthunyelwa kuye uThobeka wabulawa nguGugulethu
- UGugulethu ulipolisa into ethetha ukuba ungumntu womthetho ulindeleke ukuba ibe nguye okhusela umthetho kodwa nguye owophulayo ngokuthi abulale uThobeka nabantwana.
- Bekulindeleke ukuba uGugelethu baza kwenza usapho lwabo benoThobeka babe nabantwana kunye kodwa uThobeka unabantwana kwenye indoda engenguye uGugulethu
- Umfundisi bekulindeleke ukuba uyawumisa umtshato kaGugulethu noThobeka kuba uGugulethu engafuni kulandela athethe izifungo zabatshati, engafuni nokusayina kodwa umfundisi uye wawuqhuba umtshato.

**3.18.1 Iindidi zesigqebelo**

- **Isigqebelo semeko:** okulindelwe kwimeko ethile akuhambi ngokwemeko leyo.
- **Isigqebelo sedrama:** Senzeka xa abalinganiswa benza izinto bengazi babe bona abafundi bencwadi sebetyhilelwe/ abalinganiswa banolwazi okwahlukileyo kolwabafundi / ababukeli.
- **Isigqebelo selishwa** (*fate*)**:** Sisiqhamo sokufa.
- **Isigqebelo sentetho/ samazwi:** xa umlinganiswa athetha into angathethi yona/into echasene nale ayenzayo.
- **Impoxo:** Luhlobo oluthile lwesigqebelo apho ukuncoma kusuka kube sisithuko, injongo ikholisa ukuba kukukhathaza, ukwenzela phantsi umntu othile. Umzekelo "Lo ngunyana wam obukhali bengqondo bamtshonisa ibanga leshumi."

## 3.19 EZINYE IZAFOBE EZIFUMANEKA KWIDRAMA

- **Isathaya:** Kukuvezwa kobuyatha komntu okanye iqela elithile labantu, umzi othile iqela labantu elithile ngenjongo yokuba ziqondwe zilungiswe.
- **Umzekeliso/ Allegory:** Ibali-sifaniso elifutshane okanye ibalana elinemfundiso esingisele kwezonqulo okanye ezomphefumlo okanye kwezasezulwini njengonyana wolahleko.
- **I-Alluzini**: Usingiselo kumntu othile, isiganeko, indawo, ibinzana. Umntu osisebenzisayo.

## 3.20 UKULANDELELANA KWEZIGANEKO EZIQHUBEKA KULE DRAMA

- Isiganeko sokuqala kukuxelelwa kukaGugulethu ukuba makathathe umfazi.
- Ukuvunywa kwesicelo somtshato sikaGugulethu nguNomaMpondomise.
- Ukuhlanganiswa kwamaHlubi kuxovulwa umcimbi wokuzekelwa kukaGugulethu intombi kaMcothama, uThobeka.
- Ukuya kucelwa kobulawu kwaMcothama.
- Ukukhutshwa kweenkomo zikaMcunukelwa nguNomaMpondomise.
- UGugulethu utshatiswa noThobeka ecaweni.
- UZwilakhe ubhala igama likaGugukethu ngokwakhe endaweni kaGugulethu.
- UNomaMpondomise kwiphephandaba ukuba uGugulethu utshatile.

- UNomampondomise umangalela uGugulethu ngokungafekisi isithembiso sakhe sokumtshata akugqiba zibulale ngokuzeyelisela emlanjeni.
- UMaNyawuza wothuka awe, abhubhe kukufa kwentombi yakhe.
- UGugulethu ufulathela ikhaya wenza isigqibo sokuba akasayi kuze agoduke.
- UGugulethu uzokulandwa ngoobawokazi bakhe kodwa uyala.
- UZwilakhe uthumela uThobeka nabantwana bakhe kuGugulethu eMthatha.
- UGugulethu ubulala uThobeka nabantwana bakhe.
- UGugulethu uyabanjwa agwetye isigwebo sentambo
- UMagaba uzityisa ityhefu afe.

**Hlela ezi ziganeko zilapha ngentla ngokweendawo eziqhubeke kuzo kule drama: Gcwalisa le theyibhile ilandelayo:**

| eZazulwana | eNgcolosi | eMthatha |
|---|---|---|
| | | |
| | | |
| | | |
| | | |
| | | |
| | | |
| | | |

# ISAHLUKO 4: ISISHWANKATHELO SEDRAMA NGOKWEENDIMA NEMIBONISO: BUZANI KUBAWO.

## 4.1 INDIMA YOKUQALA

### 4.1.2 Umboniso woku-1 nowesi- 2

Umdlalo uqala nje uqhubeka ezilalini eZazulwana, emzini kaZwilakhe Zilindile nenkosikazi yakhe uMaGaba. UNozipho intombi yabo ishiyeke yodwa, abazali basemtshatweni kwilali engaphesheya ekuthiwa kukwaNgoqo.

Ufika uMaGaba ebuya emtshatweni intombi yakhe uNozipho izivalele endlwini egcwele ngumsi. Kuyacaca kweli khaya ukuba kufuyiwe kwaye kusadliwa ngendeb'endala kuba uNozipho uthi ebehlutshwa ziigusha enye into usokoliswe kakhulu yimfuyo njengokuba ebeshiyeke yedwa nje. UNozipho ubonakalisa umdla wokwazi ngobekuqhubeka emtshatweni nabantu ebebekhona kulo mtshato.

Kumboniso wesibini, kusaqhuba incoko, uMaGaba usabalisela uNozipho ngalo mtshato wakwa Ngoqo. Encokweni yakhe uncome kakhulu abatshati ngobuhle nomfaneleko wabo **(p.26),** kodwa eyona nto imtsale umdla bubuhle nomfaneleko wentombi kaMcothama, uThobeka wade wabandakanya nendlela athobeke, azole nakhuthele ngayo. Apha kuboniswa nento yokuba uNozipho wamkrobela umama wakhe ukuba uyamthanda uThobeka Mcothama kuba uthi uMaGaba akuncoma uThobeka aphendule ngelithi, "Bendisazi kakade ukuba ukuba akunakho ukuthetha ngoThobeka ze kungabikho mazwi athile ancomayo……." UMaGaba ude aphele esithi ukuba bekuthetha yena, bekungekho ntombi yimbi ibiya kuthathwa nguGugulethu ngaphandle kukaThobeka. Kwalapha kulo mboniso umaGaba uyayiveza into yokutshintsha kwamaxesha okuba abantwana abasabonelwa ngabazali babo kwaye noNozipho uyayingqina loo nto echazela unina ukuba ixesha lelinye ngoku.

UNozipho uza nombuzo kunina wokuba ubhuti wakhe uGugulethu uya kude amfune nini umfazi kuba iintanga zakhe zonke zinabafazi. Kwakulo mboniso uNozipho uxelela umama wakhe ngephupha elingaqhelekenga, **(p.29)** kodwa umaGaba ulibetha ngoyaba, akalihoyi. UNozipho ubuza umama wakhe ukuba bacinga ntoni nje ngabazali ngokuba uGugulethu athathe umfazi ecebisa ukuba le nyewe zekhe bayivelele noko.

Besancokola njalo kunkqonkqoza utata weli khaya, uZwilakhe eshushu kakhulu bubutywala, yena uNozipho uphela ephuma ebashiya esiya kulala. Apha uZwilakhe uboniswa njengomntu owoyikwayo nongafikeleleki lula kusapho lwakhe, kwaye kuyacaca ukuba uyathanda ukuthetha unothenda xa eshushu.

### 4.1.2 Umboniso wesi- 3 nowesi-4

UGugulethu uya emtshatweni kwaNgoqo noMzamo, intanga nomhlobo wakhe, bakhwele amahashe konwatyiwe. Endleleni eya kulo mtshato uGugulethu uxelela uMzamo ukuba ungxamele ukufumana amathanyana otywala ukuba aqabule akhuphe ibhabhalaza asuse neentloni kuba kukho igqiyazana afuna ukulirhawula kula mtshato. Uthi kudala walifuna eli gqiyazana, iminyaka ide yamithathu ekunye nalo esikolweni kwaBly kodwa likhaba ngawo omane. UMzamo uthi ze akhe aliyekele kuye eli gqiyazana ibe nguye othetha nalo.

Kumboniso we-4 siboniswa uGugulethu noMzamo emtshatweni bebiza uNomaMpondomise bemsusa phakathi kwezinye iintombi, becela ukuthetha naye ecaleni. UNomaMpondomise ubonakala othukile kuba ebengakhange ayicinge into yokuba angabonana noGugulethu. UMzamo uzityanda igila ethethela uGugulethu kuNomaMpondomise, ebonisa indlela uthando lukaGugulethu olunyaniseke ngalo, ebonisa ukuba uzivile iindaba zokuba kudala uGugulethu wazibika kuye NomaMpondomise. NoGugulethu wazityand'igila, ezibika kuNomaMpondomise ngendlela amthanda ngayo kangangokuba ukutya akusehli, sele wanqatyelwa nabububuthongo. UNomaMpondomise akabonalisi kusichasa isicelo sikaGugulethu, kodwa uveza ingxaki akuyo ngala mzuzu **(p.43**) kangangokuba ucela ithuba lokuba aye kucinga kuba uyabona ulwamkelo lothando lukaGugulethu luyakuthetha ukuzibophelela nokuncama konke. Uphela uNomaMpondomise ethembisa ukuba uya kumazisa uGugulethu ngokumbhalela ileta akufika kokwabo eNgcolosi, kuTsolo.

## 4.2 INDIMA YESIBINI

### 4.2.1 Umboniso woku-1 nowesi-2

Kulo mboniso uMagaba kunye nowakwakhe, uZwilakhe basendlwini yabo, bancokola ngoGugulethu, kwaye yena Magaba uzibika ubudala, noNozipho kufuneka eye esikolweni. UZwilakhe uzenza umntu ongayivayo into ethethwa nguMagaba, ubonakala enomsindo uveza laa nto yokungafikeleleki kwakhe kusapho lwakhe, uyamphoxa. UMagaba uyamthibaza ngokumbuza ukuba kutheni erhabaxa xa athetha naye. Ubonakala esehla uZwilakhe kubugwele ebekubo, aphele emmamela. UMaGaba ubonisa uZwilakhe ukuba noko uGugulethu usexabisweni lokuthatha umfazi, kwaye uZwilakhe ubonakalisa ukungawuchasi
lo mcimbi uza noMaGaba kangangokuba uyambuza ukuba ikhona na le ntombi ayibonele uGugulethu. Utsho ngokungafihlisiyo nangokuzithemba uMaGaba ukuba yena akaboni ntombi yimbi ngaphandle kukaThobeka, intombi kaMcothama, atsho ezibeka izizathu ezibangela ukuba afune le ntombazana **(p.47-48**). Unalo uMaGaba necebo lokuba makuqalwe kubizwe uGugulethu axelelwe ngalo mba, emva koko kubizwe amaHlubi.
Kumboniso wesibini kukwalapha kwaMaGaba, kubizwa uGugulethu nguMaGaba kunye noZwilakhe bembuza ukuba ucinga ntoni ngokuthatha umfazi, yena uphendula ngelithi ebelinde ilizwi elisuka kubo njengabazali. Kusenjalo kungena umntwana ethunywe ukuba makazise ileta evela eposini kuGugulethu. Le leta ibethwe isitampu eMthatha. Uphela lo mboniso uGugulethu esafunda loo leta**. (p.52)**

### 4.2.2 Umboniso wesi-3

Kuthe kanti le leta ayifumeneyo uGugulethu isuka kuNomampondomise eMthatha. Akakwazanga ukuzibamba UGugulethu, nanko esiya kuMzamo intanga yakhe, esiya kumxelela iindaba zeleta ayifumeneyo esuka kuNomampondomise.Ngenxa yemincili uGugulethu waphela enika uMzamo ileta leyo ukuba azifundele. Akuzifundela uMzamo
le leta ufumanisa ukuba sivunyiwe isicelo sikaGugulethu nguNomampondomise.UGugulethu uxelela uMzamo ukuba ifika nje le leta bekuboniswana naye ngabazali bakhe ngomcimbi wokuzeka umfazi kwaye akasaboni ntombi yimbi ngaphandle kukaNomampondomise intombi kaLangeni **(p.55).** UMzamo uye wacebisa uGugulethu ukuba makayiphendule ileta ngoba busuku, watsho esiwa ephepheni uGugulethu **(p.56).**

### 4.2.3 Umboniso wesi-4

UGugulethu ufumene ileta evela kuNomaMpondomise, emxelela ukuba uyasamkela isicelo sakhe sokumtshata, nangona esamkela nje kukho iinkomo ebesele zisebuhlanti, zilobola yena, ngoku uyazikhupha ngenxa yesicelo sikaGugulethu. **(p.57 -58)** Ecaleni uZwilakhe, uyise kaGugulethu ubiza amawabo (amaHlubi) kuzokuxoxwa ngomcimbi wokuzeka kukaGugulethu. Kwingxoxo yamaHlubi, kufumaniseka into yokuba uZwilakhe sele embonele intombi uGugulethu kuba uthi asiyondima kaGugulethu ukuzibonela intombi. Kwehliwa kusenyukwa ngamaHlubi ngokukhethelwa kukaGugulethu nguZwilakhe. AmaHlubi athi ngelinikiwe ithuba lokuba azikhethele intombi afuna ukuyitshata. Naye uGugulethu ucela ngokuzithoba kumawabo ukuba anikwe ithuba lokuzikhethela intombi ayithandayo nokuba ineliso elinye. kunjalonje uyabaxelela ukuba uyazazi iizinto ezifuneka emfazini, uphela ephikisana notata wakhe **(p.67)** kuba ebona ukuba uyamnyanzela. Kulapho aphuma impuhle khona uZwilakhe angafuni kumnika ndlebe uGugulethu ngendaba yokuzikhethela intombi amakayitshate. AmaHlubi athetha noZwilakhe embonisa ukuba makamyeke uGugulethu ukuba makazikhethele intombi ayithandayo. Kulapho uZwilakhe ema entla abaxelela ukuba akangeze alilahle isiko lakokwabo lokubonela unyana wakhe umfazi. Kwaye sembonele uGugulethu intombi yapha eZazulwana. (**p.64**) Apha uGugulethu uphela enombuzo awubhekisa kumawabo wokuba ukuba utata wakhe umsa eweni makaye nokuba ingozi uyayibona na kuba efuna ukumkholisa. Khange ube namphenduli, wabe uZwilakhe eyalela amawabo ukuba ngoMgqibelo olandelayo makuyiwe kwaMcothama kuyocelelwa uGugulethu umfazi. Emva koko uGugulethu khange aphinde abambe, ushiyeke ethetha, ezulazula yedwa endlwini, ephatha kuzingquba emnyango ngokomntu ophambanayo **(p.69).**

### 4.2.5 Umboniso wesi- 5

Kulo mboniso uGugulethu ufikelwa nguMzamo kowabo kwakusasa ngeCawa kuba eyokufuna ingxelo malunga nobekuqhubeka kwingxoxo zokufuna umfazi. Uthe xa efika, ezama ukuthetha nokuGugulethu, akafuna nokuthetha naye, esithi makayekwe nguMzamo, yonke into afuna ukumbuza yona makayibuze kutata wakhe. Uye wanamazwi abuhlungu, awathethayo athi` Kukho into enkulu yelifu elingalenga phezu kwakhe. **(p.70)** UMzamo ubonakele ebudideka kangangokuba waphela esiya endlwini yabazali bakaGugulethu eye kuqonda ngentanga yakhe kuba imeko akuyo asiyiyo le ebemgqibele ekuyo. UZwilakhe umxelele unobangela wokuba uGugulethu abe njeya ukuba bambonele ngokwabo intombi amakayitshate wabe ke uGugulethu naye ezibonele intombi ayithandayo. **(p.71)** UMzamo ucebise ukuba ngebemyekile uGugulethu ukuba azibonele intombi ayithandayo. Kulapho uMzamo amnyathele emsileni uZwilakhe, wabona indelelo kuMzamo lowo. Waphuma apho uMzamo ebashiya namazwi athi `iziqhamo zonyanzeliso lwenu ziyakubetha nizisole nithi `akwaba` kube sekungekho mancedo sekukwabekile. Wafika kuGugulethu kwakhona uMzamo emxelele ukuba uwuqondile unobangela wonxunguphalo lwakhe, ucebisa ukuba makazixolise kuba uZwilakhe akazimisele kujika kwisigqibo sokumzekela intombi. UGugulethu ubonakala exhalabile ngalo mba, kuba uxelele uMzamo ukuba uNomampondomise sele ezikhuphile iinkomo ebesele zisebuhlanti. Watsho ephinda ebonakalisa imeko yonxunguphalo ngokuthi aphinda phinde intetho yakhe **(p.73).**

## 4.3 NDIMA YESITHATHU

### 4.3.1 Umboniso wesi-1

Kulo mboniso amaHlubi adibene kwaZwilakhe malunga nokucelela uGugulethu intombi kaMcothama, uThobeka igama. Ngoku bafuna ukuqonda ukuba uGugulethu ebekhe wadibana na nentombi, wathetha na nayo phambi kokuba iyokucelwa. Kuthunyelwa uZweni ukuba makabize uGugulethu, kodwa uyala uthi akezi. Uyacengwa nguZweni embuza isizathu sokuba angavumi ukuya kumawabo ebizwa, athi`Buzani Kubawo`.Uyangcanjaziswa nguZweni embuza ukuba kutheni ingathi usethunzeni nje? Aphendule ngelithi uGugulethu ukwelesithokothoko lona ithunzi, kwaye alikho ithemba lokuba woze abuye abesekukhanyeni. Uphindela kwakhe uZweni emaHlubini ubuya nempendulo ethi akezi uGugulethu yonke into uthi mayibuzwe kuyise. UZwilakhe utsho engqina imvuyisa le mpendulo kaGugulethu esithi ngokwenene makubuzwe kuye **(p.75).** UZweni uzama ngandlela zonke ukumbonisa imposiso nobungozi bolu nyanzeliso lwenziwa nguZwilakhe ngalo mbandela **(p.76),** kodwa uZwilakhe uneenkani ume entla egxininisa ukuba lisiko lamaHlubi eli alenzayo. Kule nkani yakhe uZwilakhe, amawabo aphele emyeke kunjalo uMthetho uphela ngamazwi athi Isala kutyelwa, sibona ngolophu kwaye inkomo enetshobo ayinqandwa **(p.77)** Kucelwe uMzamo ukuba makathethe noGugulethu akhe amdungudelise kwezingcinga anazo. Uthi uMzamo akungena endlini enoGugulethu, ufika engaziwa tu nguGugulethu, kwafuneka uMzamo ezichazile. Wazama ke uMzamo ukumomeleza esithi makangazenzi nkenenkene kuba ilizwe abakulo alifuni nkenenkene, esithi lizakududuma lidlule. Impendulo kaGugulethu iyayingqina intetho kaMzamo, yokuba ewe lizakududuma kodwa lizakudlula nemiphefumlo yabantu lishiye nezililo zodwa. Waye wachazela uMzamo ngokudandatheka kwentliziyo yakhe, kangangokuba waphinda la nto yakhe yokuthetha yedwa, akabina kunyamezela uMzamo waphuma wamshiya.

### 4.3.2 Umboniso wesi-2

AmaHlubi ayokucela ubulawu emaBheleni, ngokuthunywa nguZwilakhe, eyokucelela uGugulethu. Kubizwa uThobeka ngoba kukuphela kwentombi kulo mzi, ebuzwa ukuba uyawazi na la madoda. Wabonakalisa ukungawazi amadoda, wabe ebuzwa ukuba akukho mfana akhe wadibana nayo na kwiintsuku ezidlulileyo, walandula uThobeka. Axakeka amaBhele xa intombi ingamazi kwaye ingakhange ikhe idibane naye umfana. Anyanzelisa amaHlubi esithi awezanga ntombini koko beze ngomba wentombi kumaBhele. Kuyo yonke lo nto aphela esamkeleka amaHlubi kungathandiswanga ntombi leyo. Enzelwa iizibele oonozakuzaku ngabakhozi.

### 4.3.3 Umboniso wesi-3

UThobeka uthethisana nomama wakhe uMadongwe ngokwamkelwa koonozakuzaku kungakhangwe kugqitywe naye.Ukhalazela into yokuba akafane athetha nokuthetha naye lo mntu amcelelwayo kwaye akongomntu amqhelileyo, kwaye akazange athethe naye ngalo mbandela wokwendela kuGugulethu **(p.83).**Umama wakhe uyamnyanzela ngelithi makangafuni ukuphatha ephethwe, ude athi makakhumbule ukuba uzelwe, uyalawulwa akazilawuli.Naye uThobeka kwelinye icala uyamlumkisa umama wakhe ukuba mabazilumkele izinto abazenzayo, kwaye ukuba lisiko liphuthile.Yena akayingene lo nto.Kwelinye icala uNomaMpondomise , eNgcolosi kokwabo uxelela umama wakhe uManyawuza ukuba uyazikhupha iinkomo ezisebuhlanti zikaMcunukelwa. Umama wakhe umbuza isizathu sokukhupha iinkomo ebuhlanti nokuba ebekade eziyekele ntoni ixesha elide kangaka. Impendulo yakhe ithi akazange atsho mazingene kwaye ziyamthukuthezela. Uthe unina akumgcambazisa emxelela ukuba azikhutshwa njalo iinkomo, zikhutshwa ngezinye, wamxelele ukuba ukhona umfana amthandayo, asele emthembisile. Uyacetyiswa ngunina ukuba makangazikhuphi iinkomo, ukwamxelela nangobungozi bokwenza lo nto, ekwamlukisa ukuba makangasithembi isidalwa umntu, makathembe ilitye kunokuthemba umntu. Waba neenkani uNomaMpondomise esithi umthembile umfana athenjiswe nguye. UManyawuza, wakhalala, wathi kwintombi yakhe makahambe ngayibonayo.

### 4.3.4 Umboniso wesi-4

UNomaMpondomise ubhalele uMcunukelwa ileta efuna ukudibana naye, ngoku kulo mboniso bayadibana. Ucela uMcunukelwa ukuba makalande iinkomo zakhe kuba akamtthandi kwaye akazange amthande kwasekuqaleni. Kwaye le nto uyacela ukuba ayithabathe isidoda ngentliziyo enyamezelayo. Akukhange kube lula kuMcunukelwa ukwamkela ezi ndaba nangona uNomaMpondomise wayeyicikozela into yokwala uMcunukelwa.Eyona nto wayeyibeka phambili uNomaMpondomise yayiluthando, esithi ngaphandle kothando umtshato ububuvuvu namampunge. Umcacisele ukuba, ukuba unokuqhubekeka emtshata uyakuba ungumkhohlisi kwaye wanyelisa sonke isifazi esiphantsi kwelanga. Wayamkela uMcunukelwa lo nto ebunzimeni exhelekile, ethetha amazwi abuhlungu aqalekisayo athi`inyembezi zakhe aze azilumkele hleze zithi kanti zoba ngumsinga owothi oyele kuwo **(p.92).** Washiywa apho uMcunukelwa nguNomampondomise iinyembezi zinqumle umbombo.

### 4.3.5 Umboniso wesi-5

UMcunukelwa ubikela abazali bakhe udaba lokwaliwa kwakhe yintombi kaLangeni, uNomampondomisa.Ucela ukuba kuyophuthunywa iinkomo kwaLangeni kuba intombi isithi ayizange imthande. Utata kaMcunukelwa uQavile akayikholelwa le nto ithethwa ngunyana wakhe, uthi sikhona esinye isizathu sokwaliwa kwakhe ayisiso eso sokungathandwa. UQavile uphela ebiza amawabo, ooNozulu ebaxelela ngesi sehlo sokwaliwa konyana wakhe. Khange bayamkele nje lula le nto bayixelelwa nguQavile, bafune ukuzivela emfaneni. Ulubekile udaba umfana, babuhlungu kakhulu kodwa baphela bempha amazwi amomelezayo (**p.94**). UMcunukelwa uphela ebulela ooyisekazi ngamazwi enkuthazo, kuba amenze waphila kwinto ebeyiyo. Kuphela kuza kuphuthunywa iinkomo kwaLangeni.

### 4.3.6 Umboniso wesi-6

KukwaLangeni kuloNomampondomise, ekuseni ooNozulu baphuthume iinkomo zabo.Babonwa bethe nqwadalala ngasebuhlanti.Uyothuka uLangeni, utata kaNomampondomise ukubabona ,ababuze ngobukho babo.Uyabacacisela ukuba bapha ngesindululo sentombi edibene nomfana yathi makuphuthunywe iinkomo zabo.Babemangalisekile kukubuza kukaLangeni becinga ukuba intombi ibikhe yathetha nabazali bayo kuqala.Indlela awacaphuka ngayo uLangeni yengathethekiyo, wayenga angamdla ngamazinyo uNomampondomise.Wabakhululela iinkomo zabo ebuhlungu, wayalela intombi yakhe ukuba mayizikhuphe ngokwayo ebuhlanti, akugqiba ahlawule iindleko zemali esele isetyenzisiwe ukubuyisa imali yabantu, emshiya namazwi abuhlungu athi usaya kumkhumbula ngenye imini.

## 4.4 INDIMA YESINE

### 4.4.1 Umboniso woku-1

Kulo mboniso kungamayeyeye eZazulwana kutshata uGugulethu Zilindile noThobeka Mcothama. Kubonakala ukuba uGuguglethu usibhijele ngelaphu elimhlophe esi sandla asisebenzisayo. Kusecaweni, umfundisi uyatshatisa uyalela uGugulethu ukuba alandele emva kwakhe athethe amazwi okuzibophelela. UGugulethu uye akaphendula okokuqala, wathi akuthundezwa ngumfundisi wathi makubuzwe kuyise. Waphikelela uGugulethu engayiphenduli into efunwa ngumfundisi esithi makubuzwe kuyise. Yamxaka ke le mpendulo umfundisi, waphela ebiza uZwilakhe uyise kaGugulethu. Kuzanywa ukuqondwa ngale mpendulo kaGugulethu ethi makubuzwe kubawo. Uthe UZwilakhe akubuzwa wathi umfundisi makaqhube, angayinanzi nganto yonke into eyenziwa nguGugulethu, kwaye enyanzela uGugulethu ukuba makathethe, aphendule umfundisi. Uthe akuqhubeka esala uGugulethu ukulandela emva komfundisi, umfundisi waguqukela ebantwini ababezizimase umtshato, wavakalisa uloyiko nonxunguphalo analo ngalo mtshato wesi sibini kodwa esithi kozenzekela **(p.100)** Wajika waguqukela kubatshati ebayala, wabanika namazwi athi` unombono awubonayo ngabo, kodwa akuzuwuthetha, akangomprofethi, nto nje into angayithethayo ingakumbi kuGugulethu, makangamvumeli uSathana adlale ngaye.UGugulethu uphele engafunanga kutyikitya , waphela etyikityelwa nguZwilakhe uyise.Waqaliswa ke uGugulethu yila nto yakhe yokungathi ushiywa ziingqondo, esithi` liza kududuma, labe ilizwi lakhe lisonyuka ngokonyuka**.(p.101)** Wacela umfundisi ukuba makathathwe amkiswe uGugulethu, wacela ukuthetha noZwilakhe ecaleni, bobabini.Kulapho waqala wachazela umfundisi ukuba le nto kaGugulethu iqale ngokuba bangavisisani ngentombi le ayitshatayo, kuba uGugulethu yena wayefuna ukuzibonela ethandwa nguye.Umfundisi wamlumkisa ngale nto ayenzileyo yokunyanzela unyana wakhe ngentombi angayithandiyo, embonisa ubungozi bayo kodwa nalapho uZwilakhe wanenkani.

### 4.4.2 Umboniso wesi-2

Kuphunywe ecaweni emva komtshato kaGugulethu noThobeka, abafana neentombi bayokudibana eketileni, kwindibano yabo. Kulapho ke konwatywa khona ziintombi nabafana bomtshato. UMzamo noSicelo bancokola ngemeko yomtshato kaGugulethu benomrhano wokuba abasoze bahlalelane abatshati, uSicelo esihlaba isenzo sikaGugulethu.UMzamo ucacisela uSicelo ukuba uGugulethu ebesethembise enye intombi ayithandayo ngomtshato. Bagqithele nakwezinye iincoko zabo zabafana, zokushiywa kukaMzamo entombini yakhe ngumfana osemncinci, uMvalo. Baye bayokudibana nabanye abafana neentombi kule ndlu kwakonwatywe kuyo. Kulapho ke baqala khona ukukwesana, abafana abadala kunye nabancinane, kukwesana nalapha ezingomeni. Oku kukwesana kwabangela ukuba kuxatyanwe abafana abadala nabancinci. Kwaphela uMzamo ehlatywa ngomnye waba bafana bancinane, uNimrod. UNimrod akazibonanga enze into engalunganga ngokubulala uMzamo, ude athi `ndiyibulel` inja`. Wakhathazeka uGugulethu wayinyama ngokusweleka kukaMzamo, waqala phantsi uGugulethu ukuba nomvandedwa, esithi kuyaduduma, kwaye ebuza oyena nobangela wayo yonke le nto yokufa kukaMzamo.

## 4.5 INDIMA YESIHLANU

### 4.5.1 Umboniso woku-1

KuseNgcolosi uNomampondomise uhleli nabazali bakhe. Kugqitha inkwenkwana ithengisa amaphepha-ndaba, uNomampondomise abe nomdla kwelinye lala maphephandaba, Imvo zabaNtsundu, atsalwe linqaku elithi` IINTO ZALO MHLABA NGAMAJINGIQHIWU`, alithenge. Esalifunda njalo kubonwe ngaye selahla iphepha, ekhala, ekhwaza esithi: Yho-o-o! Yho-o-o! Thixo, kazi ndingumntu oyintoni na? Yho-o- o! Yho-o-o! atsho ecela ukuxolelwa ngutata wakhe. Baye bamangaliseka abazali bakhe sesi sikhalo sakhe, bafuna ukuqonda ngakufunde ephepheni okumkhalisayo. Wolathisa umama wakhe eli nqakwana, ‘’Kungosizi ukuvakalisa ngokushiywa kwethu ngumfana kaXabendlini, uMzamo ngokuhlatywa ngemela xa bekutshata uGugulethu Zilindile. Mawuxole umzi wakwaMaduna nezihlobo ngulo mbiko, akuhlanga lungehlanga mzi wakwaNokhala.’’Eyona nto iye yabamangalisa abazali bakaNomaMpondomise kweli nqakwana yinto yokuba akho nto ibanxulumanisa nalo mntu usweleke apha. Baye bacinga ukuba makube ibe ngumfana wakhe kuba akakhange ayeke ukukhala nokucela uxolo kutata wakhe.

### 4.5.2 Umboniso wesi- 2

Kulo mboniso wesibini kukwapha kwaLangeni, kuloNomampondomise, uNomampondomise akade avuke, akukhangelwa akakho entangeni yakhe.Lo nto ibaphatha kakubi abazali bakhe kuba bamgqibele ngezolo ekhala,ecela ukuxolelwa nguyise.Wabe uManyawuza ecinga ukuba uNomampondomise uzibulele, wacela umyeni wakhe ukuba makahambe aye edolophini, kukhutshwe amapolisa amkhangele.Ufumana umkhondo uLangeni akufika emapoliseni wokuba ebeza kufowunelwa kakade kuba uyafuneka enkundleni ngengomso eMthatha, intombi yakhe kufunyaniswa ukuba isenkundleni eMthatha. ULangeni uye wacacisela ipolisa ngokuthe kwenzeka kwintombi yakhe uNomampondomise yakuba ifunde iphephandaba. Ukufika kwakhe eMthatha uLangeni noManyawuza bafika kuxoxwa ityala, uNomaMpondomise emangalele uGugulethu Zilindile ngokuthi ophule isithembiso ebemthembise ngaso sokumtshata, atshate enye intombazana. UNomampondomise ekuxoxweni kwetyala, uye wacela ukwangiwa

nguGugulethu, emcenga ngesiduko sakhe, evakalisa nento yokuba engasobe aphinde angiwe ngumntu oyindoda ebomini bakhe.Emva kokuba angiwe nguGugulethu wathi kugqityiwe, Wacela uxolo kutata wakhe, waxolelwa ngutata wakhe, uye wawa wayoba wakhutshelwa ngaphandle..Wavalelisa kubazali bakhe bobabini nakwiintombi ezazi ze kumamela ityala **(p.119**) UGugulethu wafunyaniswa enetyala elikhulu lokwaphula isithembiso, wagwetywa iinyanga ezintandathu esebenza nzima okanye amashumi amahlanu eeponti. Wasamkela isigwebo uGugulethu kodwa uZwilakhe wamhlawulela imali, emkhupha. Kusenjalo kungene ipolisa elithi nanku uNomampondomise uzeyelisele emlanjeni eMthatha, Wakhala uManyawuza unina, wawa phantsi wasweleka. UGugulethu naye wenza esakhe isimbonono ephinda phinda ukuthetha ingathi ushiywa ziingqondo **(p.121)**

## 4.6 INDIMA YESITHANDATHU

### 4.6.1 Umboniso woku-1

Kulo mboniso sifumana ukuba uGugulethu uneminyaka elishumi elinesibini engumhlali nomphangeli waseMthatha, akasagoduki utshiphile. Kufumaniseka ukuba le minyaka yonke unxiba iimpahla ezimnyama kuba uzilele umfazi wakhe uNomaMpondomise. Ufikelwe ngamawabo, uNyaniso noZweni, besithi bathunywe nguZwilakhe ukuba bezekumphuthuma. kuba ushiye umfazi kwaye impilo katata wakhe iyahexa. UGugulethu uphendula ngelithi owakhe umfazi nankuya phezu komlambo eMthatha kwaye akanaye umfazi. Uthe akubuzwa ngoobawokazi bakhe imibuzo eme kwinto ethi mababuze kuyise. Bayamcenga oobawokazi bakhe ukuba makabuyele ekhayeni nokuba uyokuvela nje aphinde abuye, angavuyisi umtyholi, kungade kwehle amanye amasikizi. Uyabaxelela uGugulethu ukuba lisaduduma alikadluli, isesisiqabu nje esi basibonayo yena akangeze abonwe apho. Baphinda bamkhumbuza ngomfazi wakhe, waphinda wabaxelela ebakhumbuza ukuba babekhona ematyaleni xa uNomampondomise wayesithi kugqityiwe, yindlela ababetshata ngayo leyo kuba naye Guguglethu wathi kugqityiwe. Akanaye omnye umfazi ngaphandle kwalowo. Boyisakala ke oobawokazi bakhe bamyeka. Wabalungiselela, wacela ukuba babambane ngezandla kuba esithi hleze bangabe baphinde balifumane ixesha lokubambana ngezandla njengoko wayetshilo ukuba lisaduduma.

### 4.6.2 Umboniso wesi-2

UMthetho noNyaniso babuyile eMthatha ekuphuthumeni uGugulethu, babuye ngaphandle kwakhe. UZwilakhe ufune ukuva ingxelo evela kuGugulethu (**p.127**) njengoko babuye bengahambi naye. Uthe yena akanaye umfazi. UZwilakhe uye waba nomsindo yingxelo abaza nayo, esithi uGugulethu uza kumondla umfazi wakhe ethanda engathandi, kwaye emthembisa ukuba uza kumfaka emthethweni yahlulwe imali yakhe nguRhulumente. Eyona nto aza kuyenza kuqala kukuthumela umfazi lo wakhe kuye eMthatha kuba udiniwe kukondla usapho lwenye indoda engakhathaliyo. Bamnqandile oobawokazi bakhe besithi uyayiqonda na ukuba aba bantwana ayingabo abakaGugulethu.Wanyanzelisa uZwilakhe esithi ityala likuGugulethu layo yonke into. UMthetho washiya uZwilakhe ngamazwi athi, qhuba mfo kabawo sova ngawe, batsho bamshiya. Endleleni ehambayo uNyaniso kunye noMthetho bashukuxa lo mcimbi wenkani kaZwilakhe wokungafuni ukumamela ukucetyiswa. Bayikrobele into yokuba oyena mntu uphembelela yonke le nto nguMagaba, inkosikazi kaZwilakhe.

**4.6.3 Umboniso wesi-3**

UZwilakhe uphele emthumela ngenkani uThobeka kunye nabantwana abathathu. Bafika kwelo khaya uGugulethu esempangelweni, baze bamkelwa lelinye ipolisa, uBaleni, okhaya liseLibode, eliphangela kunye noGugulethu. Kwincoko yakhe uBaleni kunye noThobeka oyinkosikazi kaGugulethu, wothuswa kukuva ukuba uGugulethu unomfazi kunye nabantwana, into angazange ayiphathe nokuyiphatha. Ekufikeni kwakhe uGugulethu endlini ufika sele kukho iindwendwe, uThobeka kunye nabantwana abathathu. Ufika sele engasabambeki, engxamile esithi uya kumboniso bhanya-bhanya oqala ngecala emva kwentsimbi yesxhenxe 7:30, kanti kuBaleni ugqithe esithi ungxamile ufuna ukuya kungqengqa. UBaleni wambuza ngomfazi nabantwana, waphika. Ufika endlini kukho uThobeka nabantwana abathathu, akakhange ababulise, upheke esophula uThobeka ngemibuzo, embuza ukuba uyaphi, kwaye ngabantwana bakabani aba. Zange akwazi ukumphendula. Uthe akungaphenduli uThobeka, waphuma uGugulethu wabashiya apho. Washiyeka uThobeka ethetha yedwa esola abazali bakhe, efixiza, elila **(p.123)** Wacinga ngokuba makathandaze **(p.134)** wathandaza. Emva komthandazo uBaleni wabaphathela ukutya, batya nabantwana bakhe. Bathi xa balalayo wafika uGugulethu, waphinda waqala ekuqaleni ngokumngcamabzisa uThobeka ngemibuzo, uthe yonke imibuzo uya kuyiphendula kusasa. Wambuza uGugulethu ukuba kungokuba kusasa kuza kusa kuyintoni na? UThobeka uphendule ngelithi nguThixo yedwa owaziyo, batsho belala.

**4.6.4 Umboniso wesi- 4**

Kukusasa uGugulethu uye kuvusa ipolisa uBaleni elixelela ukuba ubulele usapho, ke ucela amqhube aye kumvalela. Wothuka uBaleni akakholelwa, wathathwa nguGugulethu waya kuzibonela. Wothuka uBaleni, akuzibonela, wade wacinga ukuba usephupheni okanye uyelama kuba kwakubutyadidi ligazi, lingumqukuqela ukuya kuphuma emnyango igazi **(p.137)** UBaleni wamsa enkundleni yamatyala. Wabuzwa uGugulethu ngusajini ngokwenzekileyo, wathi xa ephendula Buzani kubawo. Usajini uye wahamba naye wamqhubela kwamantyi. UGugulethu uthe kumantyi alimafanelanga eli tyala lifanele ijaji ubuqu. Umantyi umngqinele ngokuthi lingapha kwamandla akhe, wathi ngenene inkulu into ayenzileyo. Wacela amapolisa ukuba aye kumvalela. Phambi kokuba aye kuvalelwa uGugulethu ucele ukuba abolekwe amapolisa, amxhage, ayokuphuthuma incwadi yakhe yebhanki endwlini. Esithi ebhankini unemali ekumakhulu amabini evayo eeponti, ucela kuthatyathwe amashumi amane kungcwatywe izidumbu, yonke enye eshiyekileyo, isiwe kubazali bakaNomampondomise kwaLangeni, uyalobola njalo.

**4.6.5 Umboniso wesi-5**

Kusenkundleni yamatyala kuxoxwa ityala likaGugulethu lokubulala umfazi nabantwana yijaji. Kuphando olwenziwe ngugqirha, ingxelo ifumanisa ukuba umbulali uGugulethu uphile qete. Ijaji iphethe uGugulethu ngemibuzo malunga nokubulala kwakhe umfazi nabantwana, uGugulethu ume ngelithi, “Buza kubawo”. Ijaji iguqukela kuZwilakhe, imbuza imibuzo malunga nale mpendulo kaGugulethu kwaye imbuza ukuba ingaba uGugulethu ebemthanda na umfazi wakhe. UZwilakhe umphendula ngelithi akangetsho kuba abazange bahlale kunye, uGugulethu waya kuhlala eMthatha, qha nguye Zwilakhe owathumela uThobeka nabantwana eMthatha kuba uGugulethu wayesele eneminyaka engasagoduki. Kuvela into yokuba naba bantwana ibingengabakaGugulethu. Ijaji icela ukuba uGugulethu akhe abalise imbali yokubulala kwakhe usapho. UGugulethu walibalisa lonke ibali elimasikizi le nto eyenzekileyo **(p.141-143)** Ijaji iyambuza ukuba uyayitshaya na intsangu okanye uyasela na? Impendulo kaGugulethu yathi, okokoko kwasweleka umfazi wakhe, uNomaMpondomise intombi kaLangeni akazange wabufaka utywala emlonyeni wakhe. Ijaji iye ayakwazi ukunyamezela kuba isithi sihlasimlisa umzimba esi senzo, yayivala inkundla isithi isigwebo sakuwa ngosuku olulandelay

ISAHLUKO 5 : Uvavanyo

**BUZANI KUBAWO – W.K. Tamsanqa**

**Imizekelo yemibuzo yokuzilungiselela**

## 5.1.1 IMIZEKELO YEMIBUZO ESISINCOKO SONCWADI NEEMPENDULO

**UMBUZO 1**

UZwilakhe uzotywe wangumlinganiswa ofuna izinto zihambe ngale ndlela azibona ngayo, ngqina oku **(25)**

**IMPENDULO**

**Umfundi kulindeleke ukuba achankcathe kwezi ngongoma zilandelayo xa ebhala isincoko salo mbuzo:**

Umbhali ubazoba ngokubanika iimpawu ezithile abalinganiswa ukuze badlale ngokukuko iindima ababele zona ebalini. UZwilakhe uzotywe wangumlinganiswa ofuna izinto zihambe ngendlela azibona ngayo. Oko kuvela kwiintetho nakwizenzo zakhe apha ebalini.

- Obu buZwilakhe bakhe bucaca kwincoko yakhe noMaGaba inkosikazi yakhe, 'Loo nto ndiza kuyimela, andikhathali nokuba umntu selesithini' … Ngokwale ncoko uZwilakhe uzibonakalisa ubunjani bakhe kwaye eyicacisa mhlophe into yokuba akukho mntu uya kumjika kwisigqibo sakhe sokubonela unyana wakhe onguGugulethu umfazi.
- Iinkani zikaZwilakhe ziphinda zibonwe nanguMthetho emva kwamalinge abawenzileyo bemcenga ukuba ajike kwisigqibo sakhe. Mve xa esithi, 'Sii! ineenkani iMfengu elapha. Uphinda asebenzise amazwi abonisa ukuncama mazwi lawo athi, 'Madoda inkomo enotshobo ayinqandwa. Ukuba udonga lukekele kungcono luwe, mhlawumbi ngumsebenzi kaThixo wonke lowo.'
- Ngexesha ebize intlanganiso yooyisekazi uMthetho, uNyaniso noZweni ebachazela ngokuzeka kukaGugulethu, ubonakala engavisisani nabo kuba ufuna kwenzeke ngale ndlela abona ngayo yena. Mve xa athi, 'Uza kuxelelwa ndim intombi amakeze nayo kulo wakowethu umzi …' Le ntetho yakhe imveza njengomlinganiswa oneenkani
- Uthi uGugulethu akuzama ukucela kuyise ukuzibonela intombi amakayitshate, amise ngesiko uZwilakhe, apho amxelela ngqo ukuba yena akazi kwaphula siko, oko ukulandelisa ngala mazwi athi, 'uthi akwaphuli siko – utsho ulikroboza into ke leyo endingayingene'.
- UZwilakhe uyasimela isigqibo sakhe, mve ebethe ngenqindi phantsi ethetha nenkosikazi yakhe
- uMaGaba ebonakalisa ezi nkani zakhe nokungagungqi kwakhe kwisigqibo sakhe esithi, 'Hayi Rhadebe andizimisele kujika nokuba umntu selechasa ade alale ngomhlana phantsi. Ndiyayithetha lento ndiyithethayo.'
- Uphinda uZwilakhe ambathise iinkani zakhe ngokusithela ngobukhulu nangesiko kuba e

sithi njengenkulu yamaHlubi kufuneka engumzekelo xa ebona ukuba abaninawa bakhe ooNyaniso nooMthetho bayalahleka kwaye batyeshela isiko, nguye ekufuneka aligcine lingapheli.

- Kangangeenkani anazo uZwilakhe, ujika nento awayeyithethile xa wayencokola noGugulethu ngokuthatha kwakhe umfazi esithi uGugulethu akangomntwana akazi kumfunza. UGugulethu xa emkhumbuza oko, uZwilakhe uphendula athi, 'Mawethu andikho kuyo yonke le njikeleza yokube ndixoxa. Ndithe umfana makazeke intombi kaMcothama. Ndigqibile.'
- Ezi nkani zakhe zivela naxa enga uyacenga kodwa ebanyanzela ooZweni, uNyaniso noMthetho ngesigqibo sakhe. Mve xa athi kubo 'Bhungane' akugqiba athi, 'Nditshilo nje nditshilo. Nantsiya intombi kaMcothama …' La mazwi awabonakalisi kucenga koko abonakalisa ukuba akazi kutshintsha kwisigqibo sakhe.
- UZwilakhe uzizoba njengomntu ongeloxoki, ongelo wexuwexu ungumntu ongagungqiyo kwinto ayithethileyo, nto leyo athi akazi kuyiqala ebudaleni, kodwa uGugulethu uyaphikisana naye ngelithi ulilo ixoki kuba wayethe kuye akantanga yakufunzwa kodwa ngoku ummele ngecephe emfunza.
  Nangexesha umfundisi eqwalasela undonakele kwiimpendulo zikaGugulethu, uthi uZwilakhe Umfundisi makaqhube angayinanzi le nto yenziwa nguGugulethu kuba umfana usuke wanendawo yokuthi phithi kwezi ntsuku. UZwilakhe akapheleli ekunyanzeleni uGugulethu yedwa ngomtshato angawufuniyo ngoku unyanzela nomfundisi ukuba aqhube umtshato awubonayo ukuba unengxaki.
- UZwilakhe akasaziva ziinkani, mve xa esithi kumfundisi, 'Mna ndimnyanzele ukuba enze le nto ifunwa ndim'. La mazwi abonisa ukuba nokuba kungamnyama entla uGugulethu uza kumtshata uThobeka intombi kaMcothama.
- Uyalitsolisa nakumfundisi elokuba akanakuzala umntwana aphinde amphathe, kwaye akajiki kwisigqibo sakhe akazokuphathwa ngumntwana amzalayo.
- Akubona uZwilakhe ukuba uGugulethu akasagoduki, uthumela uNyaniso nomthetho ukuba bayokumlanda, bakungabuyi naye ubetha ngenqindi phantsi esithi uGugulethu uza kumondla uThobeka ethanda engathandi.
- Ulandelisa umfazi nabantwana nalapho enqandwa ngooyisekazi, esi senzo sibonisa kwa ezi nkani zakhe. Nangona uNyaniso noMthetho bemkhalala bemshiya ngenxa yeenkani zakhe, akajiki umile kwisigqibo sokuthumela uThobeka nabantwana bakhe eMthatha.
- Iinkani zikaZwilakhe zibe neziqhamo ezibi, kuphela kulahleka imiphefumlo engenatyala, uThobeka nabantwana bakhe babulawa ngokugwintwa ngezembe nguGugulethu belele. UGugulethu ugwetywa intambo ngokubulala umfazi nabantwana bakhe.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo)

**[25]**

**AMANQAKU EWONKE**

**(25)**

**UMBUZO 2**

Bonisa indlela iziganeko eziyikhulise ngayo impixano kule drama.

**IMPENDULO**

**Umfundi kulindeleke ukuba achankcathe kwezi ngongoma zilandelayo xa ebhala isincoko salo mbuzo:**

Impixano yindlela esetyenziswa ngumbhali ukukhulisa ibali lakhe. Oku uthi akwenze ngokuvelisa ungquzulwano phakathi kwezimvo ezimbini ezithi zimelwe ngabalinganiswa abangavumelani ngezinto ezithile abazixabisileyo. Impixano indidi mbini, kukho impixano yangaphakathi nempixano yangaphandle. Impixano yangaphakathi yimpixano ephakathi komlinganiswa nesiqu sakhe ebangelwa zizinto ezimngqongileyo entlalweni. Impixano yangaphandle yimpixano ephakathi komlinganiswa nomnye umlinganiswa okanye phakathi kwamaqela amabini angavumelaniyo ngomba othile.

**Ukukhuliswa kwempixano**

- Umbhali kule drama ubeka izimvo ezimbini ezahlukeneyo kuvavanyo, isiko lokubonela umfana intombi elikhatywa lulo lonke ulutsha ukuqala kuNozipho, Gugulethu, NomaMpondomise abaziintshatsheli. Ulutsha lunoluvo lokuba luthando eyona nto yenza umtshato abeke uGugulethu noNomaMpondomise bencama konke ukuze lubonise ukuba eli siko litshazile alisenandawo entlalweni.
- UZwilakhe uba yinkomo enotshobo efuna ukubonela unyana wakhe ngokuhlohlwa nguMaGaba umkakhe.
- Umbhali unika uZwilakhe isihlalo sokuba ngutata wekhaya ukuze nantoni na ayithethayo ibe nendawo yokuhlala nakubani, nanjengoko yenzile aze uGugulethu abe ngunyana omele kuthatha nantoni na ayalathelwa nguyise ngokwesithethe sakwantu aze azibeke esikalini ezi mbono zombini ngolu hlobo.
- UWK Tamsanqa ongumbhali wale drama ufaka uGugulethu exabisweni lokufuna umfazi ngokweminyaka engama-30 ngokwebali.
- Oku kuba yinto enokozwayo akuya emtshatweni kwaNgoqo uMagaba kuba ebonele unyana wakhe le Ntombi kaMcothama.
- Isifungo asithatha ngale ntombi sinwenwa okomlilo wedobo ukuthungela ukugrogrisa uZwilakhe ngokungabi namandla obudoda xa engena kuyithathela unyana wakhe le ntombi.
- Esi soyikiso uZwilakhe simenza abhuduzele ade enze impazamo yokuthi kuGugulethu akanakufunzwa kuba akasengomntwana.
- Intlantsi itaka kutoliko lwala mazwi athi 'akusengomntwana … awusenakufunzwa … UGugulethu uwatolika la mazwi ngokuba athi makazifunele umfazi kanti uyise yena uwatolika ngokuba amnika amagunya okusebenzisa isiko lokubonela. Utshela kweli siko okwengwane uZwilakhe noko ebona ukuba unyana uthabathekile leli lungelo.
- Kwelinye icala umbhali uthela ipetula kulo mlilo ngokuthi kufikisane eli lizwi lokungafunzwa kunye nencwadi kaNomaMpondomise eyamkela isicelo sikaGugulethu sothando.
- Le yantlukwano phakathi kokuzibonela nokubonelwa yenza uthanda phakathi kwamaHlubi kuba kukho ahamba noGugulethu ngembono abe uyise exela izinyo liqaqamba eqamele ngokuba akanakulunga ukuba liwexuwexu- kungekho mntu ubuqondayo obu buwexuwexu ukuba busuka kwisivumelwano sakhe noMaGaba.
- Oku kwenza uGugulethu angene kwelinye inqanaba, elokuvala umlomo athi kwakubuzwa nantoni athi makubuzwe kuyise- ubungqina bokuba imdla ngaphakathi le nto. Kuyacaca ukuba lo Buzani Kubawo yindlela yakhe yokubhalisa unkwintsho ngokusuka atshatiswe nomntu angamaziyo.

- Ukungenelela kukaMzamo ngokuya kuthethathethana noZwilakhe kumshiya nesilumkiso uZwilakhe kuyikhulise ngakumbi inkxalabo kuba ithemba lakhe ibileli kholwane lakhe lidla ngokumkhululela amaqhina kodwa suka eli laqanyangelwa ukubotshwa oku.
- Kuyanda ukungakhelani mililo kwabantu abadala nabatsha kuba uNomaMpondomise naye, ngokukhulelwa luthando lukaGugulethu ukhupha iinkomo zikaMcunukelwa kodwa yena asuke ancame akwamkele okumehlelayo.
- Imini yomtshato kaGugulethu iyafika- uGugulethu obesele ekwelinye ilizwe ngokukhathazeka osebenzisa ulwimi olunqungunqungu-obona iindudumo, imibane etshawuzayo ngesehlo ngasinye imenze uGugulethu akubonise esindlangalaleni ukungahambisani noyise ngokuqamangela isandla sakhe ukuze angatshatiswa ngumfundisi. Nangoko uZwilakhe ubona kulungile ukuba amtshatele ngokumsayinela unyana wakhe. Kodwa kukhamnqise wonke umntu oku.
- Umbhali wenza imini yomtshato kaGugulethu lbe ngundabamlonyeni ngokuthi kufe uMzamo, atsho eve uNomaMpondomise ngomtshato aqalise ukuzizonda de azonde isidalwa esiyindoda, athathe amanyathelo asemthethweni okumangalela uGugulethu ngokwaphula isithembiso.
- Ngemini yetyala uGugulethu noNomaMpondomise bazibopha ngelabo iqhina lomtshato, azeyelisele emlanjeni afe uNomampondimise.
- Ibali lilonke ngoku linuka igazi, ulwimi oluthethwayo lunzulu, izinto ezenzekayo ziyakhamnqisa. UGugulethu oko wemka ekhaya zange wawubeka umcondo ekhaya. UMthetho noNyaniso bakuya babuya nelizwi elithi makubuzwe kuyise kaGugulethu.
- Eyona mpazamo yeempazamo yakuphela iminyaka eli-12 uGugulethu elikhalele ikhaya, uthunyelelwa nguyise umfazi onabantwana abathathu, ivele xa kulapho ingqumbo kaGugulethu abagawule ngezembe bonke bafe. Nalapha ulwimi lukhala ngezulu, ngeengqimba zamafu- inkundla yamatyala iyamgweba uGugulethu ngesenzo sokubulala.
- Uyise uZwilakhe uyazigweba ngesenzo sokunyanzelisa nokulahlekisa isizwe.Kuba yindykitya yokufa nanjengoko noMaGaba ezityisa ityhefu.
- UGugulethu uyalela ukuba umzimba wakhe ubekwe ecaleni komzimba kaNomaMpondomise.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo)

**AMANQAKU EWONKE** **[25]**

**UMBUZO 3**

Phicotha isimo sentlalo kwidrama ethi, “*Buzani Kubawo”* **(25)**

**IMPENDULO**

**Umfundi kulindeleke ukuba achankcathe kwezi ngongoma zilandelayo xa ebhala isincoko salo mbuzo:**

Isimo sentlalo siphuhlisa indawo apho lenzeka khona ibali, ixesha elenzeka ngalo kunye nendlela abantu abaphila ngayo. Isimo sentlalo sisetyenziswa ukuphefumlela umoya othile ebalini, ukuhlakulela into ethile ebalini nokuphuhlisa abalinganiswa okanye umxholo webali. Isimo sentlalo sivezwa zizinto ezifana nezinxibo zabalinganiswa, ulwimi abaluthethayo, izixhobo abazisebenzisayo, ezothutho, iintlobo zezindlu abahlala kuzo, izikolo, iintlobo ngeentlobo zeenkolo, njalo-njalo

**Ibali ezilalini**
- Emzini kaZwilakhe noMaGaba kwilali yaseZazulwana apho ibali liqala khona kuba sidibana nentombi yabo enguNozipho ihleli yodwa kwindlu eqhuma umsi kuba kubaswe kuyo. Abazali bakaNozipho baye emtshatweni kwenye ilali engapheya kwale yabo kwaNgoqo. Olu sapho lwakwaZwilakhe kulapho lushukuxela khona imbali zomtshato wakwaNgoqo nendaba yokutshata kukaGugulethu ongunyana wabo.
- KuloMzamo apho uGugulethu eye kudlula kuMzamo ongumhlobo wakhe ukuba baye emtshatweni. Liqhubekile ibali eNgqamakhwe kwisikolo saseBly apho kwakufunda khona uNomaMpondomise noGugulethu.
- Kwakhona lo mdlalo uqhubekile kwilali yaseNgcolosi apho kukho ikhaya likaNomaMpondomise kuba kulapho wazalelwa wakhulela khona.
- KwaZwilakhe endlwini enkulu kuxoxa uMaGaba noNozipho ngokuba uGugulethu makafune umfazi.

**Ibali edolophini**

- UGugulethu wazalelwa wakhulela phantsi kwesi sithili.
- UGugulethu ubehlala eMthatha kuba esebenza khona
- Kwakhona umdlalo uqhubeka enkundleni yamatyala eMthatha apho kuthethwa ityala likaGugulethu lokwaphula isithembiso sokutshata uNomaMpondomise watshata noThobeka.
- UThobeka uswelekela kule dolophu yaseMthatha nabantwana bakhe abathathu bebulawa nguGugulethu ngokubaxabela.
- Ityala likaGugulethu lokubulala lixoxelwe kwiinkundla zale dolophu yaseMthatha de wagwetywa intambo.
- Emlanjeni eMthatha kulapho uNomampondomise azeyelisele khona kuba elahlwe nguGugulethu wavuma ukutshata noThobeka.
- ENgqamakhwe eBly kulapho bekufunda khona uGugulethu noNomaMpondomise

**Ixesha**
- Ixesha lityhilwa zizinto ezenzekayo, eziqhubekayo nezisetyenziswayo ngabalinganiswa kwintlalo yabo. Umzekelo kulo mdlalo sibona kukho impixano ebangelwa kukwahluka kwexesha abaphile ngalo abalinganiswa abakule ncwadi.
- Abazali babonela abantwana babo abalingane njengoko kwakufudulwa kasenziwa njalo mandulo, ngoku amaxesha ngamanye lixesha lenkululeko apho umfana okanye intombi inelungelo lokuzikhethela umlingane wayo.

- UZwilakhe noMaGaba inkosikazi yakhe bakhethela unyana wabo uGugulethu intombi amakayitshate enguThobeka ethandwa ngabo ngezinto abazazi iziimpawu zomfazi. UGugulethu yena ufuna ukutshata uNomaMpondomise intombi ethandwa nguye.
- Ukungqina ukuba lo mdlalo uqhubeka kwixesha langoku uGugulethu wayefundile. Loo nto iyodwa yiyo engunobangela wokuba angaboni ngasonye nabazali bakhe kunye namalungu athile osapho lwakhe kuba wona asadla ngendeb'endala
- Kucacile ukuba xa kukho izikolo kukho iindidi ngeendidi zezifundiswa ootitshala, oomantyi, abefundisi njalo-njalo. Umzekelo isikolo saseBly apho kwakufunda khona uGugulethu noNomaMpondomise
- Izinxibo ezinxitywe nguGugulethu nabahlobo bakhe emtshatweni kwaNgoqo zingqina ukuba ngenene lixesha langoku. Umzekelo, bambi banxibe iisuti, imibhaco nkqu nelokhwe emhlophe yomtshato
- Kwakhona ukungqina ixesha langoku siva kuthethwa ngenkundla yamatyala eseMthatha apho kwakuchotshelwe khona ityala likaGugulethu lokubulala
- Ulwimi lwasemzini olusisiNgesi nolusetyenziswa ngabanye abalinganiswa kulo mdlalo lungqina ukuba ngenene lixesha langoku sele kukho umfutho waseNtshona. Yiva uGugulethu xa athi, 'I want to be ready, I want to be ready, I want to be ready, to walk in Jerusalem just like John.'
- Ezi zinto zilandelayo ziyangqina ukuba ixesha oqhubeka ngalo lo mdlalo lelangoku – ileta ebhalelwe uGugulethu nguNomaMpondomise, iphephandaba elithengiswayo elisasaza iindaba iMvo okanye uMthunywa, imali, iimoto njalo-njalo
- Inkolo yobuKrestu nayo ingqina eli xesha langoku sele kukho umfutho waseNtshona. Umzekelo UThobeka ngexesha endwendwele uGugulethu eMthatha, uthi akubona ukuba umoya awumhlanga akamkelekanga kwaphela abhenele emthandazweni ekwavuma ingoma yobuKrestu.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo)

**AMANQAKU EWONKE**

**[25]**

**UMBUZO 4**

Uthando ludlale indima ephambili ekuphuhliseni impixano ekule drama. Xhasa olu luvo. **(25)**

**IMPENDULO**

**Umfundi kulindeleke ukuba achankcathe kwezi ngongoma zilandelayo xa ebhala isincoko salo mbuzo:**

Uthando kule drama lube ngunobangela wokugilana kwezimvo okuthe kwakhokelela kwimpixano phakathi kwabalinganiswa nto leyo ethe yakhokelela kwiziphumo ezibi eziquka inyhikityha yokufa.

- Uthando lukaMaGaba kunyana wakhe lumenza acinge ukuba into ethandwa nguye nonyana wakhe woyithanda ade abe kwiqondo lokunyanzelisa umyeni ukuze umyeni aqweqwedise unyana nto leyo eye yakhokelela kwimpixano emandla phakathi kukaGugulethu nabazali bakhe.
- Eyona nto ithi iyikhulise ngakumbi impixano kukuma kukaMaGaba aqine kuba efuna intombi kaMcothama uThobeka ayithandayo itshate noGugulethu.
- UZwilakhe uyathoba kuba ke naye egrogriswe nguMaGaba ngokubeka ubudoda bakhe esikalini xa enokoyiswa ngulo mcimbi. Oku kwenza uZwilakhe athi esiva macalonke ukuba uGugulethu uthi lo mcimbi wentombi mawuyekelwe kuye kuba ezazi yena ukuba ikhona intombi esenyongweni kuye enguNomaMpondomise azimisele ukuyitshata. Impixano iye yondela ngakumbi nangakumbi kuba ecaweni sibona uGugulethu ebophe isandla sakhe kuba engafuni kutshata noThobeka.
- Ukungaboni ngasonye kwabazali nabantwana babo ngomba wothando kube ngunobangela wongquzulwano olubanzi phakathi kwabo.
- Ukwamkelwa kwesicelo sikaGugulethu nguNomaMpondomise kokona kwenze ukuba angqishe ngonyawo noGugulethu kwelakhe icala engafuni kwahlukana nomntu osenyongweni kuye nambona njengoyena ndofanaye kuko okuthe kwayenza yakhula ngakumbi impixano.
- Ukukhupha kukaNomaMpondomise iinkomo zikaMcunukelwa ebesele elotyolwe ngazo kuba esithi akamthandi kwaye exolele ukuba lihlazo nokuhlupha abazali bakhe kunokuba endele endodeni angayifuniyo kube ngunozala wempixano phakathi kwakhe nabazali.
- Iindaba zokutshata kukaGugulethu ezipapashwe kwiphephandaba iMvo zabaNtsundu elifundwe nguNomaMpondomise zimenze wanempixano yangaphakathi kwaye ziye zamkhathaza emphefumlweni kuba ebecinga ukuba uza kungenisa iinkomo zikaGugulethu njengoko ekhuphe ezikaMcunukelwa.

Impixano yangaphakathi kuNomaMpondomise iye yathatha olunye unyawo kuba uncame ngokuzeyelisele emlanjeni eMthatha xa ephoxwa nguGugulethu ebecinga ukuba uza kutshata naye.

- Impixano yangaphakathi nothando lwakhe kuNomaMpondomise ongasekhoyo iye yondela ngakumbi kuGugulethu kuba ubonakala ngokuzila ikhaya, anxibe iimpahla ezimnyama, iminyaka ede yadlula kwishumi elinambini, ome emqaleni kuZwilakhe obefuna ukumfuthanisela ngomfazi angamthandiyo.
- Isenzo sokuthumela uThobeka eMthatha kuGugulethu ongazange amthande nabantwana bakhe abathathu idala ungqquzulwano olumandla kude kukhokelele kwinyhikityha yokufa, isiza ngoGugulethu othe wagawula ngezembe abantwana. Isenzo esi senza sikholelwe kukuba kwayena, waphumayo kwisiporo sengqondo ezinzileyo ngenxa yoxinzelelo lomphefumlo oluzalwa kukuchukumiseka ngenxa yothando.
- Le mpixano noku kuphazamiseka ngokwengqondo kukaGugulethu okwenziwe luthando olungazenzisiyo ngumqondiso wothando olungenamida.
- Ukunyanzeliswa kwesiko lokubonelwa ngabazali abantwana bengathandani kube ngunozala wempixano ekule drama.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo)

**AMANQAKU EWONKE** **[25]**

**UMBUZO 5**

Hlalutya isakhiwo sale drama. **(25)**

**IMPENDULO**

**Umfundi kulindeleke ukuba achankcathe kwezi ngongoma zilandelayo xa ebhala isincoko salo mbuzo:**

Umbhali wedrama uye abe nendlela ethile yokubhala incwadi yakhe ukukhulisa ibali lakhe. Ndlela leyo athi asebenzise ubuchule bakhe bokuyila ingxoxo ngeenzame zokuphuhlisa iinjongo zakhe nokukhupha umdlalo ophume izandla. Le mpumelelo iye ivezwe ngala manqanaba alandelayo; ingabula-zigcawu, ukuyondelelana, uvuthondaba, isisombululo nesiphelo sebali.

**Ingabula-zigcawu**

- Apha kwesi sigaba izithole zempixano zithi zivezwe kwaye kulapho sithi nesimo sentlalo sityhilwe khona, kuze kwaziswe nabalinganiswa abaphambili apha encwadini. Kule ncwadi kaTamsanqa sidibana noNozipho encokola nomama wakhe uMaGaba, uNozipho uzivalele endlwini enomsi kwaye uhleli yedwa. Konke oku kwenzeka kwilali yaseZazulwana endlwini kaZwilakhe ongumninimzi weli khaya.
- Ngokusichazela ngaba balinganiswa umbhali ukhulisa isakhiwo sakhe sebali kuba ubaveza ekuqaleni kwaye ngabo abakhulisa ibali.
- Umbhali usebenzisa umsi kwakhona ukuphuhlisa injongo ethile nokukhulisa isakhiwo sakhe sebali. KwaXhosa umsi unentsingiselo engentlanga, kwaye umbhali ngokusebenzisa umqondiso womsi uyasikrobisa ukuba kukho okubi okuza kwenzeka apha encwadini.
- Inkcazelo asinika yona yabantu abahambileyo ukuya emtshatweni inento eyityhilayo ngento eza kwenzeka apha encwadini. Incoko ephakathi koMaGaba nentombi yakhe uNozipho ngomtshato neminqweno kaMaGaba iyikhulisa ngakumbi impixano kule drama.
- Ingoma evunywa nguNozipho ethi 'Dilika Thando lwam', iqulethe lukhulu kwaye iyasikrobisa ukuba impixano eza kuthi yenzeke kule ncwadi iza ngothando.
- Umbhali ube nobuchule bokuyila isakhiwo sale ncwadi ngesakhono sakhe sokukwazi ukuyikhulisa ngokuthi asebenzise uMaGaba ukuba afuthele indoda yakhe ngomoya wokubonela uGugulethu ongunyana wabo umfazi.
- Umbhali uphinda asebenzise uZwilakhe ekuyileni esi sakhiwo kuba uthi akuyiva le nyewe ngomfazi wakhe abethe ngenqindi phantsi efunga esithi akasayi kujika kwisigqibo sokuba uGugulethu atshate intombi kaMcothama. Oku ukwenza engekaziva ezikaGugulethu izimvo kwaye sele ebonakala ukuba akazise so. Igama athe wamnika lona lo mlinganiswa ebemnika ngenjongo waze naye Zwilakhe walilandela akajika.

**Ukuyondelelana kwezinto**

- Kweli nqanaba uyilo lwesakhiwo luya lukhula ngokukhula kuba ingxabano nokungaboni ngasonye kuya kuthatha unyawo. Umbhali usebenzise indlela apha ebonisa ubuchule bakhe obungummangaliso kuba usebenzisa uZwilakhe ukondlala lo mcimbi wokuzeka kukaGugulethu ekukhuliseni nasekuyileni ngakumbi ibali lakhe.
- Uxambuliswano nokungaboni ngasonye kukaZwilakhe noGugulethu unyana wakhe ngombandela wokubonelwa luya luthatha unyawo. Olu xambuliswano alukho phakathi koGugulethu noZwilakhe uyise kuphela, koko kungenelele namaHlubi atsho ahlukana kubini.
- Umbhali uphinda asivezele umlinganiswa onguNomaMpondomise ngenjongo yokuyila nokwenza luqilima mpela esi sakhiwo. Ukwamkela kukaNomaMpondomise isicelo sokuthandana noGugulethu kwenza nzima izinto ngakumbi nangakumbi.
- Indima kaNomaMpondomise apha kulo mdlalo kukuza kuqinisa intliziyo kaGugulethu ngakumbi ngothando analo kuNomaMpondomise nokuza kukhulisa ngakumbi uxambuliswano phakathi kukaGugulethu noZwilakhe utata wakhe.

- UThobeka usetyenziswe njengomqobo oze kuxaba kwindlela eya empumelelweni kaGugulethu noNomaMpondomise. Igama alinikiweyo lenza ukuba kube nzima kuye ukuvakalisa izimvo zakhe ngokupheleleyo. Konke oku kwenzeka ngenjongo yokuyila ngakumbi esi sakhiwo sale ncwadi.

**Uvuthondaba**

- Umbhali uya eliqamangela ngokuliqamangela iqhina lakhe lokuyila isakhiwo sale ncwadi. Oku ukwenza ngokudulisa uvakalelo lwabalinganiswa baphumele elubala bazitsho zicace gca okwekat'emhlophe ehlungwini izimvo zabo. UNomaMpondomise ukhupha iinkomo zikaMcunukelwa obesele emlobole ngenxa kaGugulethu.
- Uyilo lwesakhiwo luya lunyuka umnqantsa, uGugulethu utshatiswa ngebhaxa noThobeka angamthandiyo. Naye uThobeka kwelakhe icala akonwabanga sesi senzo kodwa ngenxa yokuthobela abazali wafa namthanyana.
- UMzamo ongumhlobo osenyongweni kaGugulethu uhlatywa asweleke emtshatweni kaGugulethu.
- Limtshonela emini ilanga uGugulethu, oku kuvezwa ngamazwi awasebenzisayo athi, 'Liqalisile! Liqalisile! Liyaduduma! La mazwi kaGugulethu abonisa mhlophe ukudandatheka kwentliziyo yakhe kwaye akwatyhila ukuba umdlalo ngoku uyaya kwayiwayo kuza kuqhawuka unobathana.
- Njengoko izinto zisiya kwayiwayo, umbhali usebenzisa iphepha-ndaba ukuchaza ngokusweleka kukaMzamo emtshatweni kaGugulethu. Njengoko zingalali mbetheni ziye zafika nakuNomaMpondomise ezi ndaba wanga angathi vuleka mhlaba.
- Ukuzikhupha kule ngxubakaxaka uNomaMpondomise umangalela uGugulethu kwinkundla yamatyala eMthatha. Uyilo lwesakhiwo luya ngokuba mandundu kuba uNomaMpondomise uye waya kuzenyelisa emlanjeni wabhubha.
- Umama kaNomaMpondomise uManyawuza naye ulandela intombi yakhe ukuya kwantsonganyawana.
- UGugulethu ngokwasezingqondweni ukwelakhe ilizwe, mve xa esithi, Liyaduduma! Liyaduduma! Lidlula nemiphefumlo. Buzani kubawo! La mazwi kaGugulethu abonisa mhlophe ukuba ngoku izinto zijikile kukekelelwa ekusonjululweni kwezinto.

**Isisombululo**

- UZwilakhe uthumela uThobeka nabantwana bakhe kuGugulethu eMthatha. Isizathu sesenzo sikaZwilakhe kukuba yena Zwilakhe akanakondlela enye indoda usapho yona isidla amazimba. NgokukaZwilakhe sesona sisombululo sisiso esi sokuzama ukuthi xibilili umthwalo ekudala ewuthwele kaThobeka nabantwana bakhe.
- Isenzo sikaZwilakhe asizi nasisombululo sisiso koko siza nenyhikityha yokufa kuba uGugulethu uphela ebulala uThobeka nabantwana bakhe.

**Isiphelo**

- UGugulethu uyabanjwa agwetywe intambo.
- UMaGaba ongunina kaGugulethu uzityisa ityhefu afe.
- UZwilakhe ekugqibeleni uyavuma ukuba nguye unobangela wayo yonke le ngxubakaxaka, koko ucela ukuba kuvalelwe yena endaweni kaGugulethu.
- UGugulethu usamkela ngezandla ezingenamikhinqi isigwebo sejaji atsho eyalela okokuba umzimba wakhe uye kungcwatywa ecaleni kwentombi kaLangeni.
- Umbhali uphumelele ukusebenzise ubuchule obungayiwayo ukukhulisa ibali lakhe ngokuzisa ingxaki eba ngunobangela kanti ngalo lonke elo xesha uyila isakhiwo sencwadi yakhe.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo)

**AMANQAKU EWONKE** **[25]**

## 5.1.2 IMIZEKELO YEMIBUZO EMIFUTSHANE NEEMPENDULO




**Mfundi kweli candelo lemibuzo emifutshane uza kunikwa isicatshulwa esicatshulwe kwidrama esiya kuba sisikhokelo kwimibuzo oza kuyibuzwa.**

**UMBUZO 1**

**Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule uphendule imibuzo elandelayo** **(25)**

**ISICATSHULWA A**

| | |
|---|---|
| UMAGABA: | Kowu, ubemhle kakhulu. Intombi yomfo incothukile, isukile egadeni, yaye ifanelwe sisiqu sayo esiphakathi. Yintokazi etsho ngomhlantla nezinxonxo. Yafaneleka nendoda yakhe bethu alabikho igxeke, umfana yamhlala impahla yakwamLungu yanga wazalwa nayo. Baye umfana bemncoma ukulunga, abamaziyo besithi yindlel'enqwelo. Akwaba nomfazi ebeya kuba njalo zibe iindonga ziwelene, kungathi kanti bubuhle bekhiwane. |
| UNOZIPHO: | Ibingoobani iintombi ebeziyile apha kule yethu ilali? |
| UMAGABA: | Andingeze ndazi kaloku Hlubi, kuba thina sihlala ndawonye. Kodwa ke ndikhe ndamthi tshe uThobeka noNomsa, andazi abanye. Yantle intombi kaMcothama nokuzola kwayo, ifanelwe sisinxibo sayo esikhethiweyo. Kowu yiva! Bendisazi kakade ukuba akunakho ukuthetha ngoThobeka zekungabikho mazwi athile ancomayo. |
| UNOZIPHO: | Inene andiyazi le nto akutyela yona uThobeka, le nto kuthi kwakuthiwa cha igama lakhe ungenakukhe ungadondotheli uncome. |
| UMAGABA: | Ndifanele Nozipho mntwanam, ndiyamthanda laa mntwana andizenzi, nangoku andazi ukuba abafana aba bayaphi na. Ukuba bekukho soka ndizalana nalo bendingeze ndalikhombisa yimbi ingeyiyo ekaMcothama, uThobeka. Ubufanele ubufazi umntwan'aloo mntu. Igazi lakhe lo mntwana lihlile. Uthobile ulilandele igama lakhe. Ukhuthele, yonke into ayenzayo uyenza ngomzimba okhaphu-khaphu akathunywa kuyo, ngokwabantwana bale mihla sinayo abafuna ukusoloko bemelwe ngemva xa benza into. Inene mhla wenda, isithuba sakhe soza sibonakale kulaa mzi kaMcothama. |
| UNOZIPHO: | Uyakuthini na Gaba, ukuthi ukuba ubunesoka ozalana nalo, utsho inguye lo umfana umzele? |
| UMAGABA: | Kanti nangoku ukuba bekuthetha mna, bekungekho ntombi yimbi ibiya kuthathwa nguGugulethu ngaphandle koThobeka. Koko ke andinakunceda, |

abantwana esibazeleyo abasiva, abafuni kwenza nto ithethwa ngabazali, bafuna ukwenza into ephambi kweengqondo zabo. Yaphela laa nto yakudala ebethi umfana abonelwe ngabazali umfazi, eve yena selexelelwa intombi amakayizeke. Ithi ukuba yintombi ive sekusithiwa: 'Ntombi yiya kwazibaningeshe, sikwendisela khona ngemvisiswano yabazali,' kungagqitywanga nayo.

UNOZIPHO: Uwo bawo! Ingathi ndiyabona xa ndinokusiwa entweni, nokuba ineliso elinye, ndingathandi. Uxela nje nawe Gaba usithi, 'laa nto yakudala.' Lelinye ixesha eli sikulo ngoku. Amaxesha ngawokhanyo.

UMAGABA: Yiyo ke le nto zinguqulukubhode izinto zale mihla yenu nithi yeyokhanyo. Oonyana neentombi zabantu ngezi mini bayabhutyuza, abakwazi abakwenzayo ngenxa yokuba kaloku kubanjwe amasiko asezintlangeni kwalahlwa awasekhaya. Kanti ke ngoko, zazingekho ezi zinto zenzeka ngale mihla: la manyondololo okuqhawulwa kwemitshato; oku kungevani koonyana nooyise; oku ngevani koomolokazana nooninazala; zazingekho, kuba kaloku umtshato ubuyinto ezukileyo, usikelelekile, kuba indlu isekwe ngabazali, ooThixo bomzi. Andiyazi le yangoku into ekoze kuthi umntu ezibonele umfazi, ubone kusasa seyilukrozo kusiyiwa edolophini. Yintoni? Kuququa ezinkundleni kuqhawulwa umtshato. Ungazi ke ngoku ukuba umntu seledikwe yintoni na kwakusasa, ebezibonele nokuzibonela nje kaloku into yakhe.

UNOZIPHO: Kakade mama, khawutsho Gaba, kutheni kusuke kwathi cwaka nje? Ubhuti Gugulethu lo uya kumfuna nini umfazi? Loo nto ndivakele ndiyicinga ungekafiki, xa bendinkolo-nkoloza ndisifa ngumsi, ndibhuqwa nasisithukuthezi ndindedwa. Uyazi ukuba iintanga zakhe zonke zinabafazi, kungoku nje ushiywa nangamakrwala. Eyakhe into isuke yee nyamalala, ngathi yinkedama umntwa'kabawo. Kunjalo nje ndimphuphele kakubi, uyazi?

**IMIBUZO**

1.1 'Ndifanele Nozipho mntwanam, ndiyamthanda laa mntwana andizenzi, …' (Kumgca 17)
Nika isizathu sokuthandwa kukaThobeka nguMaGaba? (2)

1.2 'Kanti nangoku ukuba bekuthetha mna, bekungekho ntombi yimbi ibiya kuthathwa nguGugulethu ngaphandle koThobeka.' (Kumgca 28–29)
Uzotywe njengomlinganiswa onjani uMaGaba kulo mdlalo? Xhasa impendulo yakho. (3)

1.3 'Kunjalo nje ndimphuphele kakubi, uyazi?' (Kumgca 57–58)
Chaza iphupha eliphutshwe nguNozipho elimalunga noGugulethu. (2)

1.4 Isityhilela ntoni le ngxoxo yabalinganiswa abakwesi sicatshulwa? (2)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA B**

| | |
|---|---|
| UNOMAMPONDOMISE: | Ndingxamele ukukhe ndive wethu mama ukuba uthini na uDizicks. *(Uyalula iphepha uyafunda)* Yho-o-o! Yho-o-o! Thixo, kazi ndingumntu oyintoni na? Yho-o-o! Yho-o-o! *(Ulahla iphepha elila)* |
| UMANYAWUZA: | Yintoni na NomaMpondomise? |
| UNOMAMPONDOMISE: | Yho-o-o! Yho-o-o! |
| UMANYAWUZA: | Umntwa 'kamfi! (*Eqhwaba izandla)* Yintoni na NoMampondomise, udliwa yini? |
| UNOMAMPONDOMISE: | Bawo-o-o! Bawo-o-o! Bawo ndixolele! |
| ULANGENI: | Utheni na lo mntwana uphambene? NoMampondomise yintoni? |
| UNOMAMPONDOMISE: | Bawo ndixolele-e-e. |
| ULANGENI: | Ndikuxolele wenze ntoni? |
| UNOMAMPONDOMISE: | Bawo ndixolele Jola. Yho-o-o! **Kazi ndingumntu oyini na ebantwini!** |
| UMANYAWUZA: | Akukho nto ayive kweli phepha kodwa? Khawukhangele Jola. |
| ULANGENI: | Ke xa kukho into adibene nayo ephepheni indawo yokucela uxolo ingena phi? |
| UMANYAWUZA: | Khawusapha ipheph'elo ndikhangele. |
| UNOMAMPONDOMISE: | Yho-o-o! Bawo! Bawo! Bawo ndixolele. |
| UMANYAWUZA: | Inene ngumhlola, andiboni nto mna nakweli phepha ebanga isililo. |
| ULANGENI: | Ngaba akukho mntu sizalana naye ubhubhileyo kusini na? |

**IMIBUZO**

1.5 *(KuseNgcolosi ngentsasa yoMgqibelo …)*' (Kumgca 1)

Nika izizathu zibe-3 zokusetyenziswa kwamagama akwizibiyeli kwesi sicatshulwa. (3)

1.6 'I-i-Mvo zabaNtsundu-u-u. Abakhala ngeMvo **zabaNtsundu**. Nal'iphepha lenu bantu baNtsundu!' (Kumgca 4–5)
Ingaba yintoni injongo yokusetyenziswa kwephephandaba kwesi sicatshulwa? (2)

1.7 **'Kazi ndingumntu oyini na ebantwini!'** (Kumgca 51–52) (2)
Cacisa ukuba amagama abhalwe ngqindilili kwintetho kaNomampondomise abonisa ntoni?

1.8 Mfundiso ni efumaneka kwesi sicatshulwa? Xhasa impendulo yakho. (3)

1.9 Luhlobo luni lwedrama olu? Xhasa impendulo yakho. (3)

**AMANQAKU EWONKE [25]**

**IIMPENDULO**

1.1 UMaGaba uthi uThobeka ulilandele igama lakhe uthobekile kwaye ukhuthele.√√ (2)

1.2 Ungumlinganiswa ongumphembeleli√ kuba nguye ophembelela ukufunelwa kukaGugulethu umfazi.√√ (3)

1.3 UNozipho uphuphe inyaka-nyaka yabantu abani-i-inzi, besenkundleni√ uGugulethu eza kuxhonywa.√ (2)

1.4 Le ngxoxo isityhilela ukuba kuza kubakho impixano kule ncwadi.√√/Isityhilela ukuba uGugulethu usexabisweni lokuthatha umfazi.√√/Isityhilela uthando analo uMaGaba kuThobeka.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

1. 5 Achaza indawo eliqhubeka kuyo ibali.√ Anika umyolelo weqonga.√ Achaza intshukumo yeqonga.√ (3)
Likwinqanaba lengabula-zigcawu.√ Apha umbhali usivezela isizathu sempixano eza kuthi iqhubeke apha ebalini.√

1.6 Injongo yokusetyenziswa kwephephandaba kukuveza ukuba uGugulethu akanyanisekanga/ Lisetyenziselwa ukuveza ukuba uGugulethu utshatile (Nayiphina impendulo) (2)

1.7 Amazwi kaNomaMpondomise abonisa ukuzisola√ kuba wakhupha iinkomo zikaMcunukelwa enethemba lezikaGugulethu√ (2)

1.8 Imfundiso kwesi sicatshulwa yeyokuba ungalahli imbo yakho ngophoyiyana√ Kuba uNomaMpondomise ulahla uMcunukelwa kuba enethemba lokutshata noGugulethu amthandayo√√/ Imfundiso kwesi sicatshulwa yeyokuba ilizwi lomntu omdala alidliwa nja√ kuba uNomaMpondomise uphethe ezisola ngokungamameli abazali bakhe.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (3)

1.9 Yidrama yentlekele√ kuba kubekho inyhikityha yokufa kwabalinganiswa ngenxa yesiko lokubonelwa komfana intombi.√√ (3)

**AMANQAKU EWONKE [25]**

**UMBUZO 2**

**Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule uphendule imibuzo elandelayo**

**ISICATSHULWA A**

| | |
|---|---|
| UGUGULETHU: | Akundifunzi ekubeni wena uzigwebile wathi andintanga yakufunzwa? |
| UZWILAKHE: | Mfana wam ndimdala, ndimdala nje andizanga ndaxoka Ndingazanga ndaxoka nje andizanga ndaba yiyo le nto kuthiwa liwexuwexu, nto ethetha apha, ithethe phaya. Musa ukufuna ukundenza loo nto ngoku ndigugayo. **Ukuba ndiyajika ngoku kule nto ndoba ndizenza ixoki newexuwexu.** |
| UGUGULETHU: | Ixoki lona sowuzenze lona Rhadebe ngokuthi andintanga yakufunzwa utsho undimele ngecephe undifunza. Uyabona ke mandikuphe le nyaniso. Nosana olu sewulufunza, ukuba ukutya alukufuni, alukufuni. Woda usuke ulukakaze, lukuginye nzima lujambalaza lungenakunceda kuba lusoyiswa ngamandla. Womana uluvingca iimpumlo ulufuthanisela usithini, lungenakunceda. Kanti ke yingozi leyo kuba usana losuka lurhaxwe, ukutya kuhle ngandlela zimbi kuba alukuginyi ngakuthanda. Kuza kuba njalo ke apha kum. Ndithe andiyifuni nje laa ntombi andiyifuni, ndaye andisayi kuze ndiphinde ndithi ndiyayifuna. Ungayithatha ke ngokubona kwakho, kodwa akuyithatheli uGugulethu, uGugulethu yena uza kubuye umthathele owakhe umfazi amthandayo. |

| | | |
|---|---|---|
| UMTHETHO: | Uxolo mfo wethu khendisabele apha kuwe. Uthi akufuni kuzenza ixoki ngokungathi ungumntu lo os'elezimanye ngentetho ethile komnye umntu | |
| UZWILAKHE: | Mawethu andikho kuyo yonke le njikeleza yokube ndixoxa. Ndithe umfana makazekelwe intombi kaMcothama. Ndigqibile ke, masithethe kuloo mihlaba ke ngoku. | 25 |
| UNYANISO: | Utsho ke uyihlo mfana, ungaba unento oyiphikisayo? | |

**IMIBUZO**

2.1 Tyhila indima edlalwe koku 'kufunza' kwisiphelo sikaZwilakhe kweli bali. (2)

2.2 Nika ingcinga evuselelwa ngamazwi kaZwilakhe abhalwe ngqindilili. (2)

2.3 Cacisa ukuba oku kuxabisa isiko ngaphezu kothando kukaZwilakhe kuyiphembelele njani impixano kule drama. (2)

2.4 Sithathwe kweliphi inqanaba lesakhiwo sebali esi sicatshulwa. Xhasa impendulo yakho. (3)

2.5 Loluphi udidi lomlinganiswa uMthetho? Xhasa impendulo yakho. (2)

2.6 Ngokoluvo lwakho chaza ukuba umxholo wale drama ukulungele na ukufundwa kule mihla. Xhasa impendulo yakho. (2)

**KUNYE**

## ISICATSHULWA B

(UMCUNUKELWA ufika ekhaya abike udaba lokwaliwa kwakhe, ayalele ukuba makuphuthunywe iinkomo kwaLANGENI. Kubizwa ooyisekazi bakaMCUNUKELWA kuxoxwe le ndaba. Ooyisekazi nguMRHAJI, uMSIKELWA, uMCHITHWA noQAVILE uyise kaMCUNUKELWA izinto zikaDUMALITSHONA.)

**UMCUNUKELWA:** Bawo, intombi kaLangeni iyandala.

**UQAVILE:** Uthini na Mcunukelwa?

**UMCUNUKELWA:** Ndithi intombi kaLangeni iyandala.

**UQAVILE:** Awu! Ithi yintoni isizathu?

**UMCUNUKELWA:** Ithi ayizanga yandithanda.

**UQAVILE:** Kuphela kwento eyithethayo leyo?

**UMCUNUKELWA:** Ayixeli yimbi.

**UQAVILE:** Iyaxoka ikhona into.

**UMCUNUKELWA:** Asazi ke.

**UQAVILE:** Ke kuza kuthiwani?

**UMCUNUKELWA:** Andiboni nto yimbi ngaphandle kokuba kuphuthunywe iinkomo.

**UQAVILE:** Uyixelele ke phofu ukuba iinkomo ezo kufuneka zibuyile?

**UMCUNUKELWA** Yiyona nto ibindibizela yona kaloku leyo.

**UQAVILE** Hayi akukho nto mfo wam, ziinto zakhona ezo. Ukufa kwebhokhwe uyiseza asinto inokuncedwa sithi leyo. Biza uMrhaji noMsikelwa noMchithwa beze apha ngoku.

(Bafikile)

**UMRHAJI:** Kutheni mfo kabawo wasibizela ebuhlanti xa litshonayo ilanga, kukho egulayo na?

**UQAVILE:** Hayi mfo kabawo akukho igulayo, nto nje kukho mcimbi wumbi ndifuna ukunazisa wona.

**UMRHAJI:** Kwek! Ndothukile mfondini. Kaloku ithi ingca yakuba nje ukuba luhlaza iinkomo zingemi kakuhle.
Nantsi le ndawo mawethu, phofu ningaxhalabi akukho nto imbi.

**UQAVILE:** Apha ndibona kufika umfana lo ebika udaba lokuba uyaliwa yintombi kaLangeni, ithi makalande iinkomo zakhe. Phofu ke mna loo nto ndiyothuke ndingayothuki njengoko kakade le ndlu ibisekwa sithi bazali kucaca ukuba intombi iqhawula iintambo.

**IMIBUZO**

2.7 Nika iimpawu zedrama EZIMBINI ezifumaneka kwesi sicatshulwa. (2)

2.8 Xela intsingiselo evezwa ngamazwi kaQavile abhalwe ngqindilili. (2)

2.9 Phawula ngokulunga okanye ukungalungi kwesenzo sikaNomaMpondomise sokukhupha iinkomo zikaMcunukelwa. (2)

2.10 Chaza isimo sentlalo esityhilwa kwesi sicatshulwa. (2)

2.11 Khankanya isiganeko esilandela emva kwale ndibano yooNozulu. (2)

2.12 Xela ukuba adiza luphi uvakalelo amazwi kaMcunukelwa akrwelelwe umgca ngaphantsi. (2)

**AMANQAKU EWONKE [25]**

**IIMPENDULO**

2.1 UZwilakhe uyazisola ngokufunza kwakhe uGugulethu ngomfazi kuba ushiyeka engenanyana, enganamolokazana, engenabazukuwana namfazi ngenxa yako.√√ (2)

2.2 Ingcinga yokuba uZwilakhe uzimisele ukumnyanzela uGugulethu ngalo mfazi.√√ (2)

2.3 Ukuxabisa kukaZwilakhe isiko ngaphezulu kothando oluxatyiswe nguGugulethu kumenze wanyanzelisa uGugulethu ukuba atshate intombi kaMcothana uThobeka kuba esithi lisiko kwaze oko kwadala umsantsa phakathi kwabo ngokokude kufe abantu abangenatyala.√√ (2)

2.4 Kwinqanaba lokuyondelelana kwezinto√ kuba sifumana ukunyukela kokuhlelana okanye ukusukuzana kwaye nempixano ithatha unyawo xa uGugulethu eqalisa ukuzithethela kuyise ngalo mba wokuzekelwa umfazi.√√

2.5 UMthetho ungumlinganiswa onguvalithuba√ kuba umana ukufika ngamaxesha athile akasoloko ekho apha ebalini, usetyenziselwe ukuveza injongo ethile.√ (2)

2.6 Ukulungele njengoko ungokutshaza kwesiko lokubonelwa komfana nentombi ngabazali umntu aza kutshata naye isekho imingqandandana esathe gqolo iwenza lo mkhuba, ngoko ke iyafundisa ngeendlela ezilungileyo ze ikhalimele indlela ezigwenxa zokusombulula le ngxaki.√√/Awukulungelanga kuba ingabenza abafundi bakope ezi zenzo zibi, bacinge ukuba isisombululo sengxaki kukuzibulala okanye kukubulala omnye umntu. √√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

2.7 Abalinganiswa bazithethela ngokwabo√/imo esibhalwe ngayo isicatshulwa√/Ukusetyenziswa kwezalathisi zeqonga.√
(Nasiphi na isibini kwezi) (2)

2.8 Yintsingiselo yokuba akukho nto banokuyenza mabancame.√√ (2)

2.9 UNomaMpondomise wenze isenzo esingalunganga kuba isenzo sakhe sibonakalisa ukungabahloneli abazali bakhe kunye nesiko.√√/
UNomaMpondomise wenze isenzo esilungileyo kuba akazange amthande uMcunukelwa kwangaphambili.√√/kuba nesiko liyaphelelwa ngokuhamba kwamaxesha.
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

2.10 Ixesha ezimbalini lityhilwa ngokuba kubonakala ukwahlulelana kwexesha lamandulo nelangoku apho abazali benyanzela abantwana ukuba batshatane ngesiko lakudala.√√/Intombi ikhupha iinkomo ngenxa yokutshintsha kwamaxesha ezimbalini.√√/Imo ntlalo yasezilalini ityhilwa kukusetyenziswa kobuhlanti xa kuthethwa ngobulawu nokusetyenziswa kweenkomo xa kulotyolwa √√
(Nayiphi na kwezi)
(2)

2.11 Kukulandwa kweenkomo zekhazi kwaLangeni ngoNozulu. √√ (2)

2.12 Adiza ukuba uMcunukelwa uyanikezela√ kuba iimpendulo zakhe ezimfutshane zinomfutho wokuyamkela imeko azibona ekuyo.√ (2)

**AMANQAKU EWONKE [25]**

**UMBUZO 3**

**Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule uphendule imibuzo elandelayo**

**UZWILAKHE:** Kowu, uyazi ukuba unyanisile. Yintombi loo nto, iyahlokoma yonke le lali ngesimilo sayo esisulungekileyo. Nam ndiyakungqinela mfazi. Kodwa ke ukumxelela kwethu masikhe siyiyeke leyo yentombi, yofanela mhla amawethu ahlangana. Okwangoku makhe simele nje ukuba kufuneka efune umfazi, kuba hleze kuthi kanti amawethu aza kuyichasa le ntombi. Yena ngokwakhe uGugulethu andiqondi ukuba angachasa, noko ngumntwana osivayo, ongagqithiyo kwilizwi lethu.

**UMAGABA:** Ke ukuba aMaHlubi ayayichasa, uthetha ukuba kothiwani?

**UZWILAKHE:** Andazi kaloku.

**UMAGABA:** Mna zinkosi andikhathali nokuba umntu uchasa ade alale ngomqolo phantsi, ndifuna intombi kaMcothama ize kurhuqa amajelemani kule nkundla nokuba sekumnyam'entla. Andazi ke ukuba kukho umntu ongalawulwa ade alawulwe nangendlu yakhe. Ukuba kukho umntu obona isiphako kwintombi kaMcothama esingabonwayo sithi, akukho nto, yoba sisikade sethu eso. Akukho nzwana ingenasiphako kakade. Kungcono ukuba sithi hayi ukuzenza kunokuba sithi hayi ukwenziwa.

**UZWILAKHE:** Hayi Gabakazi, seyikukubuza nje, yena umfana uza kuzeka intombi kaMcothana. Loo nto ndiza kuyimela, andikhathali nokuba umntu sele

esithini. Ukuba ndithe uza kuzeka intombi ethandwa ndim, uza kwenza loo nto ke.

**UMAGABA:** Ndingavuya ukuba unokwenjenjalo Rhadebe; ndiyathemba ke ukuba akuyi kujika kwinto oyithethileyo uzenze ixoki. Ingaba ngubani ixesha ngoku?

**UZWILAKHE:** Andazi.

**ISICATSHULWA A**

**IMIBUZO**

3.1 'Yintombi loo nto …'
Sizathu sini esibangela ukuba Zwilakhe athethe ngolu hlobo? (2)

3.2 Nika iimpawu EZIMBINI eyayibalasele ngazo le ntombi kuthethwa ngayo ngokukaMaGaba. (2)

3.3 'Akukho nzwana ingena siphako kakade.'
Yiyiphi ingcinga evuselelwa ngala mazwi angasentla kaMaGaba ngoThobeka? (2)

3.4 Phawula ngendlela ambiza ngayo uZwilakhe uMaGaba kwesi sicatshulwa. (2)

3.5 Loluphi udidi lomlinganiswa uGugulethu? Xhasa impendulo yakho. (3)

3.6 Yaba nasiphumo sini le ngxoxo kaZwilakhe noMaGaba ngokutshata kukaGugulethu? (2)

**KUNYE**
**ISICATSHULWA B**

| | |
|---|---|
| **UGUGULETHU:** | Uze kum uyandazi ndingubani? Ndiyini kuwe? |
| **UTHOBEKA:** | (Cwaka) |
| **UGUGULETHU:** | Thobeka! |
| **UTHOBEKA:** | Bhuti |
| **UGUGULETHU:** | Uyaphi? |
| **UTHOBEKA:** | (Cwaka) |
| **UGUGULETHU:** | Ndaza ndakubona simangandini! (UGUGULETHU uyaphuma) |
| **UTHOBEKA:** | (Uthetha yedwa encancisa umntwana) Kowu! Bandenza abazali bam ngokuhlala bahlale bandizise kwisilingo esinjengesi ndikuso ndibaxelela. Namhlanje ndibuzwa imibuzo engaphendulekiyo nje kungenxa yabo. Ukuba babelimamele ilizwi lam ngezingekho zonke ezi nkathazo. Namhlanje ndisezimbandezelweni ngento yangabom. Akwaba ebenokufika uma nobawo ngale mini (uyafixiza uyalila) babone imisebenzi yabo, abe nala mazwi ayavakala ezindlebeni zabo. Bandifake engxakini, ngoku bathe qelele. Noko maxa wambi kungcono ukuzenza kunokwenziwa, ngathi ngewunyamezeleka lo mvambo ukuba bendisithi ndazenza. Hayi nolulama ngokugqithileyo akunto kuba kunjenje namhla kungenxa yokuba ndathi ndilulamela ilizwi labazali. Ukuba ndandizilandule kule nto, ngendingekho kobu bugxwayiba namhlanje. Kodwa ke akukho nto, zonke izinto ndiziyaleza kuwe Thixo, nguwe umninizo, mayenzeke intando yakho. |
| **UMNTWANA:** | Mama! Mama! Yambiye, Yambiye mama! Ha-a-a-a! Ha-a-a-a! |
| **UTHOBEKA** | Kowu Thixo! Kazi ndingumntu oyini na ndingazi namntu kulo Mthatha? Thula sana lwam? Thula Tanana! |
| **OMNYE UMNTWANA:** | Nam mama ndilambile. |
| **UTHOBEKA:** | Masikhe sithandaze bantwana bam. (Uyacula)<br><br>Unabantu bakho Thixo<br>Ngamaxesha onke<br>Ubagcine ubancede<br>Endaweni zonke…<br>Bakuwela imilambo<br>Uba nabo wena<br>Bakutshiswa ngemililo<br>Uba nabo wena<br>Apho batshutshiswa khona<br>Bomelezwa nguWe<br>Nasemarhamncweni Thixo<br>Bagciniwe nguwe.… |

(2)

3.7 Yintoni injongo yokusetyenziswa kwamagama akwizibiyeli kwidrama?

3.8 Sisiphi esi silingo athetha ngaso uThobeka? (2)

3.9 Saba njani isiphumo sale ngxoxo iphakathi kukaGugulethu noThobeka? Xhasa impendulo yakho. (3)

3.10 Nika umxholo wale drama. (2)

3.11 Loluphi udidi lomdlalo le drama? Xhasa impendulo yakho. (3)

**[25]**

**AMANQAKU EWONKE**

**IIMPENDULO**

3.1 Sesokuba benoMaGaba babona uThobeka eyeyona ntombi efanele ukutshata noGugulethu ongunyana wabo.√√ (2)

3.2 Lihomba√/inesidima√/igazi layo linzima√/ukhuthele√/uthobile √/uthetha kamnandi nabantu.√

(Nasiphi na isibini ) (2)

3.3 Yingcinga yokuba nokuba uThobeka udume ngezinto ezintle isenokubakho into ebheke ecaleni nakuye kuba ungumntu uyafana nabanye.√√ (2)

3.4 Umbiza ngendlela apha emvisa kamnandi ebonisa uthando, Umbiza ngendlela ebonisa ukumhlonipha √√/Ubonisa ukumcenga.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

3.5 UGugulethu ungumlinganiswa oyintloko√ intshukumo eya kwimpixano iqalwa nguye√√/uba nabalinganiswa abamxhasayo√√/uba nabalinganiswa abamchasayo√√/ibali liqala ngaye liphinde liphele ngaye√√/zonke iziganeko zingqonge yena√√/uba nenjongo ethile afuna ukuyiphuhlisa nokuba kumnyama entla.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (3)

3.6 Sisiphumo sokutshatiswa kukaGugulethu ngenkani noThobeka angamthandiyo. √√ (2)

3.7 Kukunika umyalelo weqonga √√/Kukubonisa intshukumo yabalinganiswa. √√

(Nayiphi na kwezi) (2)

3.8 Sisilingo sokutshatiswa ngenkani noGugulethu angamthandiyo.√√ (2)

3.9 Saba sibi kakhulu√ kuba uGugulethu wabulala uThobeka nabantwana bakhe abathathu ngezembe. √√ (3)

3.10 Umxholo wokuba iinkani zimsa kwantshabalalala umntu√√/Ukuthobeka okugqithisileyo kungamlimaza umntu√√/Akulunganga ukunyanzelisa isiko eliphelelweyo√√/Uthando olululo aloyiswa nto.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

3.11 Yintlekele√ kuba kukho ukunyanzeliswa kwesiko lokubonela abalingane nto leyo ebe ngunozala wenyhikityha yokufa.√√/UGugulethu uphela ebulala umfazi wakhe nabantwana.√√

(Nayiphi na kwezi) (3)

**AMANQAKU EWONKE** **[25]**

**UMBUZO 4**

**Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule uphendule imibuzo elandelayo**

**ISICATSHULWA A**

| | |
|---|---|
| UGUGULETHU: | Mfundisi musa ukundibuza, ugqiba ukundichazela ngokwakho. Akuziboni na ezi ngqimba zingaka zamafu zifukuka eNtshonalanga? **Ngenene limathumb'antaka**, akuxokwa. **Liza kududuma! Liza kududuma!** *(Uguqukela ebantwini).* Niza kulibona ngamehlo liduduma! Niza kuliva ngeendlebe liduduma! Mna sendiyaliva, **seliman'ukundila**! *(Uyazula phambi kwabantu)* **Limathumb'antaka**! Buzani kubawo! Buzani kubawo! Bawo! Bawo! Bawo! (*Liye linyuka ilizwi engathi uza kukhala)* Bawo! Bawo! Bawo! |
| UMFUNDISI: | Mayiphakame intlanganiso. Madoda mbambeni umfana nimse enqweleni. Uncede mzalwana Zwilakhe ushiyeke ndinebhunga nawe. *(Amadoda amathathu athwala uGugulethu. Abantu bayaphuma. UZwilakhe ushiyeka nomfundisi.)* |
| UMFUNDISI: | Mzalwana Zwilakhe khawutsho ziyintoni na ezi zinto? Lo 'Buzani kubawo'? |
| UZWILAKHE: | Mfundisi le nto andiyazi, ndingasuka ndithi ziinto zabantwana beli xesha. Lo mfana asizange sivane kwamhla mnene ngale ntombi atshata nayo namhla; yena ufuna ukuzibonela umfazi mna ndimkhombisa le ntombi kaMcothama. Ke isuka apho yonke le nkathazo. Mna ndimnyanzele ukuba makenze le nto ifunwa ndim mna yise. |
| UMFUNDISI: | O-o-o! Lo 'Buzani kubawo' usuka apho? |
| UZWILAKHE: | Kunjalo mfundisi. |
| UMFUNDISI: | Noko mzalwana wam ngathi wenze impazamo nemposiso enkulu; ngowumyekile umfana wathatha intombi ayithandileyo. |
| UZWILAKHE: | Hayi mfundisi kuleyo yona into andifuni nokuva oku. Andingeze ndithi ndakugqiba ukuzala umntwana ajike andilawule, ndive ngaye; ndixolele mntu kaThixo kuloo ndawo. |

4.1 Caphula isigama esityhila unkwintsho/uqhankqalazo kwintetho kaGugulethu ekwesi sicatshulwa. (2)

4.2 Chaza amatiletile enziwe nguMzamo ukunqanda esi sehlo sale mini ikwisicatshulwa. (2)

4.3 Nika ubungqina bokubakho kwempixano kwesi sicatshulwa. (2)

4.4 Cacisa igalelo lokutshatiswa kukaGugulethu ngale mini ikwisicatshulwa ekuqhubekeni phambili kwalo mdlalo. (2)

4.5 Nika injongo yokusetyenziswa kwamazwi abhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (2)

4.6 Xela ukuba (a) ngubani othetha kwizalathisi zeqonga ezikwintetho kaGugulethu wandule (b) ukuxela ulwazi esilufumana kuzo. (2)

**ISICATSHULWA B**

| | |
|---|---|
| UNYANISO: | Hi mfondini uthi lo mfo uphilile nje? Sisibindi sini esi singaka anaso, **ukuthi sekuhle izinto ezingaka** kanti akanakho ukuyaleka? |
| UMTHETHO: | Akanayo nento le uphile qete, nto nje wenza le nto kuthiwa kukuqina enyaleni. Kaloku uZwilakhe wanconywa esiva kwathiwa uneenkani. Akwazi ukuba umntu uyonakala kukunconywa esiva? |
| UNYANISO: | Hayi mna noko le nto ndingxamele ukuyikrokrela ngathi ayiyodwa inelumbu phakathi. |
| UMTHETHO: | Akukho lumbu lanto. Kodwa uya kusikhumbula ndifung'udadethu. Uthi kukh'umntu ongahlal'ahlale athumele umfazi endodeni ingamfuni, ngaphezulu ase abantwana ingengobayo kuyo? *Noko mna ndithi lo mfo uyamlinga lo mfana; nokuba ebesel'enentliziyo entle kanjani, angade angcole ngolu hlobo kuqhutywa ngalo.* |
| UNYANISO: | Enye into endibona ukuba iyamlahla umfo kabawo ngulo mfazi wakhe. |
| UMTHETHO: | Akusayiqondi wena ukuba kukho lo mfazi ngemva kwayo yonke le nto? Akukhumbuli ukuba ukhe wayithetha lo mfazi into yokuba xa uGugulethu angabuyiyo kufuneka umfazi wakhe eye kuye? |
| UNYANISO: | Ndiyakhumbula, kwaye kuzalisekisa loo nto ngoku. |
| UMTHETHO | Ibe yingqondo enjani ke leyo? Kukho indoda engaya eliweni ilibona kuba ifuna ukukholisa umfazi? |
| UNYANISO: | Hayi Rhadebe akukho nto mfondini ndisajika, usale kakuhle. Khawundiyeke ngeento zakwaZwilakhe, mna ndiza kuzihlamba ezam izandla ndixele uZweni. |
| UMTHETHO: | Hayi Rhadebe ukholo lwakho Mthi malungabi lufutshane, ... |

**IMIBUZO**

4.7 Caphula isigama esityhila unkwintsho/uqhankqalazo kwintetho kaGugulethu ekwesi sicatshulwa. (2)

4.8 Khankanya isiganeko asikrobisa kuso amazwi kaMthetho abhalwe bukekela. (2)

4.9 Cacisa ukuchaneka kwala mazwi kaNyaniso anomgca ngaphantsi ngokwale drama. (2)

4.10 Ngqina ukuba isimo sikaThobeka sokululama sikhokelele ekubeni abelixhoba lokufa (2)

4.11 Ingaba le drama iyintlekele okanye yintlekele-siyoliso? Xhasa impendulo yakho. (2)

4.12 Nika umyalezo wale drama ngezenzo zabantu abaphantsi koxinzelelo lwengqondo (2)

**AMANQAKU EWONKE (25)**

**IIMPENDULO**

4.1 Buzani kubawo! Buzani kubawo! Bawo! Bawo! Bawo!√√ (2)

4.2 UMzamo uzincamile waya kubazali bakaGugulethu wabathethisa ecebisa nokucebisa ukuba bayiyeke le nto wade washiya elithi isala kutyelwa sibona ngolophu.√√ (2)

4.3 Kukungavumi kukaGugulethu ukwenza izibhambathiso zokutshata uThobeka azinikwa ngumfundisi ngeli xesha uZwilakhe abetha ngenqindi phantsi ukuba akazi kuzala umntwana agqibe amlawule√√/Kukuthi uZwilakhe evuma ukuba akazange avane nalo mfana kwamhla mnene ngalo mba kodwa aqhube amnyanzele ngokutshata agqibele ngokumtshatela xa engafuni ebophe isandla. √√

(Nayiphi na kwezi) (2)

4.4 Kukulo mtshato apho uGugulethu waphuma impuhlu, wazivakalisa, wazibonakalisa ukungahambisani kwakhe nokutshatiswa noThobeka√√/ Kukulo mtshato apho uMzamo wabulawayo kwaze ukufa kwakhe kwangunobangela wokukhutshwa kwenqaku lephephandaba ngalo mtshato√√/Kukulo mtshato apho kwakukho iintatheli ezathatha imifanekiso zaze zakhupha inqaku elithi uGugulethu utshate noThobeka√√/ Kukulo mtshato wale mini apho uphazamiseko lwengqondo lukaGugulethu luye lwathatha unyawo.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

4.5 Asetyenziswe ngenjongo yokubonakalisa ukuba kukho into embi eza kwenzeka. √√ (2)

4.6 (a) Ngumbalisi√
(b) Sifumana ulwazi ngentshukumo kaGugulethu√/Ngovakalelo lukaGugulethu√/ngecala ajonge ngakulo uGugulethu ngeli xesha athethayo √

(Nayiphi na kwezi) (2)

4.7 Sekukhutshwe iinkomo zelobola√/uGugulethu utshatelwe nguZwilakhe kuba akavumanga ukutshata ebophe isandla√/uGugulethu ulifulathele ikhaya lakhe iminyaka eli-12 angafuni kubuya sele eyolandwa√/uNomaMpondomise wazeyelisela emlanjeni √/uGugulethu noNomaMpondomise batshate owabo umtshato enkundleni √/uGugulethu oko waba phantsi koxinzelelo ubonakala eshiywa naziingqondo√/Ukubhubha kukaMzamo. √

(Nasiphi isibini kwezi) (2)

4.8 Sisiganeko sokubulawa kukaThobeka nabantwana bakhe. √√ (2)

4.9 Achanekile kuba wamlahla ngokuthi makatshatise unyana wakhe nentombi angayifuniyo. √√/Achanekile kuba uZwilakhe uyazisola ngokungaphulaphuli abantakwabo xa sele kukho inyhikityha yokufa unyana wakhe eza kuxhonywa. √√

(Nayiphi na kwezi) (2)

4.10 Ndiyangqina kuba uqhutywe kukululama okungenamida ukuba avume ukuya kuGugulethu nabantwana abaziyo ukuba ayingobakhe. √√ (2)

4.11 Yintlekele√ kuba umdlalo oyintlekele ubonakala ngokuthi ube neziganeko ezimanyumnyezi eziquka ukubulawa kwabantu nesiphelo esibi. √ nakulo mdlalo kuxhaphake iziganeko ezimanyumnyezi eziquka ukufa nokubulawa kwabantu nesiphelo esibi √ (3)

4.12 Ngumyalezo wokuba mabathathelwe ingqalelo kuba kungathi kanti bayingozi kubo nakwabanye abantu. √√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo)

(2)

**AMANQAKU EWONKE [25]**

**UMBUZO 5**

**Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule uphendule imibuzo elandelayo**

**ISICATSHULWA A**

| | |
|---|---|
| UMAGABA: | O-o-o! Yiyo le nto, uthe kanti sele ezibophelele. Ayinamsebenzi phofu loo nto iza kubuya iphele, akukho nento le ziinto zakhona ezo. |
| UMZAMO: | Kodwa ke mama kukho intetho ethi: 'Isala kutyelwa sibona ngolophu.' Xa nditshoyo ke ndithi yilumkeleni le nto niyenzayo. |
| UZWILAKHE: | Loo ntetho ke uyibhekisa kum kwedini? |
| UMZAMO: | Ha! Ha! Ha! Hayi bawo ungakhathazeki, ndibhekisa kuGugulethu lo nithi nimbonisa abe ephika ngeenkani. Phofu ke ingeza nakuni kuba zinokuthi kanti iziqhamo zonyanzeliso lwenu ziya kubetha nizisole nithi, 'akwaba', kube sekungekho mancedo sekukwabekile. *(Uyaphuma)* |
| UZWILAKHE: | Tyhini! Abantwana abakhoyo abanazimilo. Yhini na MaGaba, uyayiva le nto ithethwa ngulo mntwana uze kugeza emzini wam? Utsho kubani ukuthi isala kutyelwa sibona ngolophu? |
| UMAGABA: | Hayi kaloku Rhadebe ubuye wazihlangula wathi ubhekisa kwintanga yakhe. |
| UZWILAKHE: | Akumva ngoku aphumayo ukuba uthi le ntetho iyeza nakum? |
| UMAGABA: | Hayi wethu ungabokuzimamela zonke izinto ezithethwa ngabantwana; bona bathetha nje besenziwa kungazi. *(UMZAMO ungena endlwini enoGUGULETHU)* |
| UMZAMO: | Hayi ke ntanga ndiwuvile unobangela wonxunguphalo lwakho. Kodwa ke ntanga bendikucebisa, zixolise, kuba ndakuth'ukujonga ndifumanisa ukuba ixhego alizimisele ukunikezela konke. |
| UGUGULETHU | Kodwa Mzamo yintoni le uyithethayo, ngubani ongalunqandayo uthando lwam endithanda ngalo uNomaMpondomise? Ukuba ndingaphinda ndithathe enye intombi andingebi andinanyani kusini na? Ndingayiqala ngaphi khona ukuyithetha loo nto kuNomampondomise ekubeni selekuphele iinkomo ezikhuphela mna xa ngoku anokuva sendithetha enye into. |

**IMIBUZO**

5.1 Yintoni injongo yokusetyenziswa kwamagama abukekela, akwizibiyeli kulo mdlalo? (2)

5.2 Xela unobangela wengxoxo ephakathi kukaZwilakhe noMzamo. (2

5.3 Chaza impazamo eyenziwe nguZwilakhe kule drama. (2)

5.4 Uyahambisana noluvo lukaZwilakhe olukrwelelwe umgca ngaphantsi kwesi sicatshulwa? Xhasa impendulo yakho. (2)

5.5 Nika intsingiselo eziswa liqhalo elithi 'Isala kutyelwa sibona ngolophu' kule drama. (2)

5.6 Chaza ukuba ukwahluka kobudala ngeminyaka kuyiphembelele njani impixano kule drama. (2)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA B**

(*Ngoku sibona uNyaniso noMTHETHO benika ingxelo yokuphuthuma kwabo uGUGULETHU eMTHATHA kuZWILAKHE.)*

| | |
|---|---|
| UMTHETHO: | Mfo wethu, njengoko ubusithumile ukuba siphuthume umfana eMthatha, okunene siyile sawubeka umcimbi kuye njengoko ubusiyalele, sasebenzisa zonke izicengo. Kodwa ndilusizi ukuvakalisa umlomo wokuba zonke iinzame zethu ziwe phantsi. Umfana akafuni nokuva ngekhaya, uthi akasoze alubeke unyawo lwakhe apha ekhaya esaphila. |
| UZWILAKHE: | Uthi yintoni isizathu? |
| UMTHETHO: | Uthi masibuze kuwe. |
| UZWILAKHE: | Kodwa yintoni le ndiyenziwa nguGugulethu? Uthini ngomfazi lo wakhe? |
| UNYANISO: | Uthi akanamfazi. Uthi nanko owakhe elele phezu koMthatha. |
| UZWILAKHE: | Uyaxoka uza kumondla lo mntwana ethanda engathandi ndifung'amaHlubi. |
| UNYANISO: | Xa angafuniyo uza kumthini? |
| UZWILAKHE: | Ukuba uyala ndiza kumfaka emthethweni yahlulwe ngurhulumente imali yakhe. Kodwa kuqala ndiza kuthumela umfazi lo wakhe kuye eMthatha. Wothi ke ukuba akamkhathaleli ndiqale ndithabathe amanye amanyathelo. |
| UMTHETHO: | Ungakhe Rhadebe uyenze into elolo hlobo, ndiyakucebisa. |
| UZWILAKHE: | Kuya kubakho ntoni? |
| UMTHETHO: | Ndithi ungakhe uyenze loo nto. |

| | |
|---|---|
| UZWILAKHE: | **Ndidiniwe kukondla usapho lwenye indoda yona ingakhathali**; ngoko ke ndinyanzelekile ukuba ndiluthumele. |
| UMTHETHO: | Uyaqonda na ukuba lo mfazi unabantwana? |
| UZWILAKHE: | Ewe ndiyaqonda. |
| UMTHETHO: | Uyaqonda na ukuba aba bantwana asingabo abakaGugulethu? |
| UZWILAKHE: | Ewe ndiyaqonda. |
| UMTHETHO: | Ke uthi uGugulethu makondle abantwana benye indoda? |
| UZWILAKHE: | Ewe kuba ityala likuye, lo mntwana wasemzini akanalo nelincinane ityala, nguGugulethu obalekileyo. Ukuba uGugulethu ebengabalekanga waya kuhlala eMthatha, ngeyingekho yonke le nto. |

**IMIBUZO**

5.7 Thelekisa uvakalelo lukaZwilakhe kwesi sicatshulwa nangemini ekwakugwetywa ngayo uGugulethu. (2)

5.8 Chaza ukuba sibaluleke ngantoni esi sicatshulwa kumxholo wale drama. (2)

5.9 Nika umyalezo odluliswa ngumbhali ngobudlelwane obuphakathi kukaGugulethu noMzamo. (2)

5.10 Ingaba le ntetho ibhalwe ngqindilili isetyenziswe njengophuphelo okanye ubuyomva? Xhasa impendulo yakho. (3)

5.11 Phawula ngendima edlalwa ngabafazi ukulukuhla amadoda ukuze enze izinto ezibalahlekisayo kule drama. (2)

5.12 Ngqina ukuba lo mdlalo yintlekele. (2)

**AMANQAKU EWONKE [25]**

**IIMPENDULO**

5.1 Injongo yokusetyenziswa kwamagama akwizibiyeli kukunika umyalelo weqonga√√/Kukuchaza ngesimo sentlalo√√/Kukwazisa ngabalinganiswa abaza kuthatha inkxaxheba kuloo mboniso.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

5.2 Sisimo akuso uGugulethu ngenxa yokutshatiswa kwakhe ngebhaxa nguyise.√√ (2)

5.3 Kukunyanzela uGugulethu ukuba atshate uThobeka angamthandiyo. (2)

5.4 Hayi kuba ibingekokungabikho kwesimilo koko uMzamo ebezama ukubonisa ukungalungi kwesenzo sakhe sokunyanzela uGugulethu ngomfazi √/Ewe kuba ngokwesithethe sikaNtu

abantwana abaphendulani nabantu abadala bengabuzi nokubuza benikwa imiyalelo kuphela.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (2)

5.5 Yintsingiselo ethi umntu oneenkani, ongafuni ukuboniswa njengoZwilakhe makayekwe de abone iziqhamo zokungabamameli abanye abantu ezibe kukufa kwabantu abaninzi kule drama.√√ (2)

5.6 Kuyiphembelela ngokuthi kungqubane izimvo apho abantu abadala bafuna ukwenza izinto ngondlela ndala bengenzi ngokokutshintsha kwamaxesha apho abatsha bafuna ukwenza ngendlela yokhanyo. √√ (2)

5.7 Ngokwesi sicatshulwa uvakalelo lwakhe alugungqi kwisigqibo sakhe, kanti mhla kugwetywa uGugulethu wayebonisa ukuzisola. √√ (2)

5.8 Sibaluleke ngokuba kulapho ziqala ukuvuthwa khona izinto.√√ (2)

5.9 Ngowokuba kubalulekile ukuxhasana xa ningabahlobo kuba uMzamo ube secaleni likaGugulethu wangumhlobo wakhe onyanisekileyo√√/Ngumyalezo wokuba uMzamo ulikholwane likaGugulethu.√√

(Nayiphi na kwezi.) (2)

5.10 Luphuphelo √ kuba isikrobisa ngokubi okuzayo kule drama. √√ (3)

5.11 Ayilunganga indima abayidlalayo xa kuthathelwa kwisenzo sikaMaGaba sokulukuhla uZwilakhe ukuba abonele uGugulethu umfazi kuba sibe neziphumo ezibi zokusweleka kwabantu. √√ (2)

5.12 Yintlekele kuba kukho inyhikityha yokufa nesiphelo esilusizi. √√ (2)

**AMAQAKU EWONKE [25]**

**IINCWADI EZISETYENZISIWEYO**


1. Department of Basic education (2011); *Inkcazelo yePolisi yeSizwe yeKharityhulam nokuHlola*, (Government printing works, Pretoria.)
2. Department of Basic Education, (2017). *Imigaqo yokuhlola* (Exam Guidelines). (Pretoria)
3. Satyo, S.C. (1991), *Uphengululo lwesiXhosa;* Kagiso Publishers: Pretoria.
4. Satyo, S.C, *Igrama noncwadi lwesiXhosa ibanga lesi-9,* 1st Edition Via Afrika.
5. Gebeda, C.Z. & Mbadi, L.M. 1(978), *Isisele;* Lovedale Press. Alice.
6. Mtuze, P.T, Nkonto B.M, Mini, B.M, Putu B.D & Tshabe S.L.(1987), iSIxHOSA Sezikhuthali; Ibanga 8.
7. M. Lamati, (1994), Indlal'namanyala, Illustrations and design Macmillan South Africa (Pty) Ltd, 1994.

8. Uvimba woncwadi wabaCebisi besiXhosa nootitshala, (2019); Iphondo leMpuma Koloni.
9. Uvimba woncwadi wabaCebisi besiXhosa nootitshala, (2019); Iphondo leNtshona Koloni.
10. Uvimba ka Dr NP.Jaxa, Umcebisi wesiXhosa, Chris Hani East District ;Eastern Cape;
11. Uvimba ka KN Mbena-Bilatyi, Umcebisi wesiXhosa, Sara Baartman District ;Eastern Cape
12. Uvimba kaPC Somkebe, Umcebisi wesiXhosa, Chris Hani District; Eastern Cape
13. Amaphepha eemviwo eminyaka edlulileyo, Department of Basic; Pretoria.

**COMPILERS:**


- Pindo Cynthia Somkebe, Department of Education; Eastern Cape
- Nompumelelo Thelma Mkhutshulwa , Department of Education, Eastern Cape
- Nontembiso Patricia Jaxa, Department of Education, Eastern Cape
- Beyile Nosisa; Department of Education, Western Cape
- Booi Nomakula; Department of Education,Western Cape
- January Alice; Department of Education,Western Cape
- Ntombizodwa Ndzeku, department of Education, Northern Cape
- Buyelwa Mtwa, Department of Education, Northern Cape

**IZIHLOMELELO:**

**ISIHLOMELO A: AMACANDELO B NO C: IRUBRIKI YOKUMAKISHA ISINCOKO SONCWADI- INOVELI/UNCWADI LWEMVELI NEDRAMA: [25 AMANQAKU]**

| **Imiqathango** | **Egqwesileyo** | **Esemagqabini neqaqambileyo** | **Eyanelisayo nefanelekileyo** | **Eyinxalenye** | **Engaphumelelanga** |
|---|---|---|---|---|---|
| **UMXHOLO** | **13–15** | **10–12** | **7–9** | **4–6** | **0–3** |
| **15 AMANQAKU** | -Impendulo igqwesile 14–15<br>-Impendulo ebalaseleyo 12-13<br>-Ukutolikwa okunzulu kwesihloko<br>-Iingxoxo ezinomtsalane ezixhaswe ngokuvokothekileyo kusetyenziswa uncwadi<br>-Ukuqonda okubalaseleyo kwejenre netekisi | -Ubonisa ukuqonda nokutolika kakuhle isihloko okanye umbuzo<br>-Impendulo inazo iinkcukacha ezanelisayo Izimvo ezibambekayo zinikiwe nangona ingezizo zonke nje ezixhaswe njengoko kufanelekile<br>-Impendulo ibonisa ulwazi lwejenre netekisi | -Impendulo iphakathi, asiyiyo yonke imiba ekungenwe kuyo nzulu<br>-Akho amanqaku asixhasa ngokufanelekileyo isihloko<br>-Ezinye izimvo zixhasiwe kodwa ubungqina abusoloko busamkeleka<br>-Ulwazi lwejenre/netekisi alugqibelelanga. | -Buncinane ubungqina obubonakalisa ukusazi isihloko yaye kunqabile ukungena nzulu kwimiba ekubhalwa ngayo<br>-Ambalwa amanqaku axhasa isihloko<br>-Iimpendulo ezichanekileyo zimbalwa kakhulu<br>-Luncinane ulwazi ngejenre netekisi. | -Buncinci kakhulu ubungqina obububo ukuqonda isihloko<br>-Iimpendulo zisilele kakhulu ukuphendula umbuzo<br>-Izimvo zibekwe ngendlela engacacanga konke konke<br>-Alukho kwaphela ulwazi lwejenre netekisi. |
| **ISAKHIWO NOLWIMI** | **9–10** | **7–8** | **5–6** | **3–4** | **0–2** |
| **10 AMANQAKU** | -Isakhiwo siyathungelana<br>-Intshayelelo nesiphelo esigqwesileyo<br>-Ingxoxo yakheke ngokufanelekileyo yaze yakhuliswa ngokucacileyo<br>-Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala sivuthiwe, sinomtsalane, sichanekile | -Isakhiwo sicacile kwaye ingxoxo iyathungelana kakuhle<br>-Intshayelelo nesiphelo kunye nemihlathi zicwangciswe ngendlela edala uthungelwano<br>-Izimvo zithungelana ngokuchanekileyo<br>-Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala sisetyenzisiwe<br>Ngokuchanekileyo ikakhulu | -Bukho ubungqina besakhiwo obungagqibelelanga<br>-Unamathelelwano nothungelelwano lwezimvo lukho, kodwa kukho iziphene<br>-Zikho iziphene zolwimi ezithile, ithoni, nesimbo sokubhala sichanekile ikakhulu<br>-Imihlathi ichanekile ikakhulu | -Isakhiwo sibonakalisa iziphene zoyilo<br>-Izimvo azithungelelani kakuhle<br>-Iziphene zolwimi ziyabonakala<br>-Ithoni nesimbo sokubhala asichanekanga<br>-Imihlathi ineziphene | -Ukungabikho koyiloo kwenza ukuba kungabikho thungelelwano lwezimvo<br>-Iimposiso zolwimi nesimbo sokubhala esife amanqe kwenza ukungavakali kokubhaliweyo<br>-Ayichanekanga ithoni nesimbo sokubhala<br>-Ulwakhiwo lwemihlathi ludlakadlaka |

**QAPHELA:** Ukuba umviwa uwutyeshele ngokupheleleyo umxholo, suka wabhala isincoko esiya sephepha lesithathu, mnike

**IMIBUZO EJOLISWE KUBAFUNDI NGENJONGO ZOKUFUMANA INGXELO NGESI SIKHOKELO SEDRAMA**

Mfundi injongo yale mibuzo ilandelayo kukufumana ingxelo epheleleyo kuwe ngoncedo lwesi sikhokelo ukuze apho sisilele khona silungiswe.

1. Ingaba esi sikhokelo seDrama sikuncedise ngokwaneleyo ukuzilungiselela iimviwo zakho?

**IMPENDULO**

..........................................................................................................................

..........................................................................................................................

..........................................................................................................................

..........................................................................................................................

..........................................................................................................................

..........................................................................................................................

.....................................................................

2. Zeziphi izinto oziphawuleyo ezikuncedise kakhulu?

**IMPENDULO**

..........................................................................................................................

..........................................................................................................................

..........................................................................................................................

..........................................................................................................................

..........................................................................................................................

..........................................................................................................................

.....................................................................

